

**IKHARITYHULAM ESISISEKO YELIZWE LOMZANTSİ AFRIKA
YABANTWANA UKUSUSELA KWABASANDUL'ULUKUZALWA
UKUYA KWABANEMYAKA EMINÉ (NCF)**

UXWEBHU OLUBANZI
(isiXhosa)



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

unicef 
unite for children

The South African National Curriculum Framework for children from Birth to Four
February 2015

© Department of Basic Education

All care has been taken to ensure that the information is correct and original sources have been indicated for reference and verification. With an identification of the Department of Basic Education as source, the document may be freely quoted, reviewed, abstracted, reproduced and translated, in part or in whole, but not for sale nor for use in conjunction with commercial purposes. Original sources should be acknowledged where indicated in the publication.

ISBN: 978-1-4315-3216-2

Suggested citation:

Department of Basic Education. 2015. *The South African National Curriculum Framework for children from Birth to Four*. Pretoria: Department of Basic Education

Obtainable free of charge from:

Department of Basic Education
222 Struben Street
Private Bag X895, Pretoria, 0001
Telephone: 0123573000
Fax: 0123230601
Website: www.education.gov.za
Email: ecd@dbe.gov.za

Cover illustration: © UNICEF/itldesign

Layout: CTP Pretoria | Tel: 010 597 7861

ISIQULATHO

Isigama	ii
Umbulelo kwabo babe negalelo	ii
Ingabula Zigcawu: - nguMphathiswa WeMfundu esiSiseko, uNkskz AM Motshekga, MP	iii
Intshayelelo	1
Umbono ngabantwana besebancinane	2
lingcamango eziphambili ezibumbe iKSZ	5
Imigaqo ebumba imixholo emithathu eyintsika yeKSZ	7
Imimandla yokufundisa nokukhulisa abantwana abancinane	8
UMmandla wokuFundisa nokuKhulisa aBantwana abancinane wokuqala: Impilontle	17
UMmandla wokuFundisa nokuKhulisa aBantwana abancinane wesibini: Ubuwena nokuzazi imvelaphi	36
UMmandla wokuFundisa nokuKhulisa aBantwana abancinane wesithathu: Uqhagamshelwano	48
UMmandla wokuFundisa nokuKhulisa aBantwana abancinane wesine: Ukuphicotha Izibabalo	60
UMmandla wokuFundisa nokuKhulisa aBantwana abancinane wesihlanu: Ukuyila	68
UMmandla wokuFundisa nokuKhulisa aBantwana abancinane wesithandathu: Ulwazi nokuqonda ngehlabathi	77
Uhlolo Iweemfuno zokukhula nomdla wokufunda womntwana ngamnye	84
Uludwe Iwemithombo yolwazi	94



ISIGAMA

Amagama asetyenzisiwego kwiKharityhulam esiSiseko kuZwelonke yabantwana ukususela kwabasandul' ukuzalwa ukuya kwabaneminyaka emine (KSZ).

Umntwana /abantwana	kubhekiselwe kuzo zonke iintsana, abakhasayo, ababhadazayo nabantwana abancinane kuquka izinto abanokuzenza, isini, imvelaphi, ulwimi okanye inkcubeko.
Abazali	kubhekiselwe kwabo bajongene nabantwana ngqo.
lntsapho	kubhekiselwe kubantu abahlala nomntwana.
UMmandla wokuFundisa nokuKhulisa aBantwana abancinane (MFKQ)	refers to six organisers relevant to children: Well-being; Identity and Belonging; Communication; Exploring Mathematics; Creativity; Knowledge and Understanding of the world

UMBULELO KWABO BABE NEGALELO

ISebe lezeMfundu esiSiseko lenza umbulelo ongazenzisyo kuthotho Iwabo bathe badlala indima ekuveliseni nasekwakheni IKharityhulam esiSiseko kuZwelonke yabantwana ukususela kwabasandul'ukuzalwa ukuya kwiminyaka emine (KSZ). Sithanda ukubulela i-UNICEF ngokuxhasa ngemali inkqubo yokuvelisa olu xwebhu. Sibulela ngokukhethekileyo uNjingalwazi Hasina Ibrahim weDyunivesithi YaseFreyistata noMargaret Irvine ngoyilo lokuqala, kwakunye noGqira Snoeks Desmond ngokwenza izilungiso zokugqibela noveliso lohlelo olufnyeziwego.

ISebe lezeMfundu esiSiseko lenza kwakhona umbulelo ongazenzisyo kwaba balandelayo: Nomfundisweni Glory Ndabankulu; Sibusisiwe Tachie kunye noThandeka Bandla-Thunzi ngokuguqla iKharityhulam esiSiseko kuZwelonke yabantwana ukususela kwabasandul'ukuzalwa ukuya kwiminyaka emine



INGABULA-ZIGCAWU

NGUMPHATHISWA WEMFUNDU ESISISEKO, UNKSKZ A MOTSHEKGA, MP



"Ulibaziseko ekufumaneni ulwazi nokukhula ngandlela zonke ngaphambi kokuya esikolweni, kusoloko kusiba neziphumo ezineendleko nezingenako ukujikwa kubantwana, iintsapho nakuluntu ngokubanzu. Elona xesha lililo nelonga imali lokungelela lelangaphambi kokuzalwa ukuya kwiminyaka emine yokuqala. Ukutyalu imali ekuKhulisweni koBuntwana kwasekuQaleni kufanele kube yeyona nto iphambili." isiCwangciso soPhuhliso IweLizwe: Umbono ka-2030 (2011). Uphando Iubonisa ukuba iintsuku ezili-1000 (ngaphambi kokuzalwa, xa beseziintsana naxa bebadallana) zobomi bomntwana, zibonisa ubuthathaka kwiimeko zokukhula komntwana.

IKharityhulam esiSiseko kuZwelonke yabantwana ukususela kwabasandul' ukuzalwa ukuya kwabaneminyaka emine (KSZ) iyimpendulo kwimiceli-mngeni ejamelene necandelo ekuKhulisweni koBuntwana kwasekuQaleni (KBQ). Inyathelo lokuqala lokueliswa kweKSZ lalikukuveliswa kwamaZinga asiSiseko okuFunda kuZwelonke (ZSFQ) ngo-2009. Ukuqoshelisa kweKSZ kwakulawulwa ziinkqubo zothetho-thethwano eziquka nezimvo ezivela kuluntu ngokubanzu. Ezi nkqubo zasetyenziselwa ukubumba nokuqoshelisa IKSZ.

IKSZ ifika xa kanye sibhiyoza iminyaka engama- 20 enkululeko kwilizwe lethu yaye yenze yeenkqubo ezipolise ekuphuculen umgangatho wemfundu esisiseko ngokubeka isiseko esiluqilima kubantwana abancinane. Ukuveliswa kweKSZ kuyimpumelelo enkulu kwilizwe lethu njengoko iluxwebhu lokuqala olulolu hlolo. Oku kuya kuqinisekisa ukuba abantwana abaneemvelaphi ezahlukenyeyo kwiimo ezahlukenyeyo bayafikelela kwiinkonzo ezisemgangathweni zeKBQ.

IKSZ ingasetyenziswa kwiimo nangeenjongo ezahlukenyeyo ukuphucula amava okufunda abantwana. Kanti ingasetyenziswa nayimibutho yoqequesho lweetitshala ezipolise nabantwana abancinane, abahlohlhi eziyunesithi, abazali nabanye abajongene nokukhulisa ngqo abantwana, ukuphuhlsa, ukufunda nokukhula kwabantwana.

A handwritten signature in black ink, appearing to read "Mrs AM Motshekga".

Mrs AM Motshekga, MP

UMphathiswa wemFundu esisiseko

INTSHAYELELO

IKharityhulam esiSiseko kuZwelone (KSZ) inika isikhokelo kubavelisi beenqubo nakwabo basebenza ngeentsana, abakhasayo nababhadazayo kunye nabantwana abancinane, ukususela ekuzalweni ukuya kwiminyaka emine.

Olu xwebhu lubhekiselele kubantu abadala abasebenza ngabantwana ukususela kwabasandul'ukuzalwa ukuya kwiminyaka emine kuuka:

- Abazali nabantu abajongene nabantwana ngqo.
- Abantu abajongene nabantwana abancinane ngqo (kumaziko, kwiinkonzo zokuxhasa iintsapho noluntu, abagcini babantwana).
- UPraktishina/utitshala nabasebenzi abancedisayo.
- Abantu abajongene nokuqhutywa kweenkqubo kakuhle (bakwaRhulumente nemibutho yoluntu) abatyelela kumaziko anikeza ngeenkqubo zeKBQ.

Ingaluncedo nakubantwana abadatlana (abahlobo) abathi bangenelele bencedisa umntwana nomntwana kumaziko eKBQ oMzantsi Afrika.

Abantu abadala kufuneka basebenzisane ukuze kube nentsingiselo ukusetyenziswa kweKSZ. Oku kungenzeka ngokuthi kunkwe ingqwalasela kumava akumgangatho ophezulu athe aqokelewa kwiinkqubo ezijongene nokufundiswa nokukhulisa kweentsana, abakhasayo, ababhadazayo nabantwana abancinane kumaziko eKBQ, amakhaya, ekuhlaleni nalapho abantwana abasakhulayo banyamekelwa khona.

EMzantsi Afrika njengakwezinye iindawo ehlabathini, kukho ifuthe elimandla lokuxabisa nokuxhasa uhlumo nokufunda kwabantwana abasakhulayo. Uphando lubonisa ukuba iintsuku ezili-1000 zokuqala (ngaphambi kokuzalwa, xa beseziintsana naxa bebadatlana) zobomi bomntwana zibonisa ubuthathaka kwiimeko zokukhula kwakhe.

Ubungqina obusuka kuphando eMzantsi Afrika bubonisa ukuba iminyaka yobusana isisiseko sempilo, ubuntu, nentlalontle.

Uphawu oluphambili olwenza iinkqubo zeKBQ eMzantsi Afrika zibe nomahluko kwezamanye amazwe, yimfuneko emandla yokwenza utshintsho kwintlalo yoluntu ngokumanyeneyo ekukhuliseni nasekufundiseni abantwana bethu abancinane. Oku kufuneka kwenzekile ngenxa:

- yembali yocalucalulo;
- ukungalingani, neemeko ezibeka abantwana abancinane ebungozini;
- ukuphuculwa komgangatho weenkonzo ezelungiselelw abantwana abasandul'ukuzalwa ukuya kwiminyaka emine;
- imfuneko yokuphucula umgangatho wabasebenzi; kunye
- nemfuneko yokuphucula umbono omtsha wabahlali boMzantsi Afrika okhululekileyo.

IKSZ iphucula umbono opheleleyo weKBQ onika ingqwalasela kwi:

- iintsuku zokuqala ezili-1000 ezisikrobisa kumathuba ongenelelo ngaphambi kokuzalwa ukuya kwiminyaka emibini yokuqala yobomi emva kokuzalwa; kwakunye ne
- minyaka emithathu nemine yobomi naphambi kokuba umntwana aqalise isikolo samabanga aphantsi. Ngoko ke iKSZ inika ingqalelo kumntwana phambi kokuba azalwe ukuya kwixesha lokuqala iBanga lika R.

IKSZ yakhelwe phantsi kwemiqathango yomgaqo-siseko wethu, imigaqo ekumthetho wethu okhoyo, iipolisi nezicwangciso, uhlolo lweekharityhula zaseMzantsi Afrika ezenzelwe abasandul'ukuzalwa ukuya kwiminyaka emine (eFreyistata, eGauteng, eLimpopo), okufunyaniswe kuncwadi Iwehlabathi ngeKBQ, iintshukumo zehlabathi zeKBQ nabo bathethayo kwicandelo leKBQ (ngothethathethwano namahlakani olwensiwa eMzantsi Afrika). AmaZinga asiSiseko sokuFunda kuZwelone (ZSFQ) asiseko seKSZ.

UMBONO NGABANTWANA BESEBANCINANE

IKSZ iqhutywa ngulo mbono ulandelayo:

Ukusebenzisana nabo bonke abantwana kwiminyaka yobuncinane babo ngokuhloniphekileyo, kubanika amava asemgangathweni namathuba alinganayo okufikelela kubuchule bomntwana ngamnye ngokupheleleyo.

Isiseko sekharityhulam

Isiseko sekharityhulam sisixhobo sokulungiselela esiquka

- ukwazi nokuqonda ngehlabathi.
- izakhono zokuzenzela ezilindelekileyo kwakunye
- nemo ngokwasengqondweni nokuziphatha okufunekayo ukupuhlisa abemi.

Lonke olu lwazi, izakhono nokuziphatha ezidinkekayo kubantu nabemi, zichazwa 'njengokuba nobugcisa'. Abantu nabemi abanobugcisa banolwazi olwaneleyo olunokusetyenziswa, izakhono ezinokusetyenziswa nemo evumayo yokuphila eneqhamo ezihele nezonwabisayo..

Le KSZ ichaza ubugcisa ezithi iiintsana, abakhasayo nabantwana abancinane babe nethemba neminqweno yokubupuhlisa.

IKSZ ichaza iinjongo

- zokukhulisa nokufundiswa kwabantwana ekufuneka zisetyenxiswe njengesikhokelo sokunika inkxaso ekukhuleni ngokupheleleyo nakuhlolo kwindlela abakhula ngayo nobugcisa babo.
- zabantu abadala abakhuthaza ukufunda kwabantwana ngokuceba amava akumgangatho ophezelu ngokujonga nokuhlolola indlela abasebenza ngayo.

Isiqulatho seKSZ esiphathelele kupuhliso lwabantwana nokufunda kwabo ASIFANELEKANGA UKUBA SISETYENZISWE NJENGESINYANZELO. Sisixhobo esingasetyenziselwa ukuveza amathuba amava asemgangathweni kwiintsana, abakhasayo nabantwana abancinane.

IKSZ inika isikhokelo ngendlela yokuvelisa ikharityhulam elungele iiintsana nabantwana abancinane.

Ikharityhulam yabantwana abancinane imalunga namava abathi abantwana abasandul' ukuzalwa ukuya kwiminyaka emine, bawafumane kwiimo ezahlukenyero. Izinto ezena imvakalelo kubantwana, abathi bazenze, bazine, nabazibonayo kwiimo zybuncinane babo, ziyingalenye ebalulekileyo yale kharityhulam.

Ikharityhulam iqua amava

- acetylwe abantwana abancinane naphina apho bakhathalelw khona yaye befundiswa (kusenziwa ngabantu abadala).
- angacetylwe ngabantu abadala (ukufunda okuzenekelayo/amaxesha okufundiswa).

- enziwe ngabantwana ngokwabo ukuze bakwazi ukuqonda ngokubangqongileyo (eyenziwe ngabantwana).

Injongo yale kharityhulam kukunceda umntwana ngamnye ukuba aphuhlise ulwazi, izakhono, imo neendlela zokuziphatha zobomi, ukufunda, isikolo nomsebenzi.

Le nkcazel oqinisekisa ukuba iinkqubo zeKBQ eMzantsi Afrika zisekelwe ekujongeni ngokupheleleyo ukupuhhliswa nokufundiswa kwabantwana. Le ndlela inceda abantu abadala ukuze bakwazi ukupuhhlisa ngokukuko ngoku


- cwangcisa nokwenza imisetyenzana ngokweemfuno nomda womntwana ngamnye kwiimeko ezahlukenyero kune
- nokudibanisa oko kuluncedo kwiintsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane ezintsatsheni, ekuhlaleni, elizweni nasehlabathini.

Unxibelewano phakathi kweKSZ namanye amaphulo/iziseko zekharityhulam

IKSZ lelinye lamaphulo ekharityhulam aliqela. Zonke iziseko zekharityhulam kuwo onke amacandelo ezemfundu zisekelwe kuMgaqo-siSeko woMzantsi Afrika.

Ican Icandelo leKBQ liquka abantwana abasusela ekuzalweni ukuya kwabaminyaka elithoba: ngaphambi kokuya esikolweni (ukususela kwabasandul'ukuzalwa ukuya kwiminyaka emi-4) nebakala lokuya esikolweni (iminyaka emi-5 ukuya kweli-9). Amaxwebhu e ZSFQ, iKSZ, iSPN neNPKH anxulumene ngale ndlela ilandelayo:





INjongo yeKSZ

IKSZ ifuna:

- ukuqinisekisa abantwana njengabantu abanobugcisa nabathatha inxaxheba ekufundeni kwabo.
- ukuwonga ukwahlukahlukana kwabantwana bethu abancinane, ubuchule babo, iilwimi kanye namafa abo.
- ukukhuthaza amava abantwana abancinane ukuhlala ngokuchubekileyo kwimo ebangqongileyo kuqatshelwa ukubandakanyeka, ubulungisa nangokukhululekileyo.
- ukuqaphela ukubaluleka kwendlela yasekuhlalen novimba wemveli wokufunda kwabantwana abancinane, ngaloo ndlela kulungiselelwa isiseko sokuxhasa abantu abadala, nto leyo eya kubakhuthaza ukuba bayile, bakhe, baze bavelise ikharityhulam efanele iimfuno nomdla wabantwana, iiintsapho, ubumelwane kanye nabahlali.
- ukwenza kuqondwe nzulu iinkalo ezibalulekileyo zokufunda, ize izinxibelelanise nokwakha inkqubo efanele iindlela abakhula nabafunda ngazo abantwana abancinane.
- ukuxabisa ikharityhulam njengenkubo apho ukicingisisa okubalulekileyo kuphembelela ukufundisa, ukufunda nokuyila indlela esebezayeo kwiimeko ezahlukeneyo.
- ukupuhhlisa indlela esekelwe kwizixhobo xa sixhasa abantu abadala abanyamekela baze bafundise abantwana abancinane.
- ukunceda ngokucingisisa ngokufaneleka nokusebenza kwenkubo yeKBQ.
- ukudibanisa icandelo lokunyamekela nokufundisa ngokuqwalasela iimfuno zokufunda nokupuhhlisa
 - kwi ZSFQ (ukunikela ingqalelo kwimfundu)
 - UMthetho waBantwana namaZinga eeNkonzo ezenzelwe aBantwana abaNcinane (ukujolisa ekunyamekeleni nakupuhhliso loluntu).
- ukupuhhlisa umbono ohlangeneyo nolwimi olusemgangathweni lweKBQ ngemilinganiselo eqhelekileyo, imigaqo neenjongo zokukhokela unyamekelo oluolangeneyo nemfundu kwiimo ezahlukeneyo.

IKSZ kanye neSiseko seziQinisekiso zeMfundu kuZwelonke

IsiSeko seziQinisekiso zeMfundu kuZwelonke (SQMZ) sisiSeko esithi amazinga neziqinisekiso zemfundu ezivunywe ngamahlakani ezemfundu noqequesho, zibhaliswe kuso.

ISQMZ yindlela yokutshintsha imfundu noqequesho eMzantsi Afrika. lyilelwé

- ukwenza kube lula ukuba abantu bangene kwinkqubo yemfundu noqequesho baze bahambele phambili benze inkqubela kuyo.
- ukuvula amathuba okufunda nomsebenzi kwabo babecalucalulwa ngaphambili ngenxa yobuhlanga okanye isini sabo.
- yenza abantu baphuhlise ubuchule babo ngokupheleleyo, ngaloo ndlela baxhase uphuhliso Iwentlalo noqoqoshos Iwelizwe liphela.

IKSZ yenza isiqalo sale nkqubo yokufunda ubomi bonke phakathi kwemigaqo nemiqathango yesiSeko seziQinisekiso zeMfundu kuZwelonke.

IKSZ neziPhumo ezinguNdoqo

IsiSeko seziQinisekiso zeMfundu kuZwelonke sibeka iziPhumo ezinguNdoqo ezenzelwe zonke iinkqubo zokufundisa eMzantsi Afrika. IKSZ ibonisa ezi zinto. Kukuba abantwana abancinane kufanele bafunde

- ukuchonga baze basombulule iingxaki, benze izigqibo besebeniza uhlalutyo nobugcisa.
- basebenze kakuhle ngabanye ngabanye, kwakunye nabanye njengamalungu eqela;
- balungelelanise baze balawule ubomi babo nezinto abazenzayo kakuhle nangokuphumelelayo;
- baqokelele, bahlaluty, balungelelanise, yaye ngokuzimisela bahhole ulwazi;
- baqhagamshelane ngokuphumelelayo besebeniza izinto ezibukelwayo, imifanekiso kanye(okanye ubugcisa bolwimi ngeendlela ezahlukeneyo;
- basebenzise ezenzululwazi neteknoloji behlaluty ngokupheleleyo nangokuzimisela, bebonisa inkathalo kwimekobume nempilo yabanye; yaye
- babonise ukuliqonda ihlabathi njengelibunjwe ziinkqubo ezinxulumanayo ngokuqaphela ukuba ukusonjululwa kweengxaki akwenzeki ngokwahlukeneyo.

IsiPhumo ngasinye esinguNdoqo sibandakanywe kuMmandla ngamnye wokuFundisa nokuKhulisa kwemithandathu.

IINGCAMANGO EZIPHAMBILI EZIBUMBE IKSZ

**Imithetho YaseMzantsi Afrika
kunye nemiGaqo-nkqubo**

Ikhuthaza inkolelo yokuba umntwana unendima ebalulekileyo kwimfundu nokukhula kwakhe

Imo YaseMzantsi Afrika

Inezinto ezhamba phambili, ubuchule namathuba ekukhuleni kukanke kwabantwana abancinane

**Ubulungisa,
Ukwahlukahluka kunye
nobutyebi bemveli
nobasekuhlaleni eAfrika**

Ukutshintsha uluntu loMzantsi Afrika ngeendalela zeKBO kuxela ukunika ingqalelo kubulungisa, iyantlukwano namava emveli aseAfrka asondeleyo kubomi babantwana eMzantsi Afrika.

Ukufunda ubomi bonke

Iziseko eziqinileyo kwasebuntwaneni zimele zibekwe ukwenzela ukufunda ubomi bonke

**iiPraktishina ezicingisisa
zijonga kwakhona**

Ukuntsoktha kokuhula nokufunda kufuna iipraktishina zicingisise zijonge kwakhona ekuziqheliseni nabantwana kunye nakubantwana.

**Ukubandakanywa
kosapho**

Lintsapho ngokwahlukana kwazo zingabafundisi abaphambili babantwana bazo, yaye zimele zibandakanywe kwiingqubo ze KBO

Utshinthso


Onke amanqanaba otshintsho (umsetyenzana ukuya kommnye, ikhaya ukuya kwinkqubo, ukusuka kwinkqubo ukuya kwenye, iziko leKBO ukuya esikolweni) kufuneka zicingwe ekufundeni nasekukhuleni kwabantwana

Umbozo 2 iingcamango eziphambilili ezibumbe iKSZ

IKSZ imele ibe yefanelekileyo ngokomongo, ngendlela efanelekileyo ngokukhula nangokwemfundo.

Ngenxa yoko, kukho imixholo emithathu evela kwingqalelo ngoku kufaneleka. Yile ilandelayo:

1. Abantwana abancinane njengabantu.
2. Ukufunda nokukhula kwabantwana abancinane.
3. Ukunxibelelana kwabantwana abancinane nabantu abadala.



Umbozo 3 Imixholo emithathu eyintsika yeKSZ

IMIGAQO EBUMBA IMIXHOLO EMITHATHU EYINTSIKA YEKSZ

Imixholo emi-3 echaziwego ibunjwe yimigaqo eli-12 yokusebenza nabo bonke abantwana kanye nabantu abadala, kuquka zonke iintsapho, zonke iiPraktishina, bonke abaphathi benkqubo nabo bonke abasebenzi abaxhasayo, nabo bajongene nokuhamba kakuhle kweenkqubo. Imigaqo ijolise kwiimfuno nezinto ezithandwa ngabantwana nasekusebenzeni nabantu. Zishicilelwae ngelizwi lomntwana.

Umxholo 1: Ndingumntu onako ukwenza izinto.

Umxholo 2: Ukufunda nokukhula kwam kubalulekile.

Umxholo 3: Ndifuna intsebenziswano emandla nabantu abadala

Kukho imigaqo elishumi elinesibini, ekule mixholo

Umxholo 1:Ndingumntu onako ukwenza izinto.

Imigaqo

1. Ndingumntu onako ukwenza izinto, onako ukuyila umntu endinguje nendlela endiliqonda ngayo ihlabathi.
2. Ndikhethekile yaye ndinebali elikhethekileyo ngobomi bam.
3. Ndenza kakuhle xa kunikwe ingqwalasela ekulinganeni kwamathuba apho ndinokuthatha inxaxhebayokuphuhlisa ubugcisa bam.
4. Ndikuxhalabele ukwahluka kwabantu namaqela, yaye ndimele ndifundiswe ngeendlela ezindinceda ndikuthande ukwahluka.

Umxholo 2: Ukufunda nokukhula kwam kubalulekile.

Imigaqo

5. Ndithanda ukwazi, ndinamandla, ndiyazimisela yaye ndifunda ngokuthatha amathuba okuqondaihlabathi elindingqongileyo.
6. Ulwazi olufanelekileyo lwasekuhlaleni nolwemveli nezakhono, zizixhobo ezinokusetyenziswa ekuhlaleni, ngokwenkcubeko nokwakha imo yokufunda eza kundinceda ndifunde ulwimi.
7. Amava okudlala nokuthatha inxaxheba akhuthaza ukufunda nokukhula kwam.
8. Inkqubo ebanzi yokufunda yeKBQ esemgangathweni nokulinganiswa kwamathuba inika ingqalelo kwezi zinto zilandelayo
 - Imimandla yokukhula (ngokwentlalo, ngokwemvakalelo, ukuqonda, ngokomzimba –kugqalwe kwimpilo nokutya),
 - imiba ebalulekileyo (iilwimi nezibalo) kanye
 - nonxibelewano lwam olunamandla kanye nosapho yaye kamva, unxibelewano lwam nesikolo.

Umxholo 3: Ndifuna intsebenziswano emandla nabantu abadala

Imigaqo

9. Abazali neentsapho ngokwahluana kwabo banendima ebalulekileyo abayidlalayo ekukhuleni kwam kukonke.
10. Ndiyaxhamla kulwalamano olusondeleyo nolunothando nomntu omdala.
11. Abantu abadala banoxanduva lokukhusela nokukhuthaza amalungelo am, kungakhathaliseki iminyaka yam, imvelaphi, uhlanga, ubuchule nesini.
12. Sithanda ukuba abantu abadala bakhuthaze impilontle yabantwana, ukuzithemba kwabo, ukukwazi ukuba kanye nabanye, imisetyenzana ejolise emntwanenii nobugcisa bokuphila nokumelana nobomi.

IMIMANDLA YOKUFUNDISA NOKUKHULISA ABANTWANA ABANCINANE

Kukho IMimandla yokufundisa nokukhulisa kwasekuQaleni (iiMFQ) emithandathu enxibelelana nemixholo yomithathu kwakunye nemigaqo elishumi elinesibini. liMFQ zilungelelanisa amathuba okukhula nokufunda kwabantwana ukuze kuncedwe abantu abadala ekulungelelaniseni imisetyenzana neentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane.

Nazi:

1. Impilontle
2. Ubuwena nokuzazi imvelaphi
3. Uqhagamshelwano
4. Ukuphicotha izibalo
5. Ukuyila
6. Ulwazi nokuqonda ngehlabathi

IMFKQ nganye inxibelelene ngokusondeleneyo neziPhumo eziNqwenelekayo ezichazwe kwi ZSFQ.

- IMFQ nganye inxibelelene ngokusondeleneyo neziPhumo eziNqwenelekayo ezichazwe kwi ZSFQ.
- I ZSFQ ikhuthaza ukwenza izinto ngokuhlangeneyo.
- Le ndlela iquka izakhono ezahlukahlukeneyo, ulwazi nobuchule ekulindeleke nekukhuthazwa abantwana ukuba babufumane kwimimandla yokukhula kwabo.
- Oku kwenza izinto ngokuhlangeneyo kufanelekile njengoko kunxulumene ngokuthe ngqo kwindela abafunda ngayo abantwana. Abantwana bakhula baze baphuhliseke ngokubona amava ahlukaneyo, zinto ezo ezenzeka ngaxeshanye nangokunxibeeleneyo, kuchaphazela iinkalo ezahlukeneyo zokukhula komntwana.
- Umzekelo omhle ngowexesha apho amava athile okanye umsetyenzana othile usakha ubuchule obuthile kwimimandla yokuhlala nokukhula ngomzimba, kwakunye nemimandla yokukhula ngengqondo. Ngoko ke kungcono ukabalaselisa ubugcisa obubanzi ekulindeleke ukuba abantwana babufumane kwinkqubo nakwimisetyenzana ethile, kunokuba nezakhono ezikhethekileyo nobugcisa obuthile kummandla nje othile omnye wokukhula.

Kwi ZSFQ, ezi ziphumo zinye zinqwenelekayo, zisebenza kubo bonke abantwana ukususela kwabasandul'ukuzalwa ukuya kwiminyaka emine. Isiphumo ngasinye esinqwenelekayo sinezinto esizibonakalisayo nobugcisa obukhethekileyo. Ezi ziphumo zinqwenelekayo zibonakaliswe ngokwamabakala okukhula ahlukahlukeneyo.

Iziphumo ezinqwenelekayo zижолисве:

- ekuncedeni ukuqinisekisa ukuba abantwana bafunda ngendlela enxibeelanayo.
- ekwenzeni abazali, iipraktishina, nabanye abanyamekeli banikezele ngeenkqubo ezifanelekileyo neendlela zokuxhasa imisetyenzana yokufunda kwabantwana.
- ekunikezeleni isiseko semfundo yobomi bonke.



IMimandla yokuFundisa nokuKhulisa kwasekuQaleni	Unxulumano ne ZSFQ - Iziphumo ezinqwenelekayo	Unxulumano neNPKH - Izifundo zesiGaba esisiSiseko
1. Impilontle	<ul style="list-style-type: none"> Abantwana bayo beba nokuziqonda ngakumbi, bezakhela umfanekiso onguwo ngeziqo zabo baze bafunde indlela yokuziphatha. Abantwana babonisa ukukuqonda ngakumbi ukwahlukana, nemfuneko yokuhlonela nokunyamekela abanye. Abantwana baqalisu ukukhula emzimbeni, ukukwazi ukuzenzela izinto nokuphila ngendlela eyiyo. 	Izakhono Zobomi Ulwimi
2. Ubuwena nokuzazi imvelaphi	<ul style="list-style-type: none"> Abantwana bayo beba nokuziqonda ngakumbi, bezakhela umfanekiso onguwo ngeziqo zabo baze bafunde indlela yokuziphatha. Abantwana babonisa ukukuqonda ngakumbi ukwahlukana, nemfuneko yokuhlonela nokunyamekela abanye. 	Izakhono Zobomi (kuquka ukuqonda imbali nendawo akuyo yena nosapho akhula phakathi kwalo) Ulwimi
3. Uqhagamshelwano	<ul style="list-style-type: none"> Abantwana bafunda indlela yokucinga ngokubanzi, ukusombulula iingxaki baze bakhe iingqiqo. Abantwana bafunda ukuqhagamshelana ngokukuko baze basebenzise ulwimi ngokuzithembra. Abantwana bafunda ngeengqiqo zezibalo. 	Ulwimi Izibalo Izakhono Zobomi
4. Ukuphicotha Izibalo	<ul style="list-style-type: none"> Abantwana bafunda indlela yokucinga ngokubanzi, ukusombulula iingxaki baze bakhe iingqiqo. Abantwana bafunda ukuqhagamshelana ngokukuko baze basebenzise ulwimi ngokuzithembra. Abantwana bafunda ngeengqiqo zezibalo. 	Izibalo Ulwimi Izakhono Zobomi (kuquka izakhono nolwazi lobugcisa ngezenzululwazi nemekobume nezakhono)
5. Ukuyila	<ul style="list-style-type: none"> Abantwana bafunda indlela yokucinga ngokubanzi, ukusombulula iingxaki baze bakhe iingqiqo. Abantwana bayo beba nokuziqonda ngakumbi, bezakhela umfanekiso onguwo ngeziqo zabo baze bafunde indlela yokuziphatha. Abantwana bafunda ukunxibeletana ngokukuko baze basebenzise ulwimi ngokuzithembra. 	Ulwimi Izibalo Izakhono Zobomi
6. Ulwazi nokuqonda ngehlabathi	<ul style="list-style-type: none"> Abantwana bafunda indlela yokucinga ngokubanzi, ukusombulula iingxaki baze bakhe iingqiqo. Abantwana babonisa ukukuqonda ngakumbi ukwahlukana, nemfuneko yokuhlonela nokunyamekela abanye. Abantwana bafunda ngeengqiqo zezibalo. 	Izakhono Zobomi (kuquka ukuqonda ngembali, ubume bendawo, inzululwazi nolwazi ngezakhono zezibalo) Izibalo Ulwimi


Ukulungelelaniswa KweSiseko seKharityhulam (KSZ)

IKSZ ke ngoko ilungelelaniswe phantsi kweMFKQ nganye ngolu hlobo:

linkcukacha NgeMimandla yokuFundisa nokuKhulisa kwasekuqaleni	Inkcazelo
1. linjongo	<ul style="list-style-type: none"> linjongo zinika umkhomba-ndlela kwindlela yokukhulisa nokufundiswa kwabantwana kwiiMFKQ ezahlukeneyo. linjongo zижолисве kwiimfuno zomntwana kweso sigaba sokukhula nokuthanda kwakhe ukufunda. IMFKQ nganye ineenjongo eixhassa iimfuno zabantu abadala zolwazi, ukuqonda, neengcamango ngemisetyenzana.
2. ISikhokelo ngokuKhula	<ul style="list-style-type: none"> Isikhokelo ngokukhula sichaza banzi ngokukhula kwabantwana ukususela kwabasandul'ukuzalwa ukuya malunga neminyaka emihlanu. Sinika abantu abadala ingcamango ngobugcisa babantwana. Azifanelekanga KUSETYENZISWA NJENGOLUDWE LOKUHLOLA. Abantwana abafani yaye baya kuliqonda ihlabathi abaphila kulo ngeendlela ezahlukeneyo kwanangamaxxesha ahlukeneyo. Isikhokelo sokukhula senza isiseko sokujonga umntwana ngamnye nengxoxo nabazali bakhe.
3. Imizekelo yemisetyenzana	<p>Ezi zintlu zine zichaza ngemisetyenzana abantwana abasandul' ukuzalwa ukuya kwabamalunga neminyaka emine, abanako ukuyenza nabanako ukuthatha inxaxheba kuyo.</p> <p>Ezi zintlu zine zibonisa amabakala okukhula aphangaleleyo akhankanywe kwi ZSFQ:</p> <ul style="list-style-type: none"> lintsana: ukususela kwabasandul'ukuzalwa ukuya kwiinyanga ezili-18. Abakhasayo nababhadazayo: ukususela kwiinyanga ezili-18 ukuya kwezi-36 (iminyaka emi-3) Abantwana abancinane: ukususela kwiminyaka emi-3 ukuya kwemi-4. Izintlu zesine zibonisa ukutshintsha kobugcisa bomntwana oneminyaka emihlanu (othi angene kwiBanga lika R kwisiGaba esisiSiseko). Ezi zintlu zine zobudala nangona zisekelwe kumabakala okukhula aphangaleleyo ee ZSFQ: zikhuthaza abantu abadala ukuba baquke bonke abantwana kwisikhokelo sokukhula ngendlela eyenza kube lula ukutshintsha. ziquka abantwana abakhula kade benokusilela kwizinto ezithile, kwakunye nabo bakhula, bafunde ngokukhawuleza kuwo onke amabakala okukhula ukuya kwiminyaka emihlanu nemithandathu (ukuphela kweBanga lika R) nangaphezulu xa kuyimfuneko. ziquka abantwana abanezithintelo ekufundeni nasekukhuleni (abantwana abaphila nokhubazeko nabaneemfuno ezikhethekileyo). MALUNGASETYENZISWA ULUDWE LOKUHLOLA. Esi sisikhokelo sokujonga nokucwangcisa, kukhunjulwa ukuba abantwana abafani ngokweemfuno zabo zokufunda nezinto abazithandayo, nokuba ezi zinto zinokutshintsha usuku ngalunye. <p>Le MISETYENZANA YIMIZEKELO NJE AYINYANZELISWA. Le misetyenzana inika njе ingcamango ngamathuba okufunda. Abantu abadala bamele bakhumbule ngemeko ekhethekileyo akhulela kuyo umntwana neendlela zokuziqhelisa eziphumelelayo zemveli, ezasekuhlaleni nezehlabathi.</p>

linkcukacha NgeMimandla yokuFundisa nokuKhulisa kwasekuQalenI	InkcazelO
<p>4. Isikhokelo sokuHlola</p> <p>Isikhokelo esibanzi sokuhlola silungiselelwe injongo nganye. Sinxulumene ngokuthe ngqo nesikhokelo sokuhlola. Senza izinto ema ziwalaselwe ngabantu abadala xa bejongene nomntwana ngamnye.</p> <p>Zivumela abantu abadala ukuba</p> <ul style="list-style-type: none"> • baqwalasele (babek' esweni baze baphulaphule) iimfuno zokukhula nokufunda, nezinto ezithandwa ngumntwana ngamnye, baze • bathathe amanqaku, baze • basebenzise ulwazi abalufumene ekuqwalaselI ukubanceda xa becwangcisa amava okufunda, baze • baphucule indlela abenza ngayo. • baxoxe nabazali, • yaye xa kuyimfuneko, bekunye nabazali, bagqithisele kwiinkonzo ezifanelekileyo zenkxaso (unyamekelo olukhethekileyo). <p>Ezinye izinto ezinikwa ingqwalasela xa kujongenwe nabantwana, zivumela abantu abadala ukuba bachonge imiceli-mngneni abanokumelana nayo abantwana. Isikhokelo esingakumbi siyafuneka ukwenza ingqwalasela eyiyo neneenkukacha ngokukhula kwabantwana, yaye siya kufunyanwa kwizifundo ezenziwayo, uqequesho, nangokufunda nokuxoxa ngemiba ekhethekileyo.</p> <p>Isikhokelo sePolisi yokuhlola sifumaneka kwicandelo lokuggibela leKSZ.</p>	

Amagqabantshintshi eKSZ



Umzobo 4 Ukwakhiwa kweKSZ

Impilontle sisifundo ephambili esimalunga nokukhula kweentsana, abakhasayo nababhadazayo, nabantwana abancinane.

EMzantsi Afrika iintsana ezininzi, abakhasayo nababhadazayo, nabantwana abancinane baphila kwiimekobume ezichaphazela ukuphila kwabo, ukhuseleko, nokukhula ngeendlela ezingezizo. linkqubo zabantwana abancinane zisetyenziselwa ukuphucula amathuba okuphila aba bantwana. Ke ngoko iKSZ ijolise KWIMPILONTLE njengowona Mmandla wokuFundisa nokuKhula ophambili.

Xa iintsana, abakhasayo nababhadazayo, nabantwana abancinane

- bondlekile
- besempilweni
- behkuselekile
- bomelele emizimbeni, yaye
- bekwimekobume engenankathazo

bathi ke bakhule baze bafunde kakuhle.

Impilontle

NguMmandla wokuFundisa
nokuKhulisa ophambili

MFKQ 1 Impilontle

Ixhasa ukukhula yaye iyanxibelelana
nezinye iiMFKQ ezintlanu

MFKQ 2 Ubuwena nokuzazi imvelaphi

MFKQ 3 Ukuqhagamshelana

MFKQ 4 Ukuphicotha izibalo

MFKQ 5 Ukuyila

MFKQ 6 Ulwazi nokuqonda ngehlabathi

Umzobo 6 Impilontle nguMmandla wokuFundisa nokuKhulisa ophambili oxhasa yonke eminye iMimandla yokuFundisa nokuKhulisa.

Ukusebenzisa IMimandla yokuFundisa nokuKhulisa

Umntu omdala osebenza ngeKSZ (umzekelo, umzali, umnyamekeli, ipraktishina, umququzeleli, umhlohlili weziko lemfundo ephakamileyo, abasebenzi abaxhasayo nabo bajongene nokuhamba kakuhle kweenkqubo) uya kuqaphela oku

Bonke abantwana bafanele ukuba bawonwabele amalungelo abo akumgaqo-siseko, yaye iintsapho nabantu abasondeleyo kubo, banoxanduva lokuqinisekisa ukuba la malungelo ayahlonelwa.

Umntwana ngamnye uzalwa enamalungelo. La alandelayo athathwe kwi "The State of the World's Children 2001, UNICEF: ICandelo 28":

1. Ukhuseleko kwingozi ngokwasemzimbeni
2. Ukondliwa ngendlela eyonelisayo nokunyamekelwa kwempilo
3. Ugonywa okufanelekileyo
4. Umntu omdala anokunxibevelana naye
5. Umntu omdala onokuqonda aze asabele kwimiqondiso abayenzayo
6. Izinto abanokuzibona, baziphathe, bazive, bazineukise, bazingcamle
7. Amathuba okuphicotha imekobume abaphila kuyo
8. Ukukhuthazwa okufanelekileyo kolwimi
9. Inkxaso ekufumaneni ubuchule obutsha bokwenza izinto, ulwimi nezakhono zokucinga
10. UKumnika ithuba lokukwazi ukuzimela
11. Uncedo lokufunda indlela yokuziphatha
12. Amathuba okuqalisu ukufunda ukuzikhathalela
13. Amathuba emihla ngemihla okudlala ngezinto ezahlukeneyo
14. Amathuba okuphuhlisa izakhono zokusebenzisa iminwe.
15. Ukukhuthazwa ulwimi ngokuthetha, ukufundelwa nokucula
16. Imisetyenzana eya kukhulisa ukukwazi ukugqwesa
17. Ukulinga isakhono sokuqala ukubhala nokufunda
18. Ukuthatha inxaxheba bephicotha ngokwabo befunda ngokwenza
19. Amathuba okuthatha uxanduva, ukwenza nokuzikhethela
20. Ukukhuthazwa ukukwazi ukuzibamba, intsebenziswano nokuzimisela ukuggiba imisetyenzana
21. UKunikha inkxaso yokuziva kwabo bebalulekile
22. Amathuba okuzithethela
23. Ukukhuthazwa ukuyila

Intsana ezindadlana, abakhasayo nababhadazayo, baqalisu ukuthatha uxanduva njengoko

1. bencedisa ngemisebenzi yesiqhelo, umzekelo, ukuhlamba, ukuhlamba izinto, ukucoca nokutshayela
2. ukuthobela imiyalelo elula
3. ukuphulaphula abanye
4. ukusebenzisa isimilo senkcubeko yakhe, umzekelo, xa esitya.

**Abantu abadala banceda abantwana bawaqonde
amalungelo abo, yaye ngokuthe ncembe bathathe
uxanduva ngokuthi**

1. bakhuthaze ukuphuhlisa kolwimi ngokuthetha, ukubafundela, ukubaculela nesakhono sokuqala ukubhala nokufunda.
2. banikwe imisetyenzana eya kukhulisa ukukwazi ukugqwesa
3. ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba bephicotha ngokwabo, befundu ngokwenza.
4. ukudala amathuba okuthatha uxanduva nokwenza ukhetho.
5. Inkuthazo yokukwazi ukuzibamba, intsebenziswano nokuzimisela ukuggiba imisetyenzana.
6. ukuxhasa ukuziva kwabo bebalulekile.
7. ukudala amathuba okuzithethela.
8. ukukhuthaza ukuyila.
9. ukubonisa isimilo esamkelekileyo ngamaxeha onke (umzekelo, ukuphulaphula abantwana ngendlela ekulindelwe ukuba baphulaphule ngayo)
10. ukuchaza isizathu sokuba iindlela ezithile zokuziphatha zifuneka okanye zingafuneki
11. ukubonisa amanyathelo afunekayo endlela ethile yokuziphatha, umzekelo, indlela yokufinya ngendlela ecocekileyo.
12. ukubonisa umda wokufunda ngabantwana, ngokusebenza ngabo.



a. LiMFQ zinxibelelana ngokuzenzekelayo kwimisetyenzana yesiqhelo nakwimisetyenzana eyenziwa ngabantwana.

Lo mzekelo ulandelayo wonxibelelwano kwimisetyenzana kwiminyaka yobuntwana, ngoweentsana, abakhasayo nababhadazayo, nabantwana abancinane abadlala ngesanti namanzi:

Umsetyenzana: ukudlala ngamanzi nesanti	
IMFQ	Isenzo esikhuthazwa ngumntu omdala: abantwana
Impilontle	<ul style="list-style-type: none"> • ukudlala ngokukhuselekileyo. • ukukhulisa amandla ezihlunu ezincinci nokulungelelanisa.
Ubuwena nokuzazi imvelaphi	<ul style="list-style-type: none"> • bayaziqonda njengabafundi abanobuchule nabazithembileyo. • bakhulisa izivo ezimandla zokuzikhathalela. • bakha ulwalamano olunamandla nabanye abantwana kunye nabantu abadala.
Uqhagamshelwano	<ul style="list-style-type: none"> • ukuthetha nokuphulaphula. • ukufunda (umzekelo, iilebile ezikwizikhongozeli, nezinto). • ukurekhoda nokubhala (imizobo nemizobo ngepeyinti, ukubumba ngomdongwe nodaka, iingoma neevesi ngamava okudlala ngesanti namanzi). • Ukwakhiwa kolwimi nesigama.
Ukuphicotha izibalo	<ul style="list-style-type: none"> • inani nokubala. • ukuhlela nokubeka ngokwezintlu, ukwenza uthelekiso nokusombulula iingxaki. • imilo, isithuba nemilinganiselo.
Uyilo	<ul style="list-style-type: none"> • ukusombulula iingxaki zokuyila. • ukwenza imifanekiso ye-2D ne-3D. • ukudlala imidlalo yokwenza ukholelw. • ukucula iingoma neevesi. • Ukudanisa.
Ulwazi nokuqonda ngehlabathi	<ul style="list-style-type: none"> • ukuyila, ukwenza izinto nokuphicotha iteknoloji. • ukuphicotha ixesa nendawo. • ukuphicotha nokwenza uphando ngehlabathi.

b. Ukukwazi ukwenza izinto kwabantwana

limfuno zabantwana ziyahluka ngokwamaxeshu amane aphantaleleyo okukhula, yaye iimfuno zomntwana ngamnye zimele ziukwe kwinkqubo yeKBQ.

Abantwana bafuna imisetyenzana abakwaziyo ukuyenza baze bakunandiphe ukuyenza naleyo ingumceli-mngeni kubo. Uninzi lwale misetyenzana iya kungena kuluhlu olubanzi lwebakala lokukhula kwabo (Isiqalo, Ukuqhubeleka, Ukuqhubeleka phambili, Ukuya kwiBanga lika R) kodwa umntwana ngamnye unokuba nemimandla anomdla kakhulu okanye kancinci ukwenza izinto kuyo. Abantu abadala kufuneka baqinisekise ukuba banika umntwana ngamnye imisetyenzana eya kukhuthaza umdra wakhe neemfuno zokukhula.

Ukukhula "ngokukhawuleza" okanye amaxesha kukhula ngokungxama

Abantwana basoloko benemimandla eyahlukeneyo abakhula ngokukhawuleza kuyo xa bebonisa umdra nokukwazi ukwenza izinto kuyo, umzekelo, usana lunokuba nomdla kakhulu 'luphum'izandla ekuzobeni nasekupeyinteni. Abantu abadala kufuneka babonise izinto ezibukelwayo, usana olunokuzifumana zingumceli-mngeni.

Sebenzisa imisetyenzana eqhubelekayo, kubantwana abafuna nababonisa umdra kwimisetyenzana eqatha nentsonkothileyo. Banike abantwana abafuna ukukhuthazwa ngakumbi kweminye imisetyenzana yebanga lika R ecetyiswa kumacandelo afanelekileyo eNPKH.

Ukulibaziseka ekukhuleni

Abantwana banokusoloko belibaziseka ekukhuleni kwabo, nto leyo enokuthatha ixesa elide okanye ibe lixeshana. Bangasoloko bebonisa ukuphelelw ngumdra kumsetyenzana othile okanye incoko.

- umzekelo, umntwana okhasayo nobhadazayo ophila nokhubazeko emzimbeni, kusenokufuneka abekelwe imisetyenzana enokwensiwa ngumntwana ongekahlali, nangona ingumceli-mngeni engqondweni kumntwana oneminyaka emithathu.
- umzekelo, umntwana omncinane unokubonisa umdra kakhulu kwimisetyenzana yezandla kunokuphulaphula ibali. Umntu omdala kufuneka amnike amathuba amaninzi anemiceli-mngeni ukuze akhule emzimbeni, kuquka nezinto ezibangela umdra nomtsalane zokuphulaphula nokufunda amabali ukuze umdra womntwana ukhule nasezincwadini.

Sebenzisa imisetyenzana eqhubelekayo, kubantwana abafuna nababonisa umdra kwimisetyenzana elula nengasokolisiyo.

c. Abantwana abaneemfuno ezikhethekileyo zemfundo nokunyamekelwa

Abantwana abaphila nokhubazeko, umzekelo, emzimbeni, engqondweni okanye ukungasebenzi kakuhle kwezivo, abantwana abaethe-ethe empilweni (umzekelo abanentsholongwane kagawulayo) nabantwana abakhulela endlaleni, banokuba nezithintelo zokuthabatha inxaxheba nokufunda. Kubethelelwa kakhulu ukunikwa kwemisetyenzana ziintsapho neepraktishina zeKBQ, kunikwa inkxaso yokujongana nokuhamba kakuhle kweenkqubo, uqequesho, nabasebenzi abanezakhono ezikhethekileyo xa kuyimfuneko.

Bonke abantwana bathanda ukwazi, banamandla yaye bafuna ukuba negalelo ekufundeni nasekukhuleni kwabo. Abantwana abaneemfuno ezikhethekileyo zokufunda, abakhethekanga. Bafuna inkxaso nendawo yokuhlala efanelekileyo ukuze babe namathuba alinganayo okufezekekisa ubuchule babo obupheleleyo.

d. Ulwazi lwemveli nolwasekuhlaleni, izakhono nendlela yokuziphatha

Kugxininiwa kakhulu ekunikeleni uyilo lwenkqubo nemisetyenzana yabantwana neentsapho zabo ngokolwazi lwemveli, olwasekuhlaleni nolwesintu, izakhono nendlela yokuziphatha, ekhuthaza ukukhula nokufunda kwabantwana, ize ikhuthaze ukubandakanyeka kweentsapho kwiinkqubo zeKBQ.

Ulwazi lwasekuhlaleni, olwemveli nolwesintu malukhuthaze amalungelo abantwana luze ljolise kwimfuno yomntwana ngamnye ukuze abe nomdla ngehlabathi, enamandla okuliphicotha ekwakhuselekile.

e. Ukubaluleka kokudlala

lintsana nabantwana abancinane bafunda ngokudlala. Ekuqaleni bathanda ukudlala umntu yedwa okanye nabo bakufutshane kubo, idla ngokuba ngumzali okanye umntu omgcinayo. Emva koko ibe ngumdlalo apho umntu adlala ecaleni komnye. Ukudlala bengamaqela kulapho baqlisa ukudlala nabanye. Bayafunda xa bedlala ngezinto ezikufutshane nabo – bafunda indlela ezivakala ngayo izinto, into oyenzayo ngazo, ivumba lazo, incasa, kune nengxolo eziyenzayo. Bakwafunda nangokubukela abanye abantwana bedlala. Bafunda ngokubukela oko kwenziwa ngabantu abadala. Oku kuthatha ixesha yaye abantu abadala kufuneka baqiniseke ukuba iintsana nabantwana abancinane banamathuba awoneleyo kakhulu okufunda bedlala, oku kukwabizwa ngokuba kukufunda ngentshukumo.

f. Ulwimi lwasekhaya nokuthetha iilwimi ezininzi

Bonke abantwana kufuneka beve, baze bafunde ukuthetha ngolwimi lwabo lwasekhaya. Ukuba banesiseko esomeleleyo kulwimi lwasekhaya, baya kukufumanisa kulula ukufunda olunye ulwimi, njengoko beya kuba befunde indlela olwakhie ngayo, nendlela yokuqhagamshelana nabanye. Oku kuya kubanceda ukuba bagcinwa kwindawo apho kuthethwa iilwimi ezininzi.

UMMANDLA WOKUFUNDISA NOKUKHULISA ABANTWANA ABANCINANE WOKUQALA: IMPILONTLE

Ilizwi lomntwana



Ndifuna ukuba namava emekobume apha ndingayonwabela impilo entle, isondlo, ukhuseleko nalapho ndingakhulisa ukuzithembu nokunyamezela.

Ndifuna ukonwaba. Eli lilungelo lam. Ndisoloko ndiwushukumisa kakhulu umzimba wam yaye ukhula ngokukhawuleza. Ndifuna ukutya okwaneleyo okunesondlo. Uhoyo olululo ngokwasempilweni nemekobume ekhuselekileyo zibaluleke kakhulu ukuqinisekisa ukukhula ngomzimba nangokwasengqondweni. Eli lilungelo lam.

Imalunga nantoni 'impilontle'?

Xa abantwana beqonda nzulu ngempilontle

- banolwalamano olukhuselekileyo nolunenkxaso nabanyamekeli babo.
- bayawonwabela amalungelo abo yaye ngokuthe ngcembe bafunda ukunyamekela uxanduva abanalo ngeziyu zabo, abanye kwakunye nokubangqongileyo.
- bonwabela impilo entle (ukususela ekuzalweni)
- baphila kwimekobume ekhuselekileyo
- bondlekile kwasekukhawulweni (esibelekweni)
- bakhulisa ubuchule nomdlala ekushukumiseni imizimba
- bayakwazi ukusabela kwiimeko ezinzima noxinzelelo lwemihla ngemihla (banamandla yaye bayanyamezela, baneemvakalelo zolonwabo).

Ngoko ke impilontle iquka iinkalo zemvakalelo, ezokuhlala kwakunye nezomzimba zokukhula kwabantwana. Impilontle ibaluleke kakhulu kuba xa abantwana besempilweni, beshukumisa umzimba yaye bondleke kakuhle, oko kubabangela bafunde.

Imeko yempilontle yomntwana ikwaxhomekeke ekubeni bayaxatyiswa na, bayahlonelwa, yaye bayaxhaswa ngabantu abadala abakiwiintsapho zabo kune nabo bakwiinkqubo zabo zeKBQ zokumelana noxinzelelo lwemihla ngemihla kubomi babo.

Impilontle ayinakwahlulwa kwimfundu. Lo mba wemfundu yabaqalayo ubaluleke kakhulu kubo bonke abantwana ukususela ekukhawulweni. Abantu abadala bamele babonelele iintsana, abakhasayo

Abantu abadala kufanele banike ingqalelo kwimpilontle yabantwana

- Amalungelo abantwana asiseko sayo yonke impilontle nemfundo.
- Bonke abantwana, kuquka abo baphila nokhubazeko kunye nabo baneemfuno ezikhethekileyo, banelungelo lokufumana ingqalelo yaye kumele baxhaswe ukuze bakwazi ukukhula baze bafunde kangangoko banako.
- Abantu abadala bamele bawakhele amalungelo abantwana kuzo zonke izinto abazenzayo xa besebenza nabo okanye besebenzela abantwana.
- Ezona mfuno zeentsana, zabakhasayo nababhadazayo nezabantwana abancinane zenza isiseko salo lonke unxibelelwano, yaye abantu abadala bamele:
 - baqwalasele bonke abantwana ngononophelo ukuze baphawule iimfuno nezinto abanomdlala kuzo. Phawula oko bakwenzayo nendlela abasabela ngayo.
 - babamamele abantwana ngenyameko ukususela ekuzalweni. Abantu abaqhakamshelana ngokwenza izandi (umzekelo, ngokukhala, ngokukrasa, ngokurharhaza, ngokuhleka), ngezimbo zomzimba (umzekelo, ngokwezimbo, ngoncumo, ngokuwangawangisa, ngokwanga) nangokolwimi (umzekelo, ngamazwi nangemizobo, ngemidlalo yokwenza ngathi).
 - kuqala cinga ngoko kulungele umntwana.
 - zithathethele ingqalelo zonke izimvo zabantwana.
 - gcina ingxelo ukuze wabelane nabazali kune nabo basebenza nabo abaziingcali (umzekelo, abasebenzi bezempilo, abezophuhliso loluntu, abasebenzi bezemfundu) xa kuyimfuneko.
- Abantu baya kuthakazelela ukubanabantu abadala ababaqondayo, ababathandayo nababanceda ukuba bakhule baze bafunde kulwalamano olubaxhasayo.

- Abantu abadala bamele babonelele iintsana, abakhasayo nababhzayo nabantwana abancinane, ngamathuba okufunda malunga
 - namalungelo abo kwanoxanduva njengoko bekhula.
 - impilo nokhuselko ngokwemisebenzi yesiqhelo kuukua amaxesha esidlo ahamba nokutya okunesondlo nezihelo zocoeko, nezokhuseleko.
 - imizimba yabo nokukwazi ukushukuma kunye nokulawula izinto.
 - ukukhulisa ukuzimela nokunyamezelu ngokubakhuthaza ukuba benze ukhetho nezigqibo.



Umzobo 7 Ukusebenza neentsapho nabantwana bazo abancinane ukukhuthaza impilontle

lingongoma Zokucingisisa

- Imekobume yasekhaya, usapho neenkubo zabantwana abancinane ziye zanefuthe njani kwimpilontle yenkenkwe nentombazana nganye ngendlela eyiyo?
- Imekobume yasekhaya, usapho neenkubo zabantwana abancinane zinokuba nefuthe elibi njani kwimpilontle yabantwana?
- Amathuba amahle nobutyebi kunokwakhelwa kuzo njani ukuze kuncedwe abantwana bakhule benengqondo yempilo entle?
- limeko ezingentle kunokuhlangatyezwana njani nazo zize zincitshiswe?
- Ingaba inkqubo yeKBQ inika inkxaso eyaneleyo kubo bonke abantwana ukukhulisa ingqondo emandla yempilontle kwinkalo nganye?

linjongo, isikhokelo sokukhula, imizekelo yemisetyenzana enokwenziwa ukukhuthaza impilontle

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHlola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukuniqa ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
1. Abantwana bondleke kakuhle	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> ziyakhula ukususela ekuzalweni ngokwesikhokelo esikwiNcwadana ethi iNdlela eya Empilweni. ziqalisu ukubonisa ukhetho lwento ezifuna ukuyingcamla ziphirotha ukutya ngokukuvavanya nokudlala ngako zizivakalise xa zilambile okanye zihluthi zamkele zize zicele ukutya ezikuthandayo zizame ukutya okutsha ngokuzithandela zikuhlafuna kakuhle ukutya Ezinye iiintsana zinokufumana ulibaziseko ekukhuleni kweminye imimandla yaye ezinye zinokukhula ngokukhawuleza kweminye imimandla. 	ISiqalo <ul style="list-style-type: none"> Yenza umdlalo wokubeka esikalini nokwenza umlinganiselo weentsana, abakhasayo nababhadazayo ukuze bazonwabise ngala mava. Nika umntwana ngamnye ukutya okwahlukeneyo. Uze uthathe ingqalelo yokuba kunokubaho ukwahluka ngokweenkcubeko kwinto ejongwa njengokutya okulungele iiintsana. Chitha ixesha nomntwana ngamnye ngexesha lesidlo. Wenze abe luyolo amaxesha okutya ngokuthetha, ucu le izicengcelezo, ubalisele iiintsana amabali. Baxelete ngolwimi lwasekhaya oko kwenzekayo ngamaxhesha okutya. Bonisa imikhwa yokutya eyondlayo. Lindela ukuba umntwana athande ukutya okutsha uze umkhuthaze xa umnika. Ziwalasele iiintsana uze usabele. Lindela ukuba iiintsana ziza kungcolisa xa zizama ukuzityisa. Banike konke ukutya neziselo ngendlela enomtsalane. Qonda uze usebenzise iimbono zemveli zenkcubeko nezithetha ngendlela eyiyo eyondlayo. 	Qwalasela uze uxoxe nabazali ngeentsana zabo, abakhasayo, ababhadaZayo nabantwana abancinane <ul style="list-style-type: none"> Imikhwa yokusela nokutya. ukhetho lokusela nolokutya. amanqanaba okonwabela ukutya. amanqanaba amandla. amanqanaba okulamba. Ukukhula (besebenzisa iNcwadana ethi iNdlela eya eMpilweni) kuquka ukwehla nokutyeba ngokwasemzimbeni kunye nobude. ulwazi <ul style="list-style-type: none"> - ngeentlobo ezahlukaneyo zokutya, iincasa nokuxabisa. - ngemisebenzi yesiqhelo yokondla. - ngemisebenzi yesiqhelo yempilo yokutya namanzu. - nge'izimilo ezhile'zabantu basekuhlaleni nezabanye abakwimisetyenzana yesiqhelo yokondla. ukukhulisa izakhono nokuziphatha uku <ul style="list-style-type: none"> - lungiselela, ukuniqa nokuqoqosha ukutya. - sebenzisa izixhobo zokutya.

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Abakhasayo nababhadazayo bayaqhubeleka behkula ngokwesikhokelo seNcwadana iNdlela eya eMpilweni. • Abakhasayo nababhadazayo baqalisa <ul style="list-style-type: none"> – ukuqaphela ukutya okutsha nokwahlukleyo. – banolwazi lokufana nokwahluka kwiincasa nokujongeka. – ukuqonda ukuba kokuphi ukutya okondlayo. – ukunceda ekuhambiseni ukutya okanye ukubeka iipleyiti namacephe nezinye izixhobo zokutya. – ukonwabela ukutya kwasekuhlaleni nokwemveli neendlela zokutya ezivumelana nezithethe zosapho. – Abanye abakhasayo nababhadazayo bangananama olibaziseko ekukhuleni kweminye imimandla, yaye abanye bangananama okukhula ngokukhawuleza kweminye imimandla. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka nemisetyenzana kunye neengcamango ezikwicandelo langaphambil 'kwiSiqalo' sabakhasayo nababhadazayo abafuna oku, baze banikwe imisetyenzana ngokusuka 'kuQhubela Phambili' kubantwana abanamava okukhula 'ngokukhawuleza' • Ukubanika intwana yokutya ukukhuthaza abakhasayo nababhadazayo ukuba bazive engakutya konke. • Khuthaza abakhasayo nababhadazayo ukuba bacele ukongezwa ukutya xa bekufuna, ugcina engqondweni iimfuno zabo zokukhula. • Beka iindidi zokutya kwisidlo ngasinye. • Ncedisa abantwana ukuba batye xa bediniwe kukuzyela. • Xoxa ngokutya nemvelaphi yako. • Khuthaza ukutya koqobo nokukhoyo ekuhlaleni. • Khangelia izinto ezbihaliweyo kunye nabakhasayo nababhadazayo (njengesaziso sokutya) uze uxoxe ngokutya okondlayo kwakunye 'nokungena sondlo' • Yenza ikhola ji yokutya okondlayo kunye nabantwana. • Culani iingoma nezicengcelezo nize nenze iidrama kunye nemisetyenzana yokwenza ngathi nabantwana kwakunye nemisetyenzana yemizobo ebonakalayo njengezotywego, ukusika nokuncamatheisa, ukupeyinta, malunga nesondlo nokutya. • Baxhase abantwana ekulawuleni izixhobo zokutya ezahlukahlukeneyo, umzekelo, ipleyiti, isitya, ikomityi, icephe nefolokhwe kunye nemela (oku kwensiwa phantsi kweliso elibukhali). • Baxhase abantwana ekulawuleni iinkqubo ezahlukleneyo, umzekelo, ukugalela, ukukha, ukosula, ukucoca, kuhlamba izixhobo zokutya, ukupakisha. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana.</p> <p>a. ukungondleki</p> <ul style="list-style-type: none"> • limpawu zekhwashiyokhwe (ukudumba kweenyawo, ukudumba kwesisu, ukunqaba kweenwele, ukuphulukana namazinyo, ukutshintsha kombala wolusu nerhashalala) <p>b. ukugula</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukungabi namdla wokutya njengophawu lokugula. • Ukuhlanza nokuhambisa (iiituwa ezingamanzi ezininzi kwiyure nje enye okanye ukuba kukho igazi kwituwa) (ngokukhawuleza qhangamshelana noncedo lwezempiro, nika amanzi abilileyo aze aphola abenetyuwa encinci neswekile, uze uqiniseke ukuba umntwana uqhubeke esitya intwana yokutya rhoqo). • ubushushu obuhamba nokuhlanza nokuhambisa. • Ukuwanwa ngokugqithiseleyo okanye ukungakwazi ukusela. <p>c. ukutyeba</p> <ul style="list-style-type: none"> • ubunzima ngokuvisisana nobungqina obikwiNcwadana yeNdlela eya eMpilweni (dibana nabazali uze ubuyele ekliniki).

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	UkuQhubela phambili Abantwana abancinane <ul style="list-style-type: none"> • bayakwazi ukubaluleka kokutya ukutya okucocekileyo. • babonisa umdlu ekuzameni ukutya okutsha. • Bayakwazi ukuchonga okunye kokutya okondlayo. • bayancedisa ekuqoqosheni naziphi iziselokanye ukutya okuchithekileyo. 	UkuQhubela phambili Qhubeka nemisetyenzana kunye neengcebiso ezikwicandelo langaphambili 'kwiSiqalo' naku 'Qhubeleka' kunye nabo bonke abantwana ingakumbi abo banamava olibaziseko ekukhuleni nabaphila nokhubazeko. <ul style="list-style-type: none"> • Qalisa igadi yokutya uze unike abantwana uxanduva lokuyinakekela. 	
	Ukuya kwiBanga lika R Abantwana abancinane bazi <ul style="list-style-type: none"> • ukubekwa kokutya ngokwezintlu nokubaluleka kokutya ukutya okuza kubanceda bakhule bomelele. • apho ukutya kuvela khona nenqubo yokuveliswa kwako. 	Ukuya kwiBanga lika R <ul style="list-style-type: none"> • Abantu abadala nabantwana bangenza iikholaji zeentlobo zokutya kwizintlu ezahlukahlukenyeo; abantu abadala banako ukuxoxa ngokubaluleka kwesondlo esisiso nabantwana. • Abantu abadala banokubabonisa abantwana iincwadi ezimalunga nokufuya kunye nemizi-mveliso, nendlela imveliso eyenziwa ngayo ekhaya; abantu abadala bangathetha ngokutya xa behamba nabantwana babo ukuya kuthenga izinto ezityiwayo. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
2. Abantwana basempilweni yaye banengqondo yococeko	<p>ISiqalo</p> <p>lintsana</p> <ul style="list-style-type: none"> amaxesha amaninzi ziyakonwabela ukukhabakhaba nokuzihlalela emanzini ashushu zize zitshizwe zizidlalele emanzini zikunye nomntu omdala ozijongileyo. Zibonisa umdla wokuhlamba izandla neempahla nezixhobo zokutya xa zincediswa. zinomdla wokwazi ngemikhwa yokuhlala zisempilweni yaye zicocekile. 	<p>ISiqalo</p> <ul style="list-style-type: none"> Bonisa indlela yokuziphatha ngococeko, umzekelo, ukuhlamba izandla ngaphambi kokutya nasemva kokuya ngasese. Thetha uze ucule ngococeko nangempilo ngelixa uqhubeleka nemisebenzi yesiqhelo yempilo nezococeko kunye neentsana. Bonisa iintsana ezindadlana indlela yokuhlamba izandla zabo uze ubanike amathuba amaninzi okukwenza oko. Sebenzisa imisetyenzana ethathwe kumacandelo alandelayo, kunye neentsana okuyimfuneko oko kuzo nezibonisa umdla ongakumbi kwimisetyenzana eqatha. 	<p>Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> amanqanaba amandla. umbla ekutyeni. imbali yogonyo ukuqinisekisa ukuba isexesheni (bona iNcwadana yeNdlela eya eMpilweni). Ukukhula ngokusempilweni kwamazinyo. Ukuqonda nemiboniso yemisebenzi yesiqhelo ngococeko njengokuhlamba izandla, ukufinya, nezinto zesiqhelo zangasese.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> belinganisa ukuhlamba ubuso, izandla, njl njl. belinganisa ukuhlamba amazinyo. behlamba kakuhle noko izandla. becela ukosulwa impumlo xa kuyimfuneko. beyiqonda imigaqo esisiseko yokhuseleko. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Qhubeleka nemisetyenzana kunye neengcebiso ezikwicandelo langaphambili 'kwiSiqalo' kunye nabo bonke abantwana ingakumbi abo banamava olibaziseko ekukhuleni nabaphila nokhubazeko.</p> <ul style="list-style-type: none"> Sebenzisa iingcebiso ulandela icandelo lokuQhubeleka Phambilu ukuya kwiBangla lika R kunye nabantwana abasele bekulungele ukwenza imisetyenzana engakumbi. Thetha ngo 'ukucoeka' no 'ukungcola'. yaye lungiselela abantwana imisetyenzana ukuze babe namava okungcola xa bedlala phandle, ize emva koko kulandele amava amahle okuhlamba imizimba kunye nezixhobo. Xa uhlamba okanye ubhafa abantwana, bakhuthaze ukuba bahlambe amalungu abo omzimba ahlukahlukeneyo ngokwabo. Bakhuthaze uze ubancome abantwana xa bekhumbule ukuhlamba izandla zabo emva kokuya ngasese nangaphambi kokuba batye. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakabantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana.</p> <ul style="list-style-type: none"> Ingaba umntwana unefiva? Ingaba umntwana uyihlanza yonke into? Ingaba wakha waxhuzula umntwana? Ingaba umntwana uthyfile (ubonakala "esonqena") okanye akaphaphamanga? Ingaba umntwana unesifo semiphunga (ukukhohlela nobunzima bokuphefumla)? Ingaba umntwana unalo naliphi izinyo elibolileyo? Ingaba umntwana uhlala kwimekobume ecokekileyo nesempilweni?

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • bahlamba izandla nobuso nomzimba. • bayazifinyisa ngokucocekiyelo ngokwabo. • baxelela abanye ngococeko olusiseko nangemigaqo yokhusaleko kunye nezizathu zayo. • bayawahlamba amazinyo abo ngokupheleleyo. • cacisa ngendlela elula ukuba kubangelwa yintoni ukugula (iintsholongwane, neemeko zokungacoeki). • chonga ezinye zeempawu zakho zaxa ungaphilanga. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka nemisetyenzana kunye neengcebiso ezikwicandelo langaphambili 'kwiSiqalo'nakukuQhubeleka Phambili' kunye nabo bonke abantwana ingakumbi abo banamava olibaziseko ekukhuleni nabaphila nokhubazeko. • Qiniseka ukuba abantwana basebenzisa yaye bonwabela yonke imisetyenzana yesiqhelo enento yokwenza nococoeko. • Culani iingoma nezicengcelezo eziphathelele kwimisetyenzana yesiqhelo yempilo nezococeko. • Yenza iidrama zabantwana ukuze balinganise ngokudanisa nangokushukuma. • Funda uze ubalise amabali aphathelele kwimpilo nococoeko. • Cela iindwendwe zize ukuze zibonise, zize zichaze ngezempiro nangococeko, umzekelo unesi, ugqirha, umqokeleli wenkunkuma. • Cela abantwana bancedise kwimisetyenzana elula yesiqhelo njengokucoca, ukuhlamba, ukutshayela. Yenza ezi zinto kube nomdla ukuzenza ukuze abantwana bayonwabele le misebenzi. 	
	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Abantwana baqhubeleka befuna iinkqubo abaziqale beseziintsana nabakhasayo kunye nababhadazayo, yaye baye beqonda ngakumbi</p> <ul style="list-style-type: none"> • Indlela ezesulela ngayo izifo • limpawu zesigulo nokwenzakala. • Ixesha lokufuna uncedo lomntu omdala. 	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Bonelela ngemisetyenzana abantwana abancinane abanamava okukhula 'ngokukhawuleza' ngaphambi kokuba bangene kwiBanga lika R, usebenzisa amacandelo ayimfuneko akumaxwebhu eZakhono Zobomi kwiNPKH. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
3. Abantwana bazakhela ingqondo yokhuseleko (impilo yemekobume)	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> • zikhulelwia ziimvakalelo zokhuseleko xa kusatyelwa ngokukhawuleza kwiumfuno zemizimba yabo nezeemvakalelo. • zikhulelwia lithemba nokuzazi imvelaphi xa abantu abadala bezinika ingqalelo yothando lwemizimba yabo, yaye beqhagamshelana nabo ngothando. • zisabela kwizilumkiso zengozi. • ziqlisa ukuqonda imigaqo esisiseko yokhuseleko. 	ISiqalo <ul style="list-style-type: none"> • Nika usana ngalunye ingqalelo engakumbi ngokunakekela ngothando umzimba wakhe nangoqhagamshelwano rhoqo (umzekelo, ngokuthetha, ngokucula, ngoncumo, ngokujonga nokuphulaphula). • Sebenzisa amagama nezimbo ukubonisa ubungozi, umzekelo, beepagi, umlilo. • Culani iingoma nezicengcelezoo eziphathelele kukhuseleko. • Balisa amabali amayela nokhuseleko anceda iintsana zikhule zikwazi ukujongana nokwenzeka kwezinto (kodwa lumkela ukuba abantwana bangenziwa boyike ngenxa yoko). • Sebenzisa imisetyenzana esuka kula macandelo alandelayo kunye neentsana, ezineemfuno zoko nezibonisa umdra ongakumbi kwimisetyenzana eqatha. 	Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo, ababhadazayo nabantwana abancinane ngoku kwazi <ul style="list-style-type: none"> • Ukuthatha uxanduva nokuzikhusela kwimekobume. • ukufuna uncedo nokusabela kakuhle kubantu abadala. • ukubonisa ukulumkela izinto ezinokuba nobungozi kwimekobume nakwizinto (umzekelo, izitepsi, iimoto, izilwanyana, iimela, izikere, ipensile ezitsolo). • ukubonisa ulwazi kunye nokukwazi ukulandela iziqhelo ezisisiseko zempilo nezokhuseleko (umzekelo, idrili yomlilo, ukulumkela abantu abangaziwayo, ukwazi igama kunye nefani nokuba uhlala phi ngenjongo yokwaziwa).

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili yaye</p> <ul style="list-style-type: none"> • bafuna ukwazi yonke into ebangqongileyo kuba bethanda ukwazi ngokuqhelekileyo. • amaxesha amaninzi abaziphawuli iingozi kodwa baya kuziphulaphula izilumkiso. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka nemisetyenzana kunye neengcebiso ezikwicandelo langaphambili 'kwiSiqalo' kunye nabo bonke abantwana ingakumbi abo banamava olibaziseko ekukhuleni nabaphila nokhubazeko. • Khuthaza abakhasayo nababhadazayo ukuba bafunde baze bafune ukwazi ngoko kubangqongileyo yaye <ul style="list-style-type: none"> – bakhumbleze abantwana ngeengozi. – qhelisela iidrili zokhuseleko kwiindawo zonyamekelo. – babonise iingozi ezikwimekobume ebangqongileyo. • Buza abakhasayo nababhadazayo imibuzo ephangaleleyo emayela nokhuseleko xa befunda, njengethi 'Yintoni esinokuyenza ukuze....' • Nika ingqalelo yothando kumntwana ngamnye njengoko ephicotha ukuze akhuseleke yaye abe nemvakalelo yokuzazi nengqinisekiso yokuba nguye. • Sebenzisa imisetyenzana esuka kumacandelo alandelayo kunye neentsana, ezineemfuno zoko nezibonisa umdra ongakumbi kwimisetyenzana eqatha. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana.</p> <ul style="list-style-type: none"> • iiempawu zokuxhatshazwa ngokwasemzimbeni okanye ngokwesondo. • iiempawu zokuxhatshazwa ngokweemvakalelo. • limpawu zokungakhathalelwaa. • ukungakwazi komntwana ukuphawula ukutsha okanye ukwenzakala. • ukungakwazi ukugweba malunga nokhuseleko (umzekelo, ukungaphawuli iimoto).

linjongo	<p>IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili, yaye bakwazi ngakumbi</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukuqwalasela ezinye iimeko zeengozi, izinto neempawu. • ukubiza amagama abo needilesi. • ukuqonda imigaqo esisiseko yokhuseleko. • ukulandela ulwalathiso olulula loko bamele bakwenze xa besengozini. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka nemisetyenzana kunye neengcebiso ezikwicandelo langaphambili 'kwiSiqalo' 'nakukuQhubeleka Phambili' kunye nabo bonke abantwana ingakumbi abo banamava olibaziseko ekukhuleni nabo baphila nokhubazeko. • Nceda abantwana bakhumbule iidilesi zabo okanye apho bahlala khona. • Babonise iimpawu zokhuseleko, umzekelo, uphawu lukaSTOP, ukubopha ibhanti lesitulo, ityhefu. • Ukuba abantwana bakuxelela ngemeko yaxa beye baziva bengakhululekanga, bonisa ukuba uyakufuna ukuphulaphula. • Bonelela ngemisetyenzana kubantwana abancinane abanamava okukhula 'ngokukhawuleza' ngaphambi kokuba bangene kwiBanga lika R, usebenza kumacandelo ayimfuneko akumaxwebhu eNPKH. 	
	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Abantwana baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili yaye bakwazi ngakumbi</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukubona nokunika ingxelo ngeengozi ezikwimekobume yabo. • ukuziva beqinisekile ngokunika ingxelo ngeengozi. • ukunika iinkcukacha zabo zobuqu - igama, iminyaka, idilesi, inombolo yoqhagamshelwano kubantu ababaziyo. 	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Bonelela ngemisetyenzana kubantwana abancinane abanamava okukhula 'ngokukhawuleza' ngaphambi kokuba bangene kwiBanga lika R usebenza ngamacandelo ayimfuneko akumaxwebhu eZakhono Zobomi kwiNPKH. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHlola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
4. Abantwana bomelele emzimbeni yaye babonisa ubuchule nomdla ekushukumiseni umzimba.	ISiqalo Izihlunu ezikhulu lintsana <ul style="list-style-type: none"> • zibonisa intshukumo ukususela ekuzalweni njengokothuka, ukuhamba nokunyathela, ukuncanca, intshukumo yokubamba. • zishukumisa iingalo nemilenze ngokukhululekileyo. • zineentamo ezikhulay o zize zomelele, nezihlunu zomzimba zokujja nokujika, ukuhlala, ukuma. • zisebenzisa izihlunu ezikhulu ukuze zishukume ngeendlela ezahlukahlukeneyo kuquka ukukhasa, ukurhuqa nokuphakamisa. • ukushukuma ukusuka ekulaleni phantsi ukuya ekuhlaleni. • ukushukuma ukusuka ekuhlaleni ukuya ekumeni. • ukuzihambela xa esinye isandla sibangiwe. • ukuhamba, ukuma aze aqale ngokukhuselekileyo. • ukunyuka izitepsi zincediswa. • Ukubaleka. 	ISiqalo Ukukhula kwezihlunu ezikhulu <ul style="list-style-type: none"> • Dlala imidlalo yentshukumo kunye neentsana ngenjongo yokuzilolanga ukuze ukhuthaze ukukhula kwezihlunu ezikhulu zazo, umzekelo, ukutsalela phezulu ngokucothayo, ukuncoma nokucula izicengcelezo neengoma eziphathelele kwezi ntshukumo. • Sebenzisa iingoma nezicengcelezo nentshukumo ehambisanayo kunye neentsana ukususela ekuzalweni, uze uthethe neentsana ngelixa uzinceda zizilolonge. • Khuthaza ukusetyenziswa kwezinto ezintle ezisisithethnezenziwa ekuhlaleni, umzekelo, upholulo, ngokuhambelana namasiko osapho. • Sebenzisa iintshukumo ezinobunono nezandi eziphantsi. • Bonelela ngezinto ezomeleleyo, ezzinzileyo nezikhuselkileyo ezinceda iintsana zishukume njengezigodo, amavili, neebhokisi zamaplanga. • Nika inkxaso kumntwana ngamnye ngokweemfuno zezihlunu ezikhulu zobuqu, umzekelo, ukuncedisana, izinto zokurhuqa, izitepsi zokukhwela. 	Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane <ul style="list-style-type: none"> • iiintshukumo kusana olusandul'ukuzalwa (umzekelo, ukothuka, ukuncanca, ukubamba). • ukwazi ukushukumisa iingalo namalungu (umzimba). • ukwazi ukujija, ukuhlala nokuma. • ukwazi ukuhamba ngokukhasa, ukubaleka, ukuxhathisa, ukutsiba, ukuxhumaxhuma nokugwencela. • ukusebenzisana (umzekelo, ukuhambisiana kwezandla namehlo, kweenyawo namehlo). • ukwazi ukunxulumanisa (umzekelo, ukunxulumanisa ukubona, ukuva, indawo). • Ukwazi okukhulay kokusebenzia izihlunu ezincinci zokuxhakamfula, ukuchola, ukubamba, ukulawula. • ukusebenzisa indlela echanekileyo yokubamba ipensile. • umdla nokonwabela iintlobo ezahlukahlukeneyo zeentshukumo zomzimba (umzekelo imidlalo, umdaniso nemisebenzi yentshukumo yomzimba). • Ukusebenzisa izivo ukunxulumanisa imekobume nabantu.



linjongo	<p>IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>Izihlunu ezincinci lintsana</p> <ul style="list-style-type: none"> • zisebenzisa izihlunu ezincinci ukuphicotha ngokweenkcukacha ngakumbi ngokubamba, ukuva, nokulawula izinto. • zibonisa ukuhambelana kwamehlo nezandla. • ukutyhala nokutsala iithoyi ezinkulu, iibhokisi nezinto ezilula ngokuzirhuqa phantsi. • ukuchola izinto ezincinci ngobhontsi nomnwe wokukhomba. • ukuwisa okanye ukuphosa izinto phambili. • ukuzityela ngokuncediswa. • ukwakha inqaba yeebhloko ezintathu. • ukutyta zisebenzisa icephe, ukubamba ikomityi ngezandla zozibini. • ukubamba ipensile okanye iikhrayoni esandleni ukuze adlale ngokubhala. 	<p>Ukukhula kwezihlunu ezincinci</p> <ul style="list-style-type: none"> • Nika amathuba amaninzi kusana ngalunye usuku ngalunye ukulawula iintlobo ezahlukahlukenyeo zezinto, njengokuzityela, ukuzoba, izinto zokwakha. • Khuthaza iintsana ukuxhakamfula, ukuchola, ukubamba, ukuhlukuhla nokungcamla, ukujonga okuthile, ukuphulaphula okuthile, ukunkisa nokova izinto ezahlukahlukenyeo. • Sebenzisa izinto ezifanelekileyo ezhkhuselekileyo kwimekobume njengamatye, izikhuni, iizikhongozeli zeplastiki, ukuze abantwana bazilawule. <ul style="list-style-type: none"> – phawula izinto ezizezabo (iplastiki, ukukhanya, ukufakwa kombala okhanyayo, ubumpuluswa, njl njl.). – ukugalela nokuzalisa. – ukucengqa, ukuya phambili nasemva. – ukwakha, ukuxhathisa, ukubeka into phezu kwenye. • Bonelela ngezixhobo zokutya kwiintsana ezikulungeleyo oko, ukuze bazisebenzise ezi zinto nokuze bakuncedise ukuzihlamba xa begqibile. • Nika amathuba amaninzi okuzoba besebenzisa iikrayoni ezinkulu zamafutha, iminwe yokukhomba kunye nezinti namanzi, yaye bapeyinte ephepheni nakwisanti. • Nika amathuba kwabakhasayo nababhadazayo okusika ngezikere ezincinci (bancedise ekuzibambeni ngokuchanekileyo baze benze iintshukumo zokuxhakamfula ezifunekayo ukuze basike iphepha). • Ncedisa iintsana ekubambeni izixhobo zokuzoba ngendlela echanekileyo (ukubamba ipensile). • Sebenzisa imisetyenzana esuka kumacandelo alandelayo kunye neentsana eazineemfuno zoko nezibonisa umdra ongakumbi kwimisetyenzana eqatha. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana.</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukusilela kokuvakala kwezihlunu (amalungu abhatyubhatyu). • iingxaki zokubona nezokuva. • ubunzima ekusebenziseni ilungu. • ubunzima ekuhaleni, ekukhaseni, ekumeni, ekuhambeni okanye ekubalekeni. • ukuba neentlungu xa eshukuma.

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nabhadazayo</p> <p>Qhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili yaye</p> <ul style="list-style-type: none"> baqhubelekabekhulisa izihlunu zabo ezikhulu nezincinci kunye nezihlunu ezikumzimba ongäsentla (isifuba, umqolo nesisu) njengoko bekunjalo kumanqanaba asekuqaleni. baphucula izakhono zabo yaye baye besiba nobuchule obungakumbi ekusebenziseni izihlunu zabo ezikhulu nezincinci. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> Qhubeleka nemisetyenzana kunye neengcebiso ezikwicandelo langaphambili 'kwiSiqalo' kunye nabo bonke abantwana ingakumbi abo banamava olibaziseko ekukhuleni nabanokhubazeko. 	
	<p>Izihlunu ezikhulu</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili yaye</p> <ul style="list-style-type: none"> benza umzamo wokuhaba ibhola enkulu. bashukuma ngokuvumelana nesinqqi kumculo. babaleka kakuhle. bagwencela kumadonga asezantsi okanye kwizinto. batsiba ngeenyawo zombini. bema baze bahambe becondoba. 	<p>Imisetyenzana yezihlunu ezikhulu</p> <ul style="list-style-type: none"> Bonelela ngemisetyenzana nangemidlalo engakumbi yokukhulisa ubuchule kwizihlunu ezikhulu namalungu (ukugwencela, ukuxhathisa, ukujija, ukuziqengqa, ukubaleka). Dlala imidlalo yokushukumisa umzimba nomntwana wakho. Dlala umculo uze udanise nabantwana. Lungisa iibhola ezinkulu nezincinci uze ukhuthaze ukukhaba nokuphosa kuwe nakwindawo ethile. Lungiselela ukuba nizikhuphe niye kwiindawo ezipulekileyo okanye kwiipaki apho abantwana banokubaleka ngokukhululekileyo nangokukhuslekileyo. Bonelela ngezinto zokuxhathisa, zokugwencela nezokubaleka. Dlalani imidlalo yokuleqana. Dlalani imidlalo yebhola. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadal neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Izihlunu ezincinci</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili yaye</p> <ul style="list-style-type: none"> • baqalisa ukusebenzisa isikere nezinye izixhobo ngolawulo olungakumbi. • ukutyhala baze batsale iithoyi. • ukuphosa ibhola enku. • ukudibana amaso amakhulu. • ukwakha inqaba eneebhloko ezintlanu okanye ezintandathu 	<p>Izihlunu ezincinci</p> <ul style="list-style-type: none"> • Lungisa imisetyenzana emininzi yokusetyenziswa kweminwe nezandla ukwenza izinto eziqatha, umzekelo, ukuzoba, ukupeyinta, ukusika. • Bonelela ngeephazili ezilula (ezifikelela kumaqhekeza amathandathu) nemidlalo ukukhulisa ukuhambiselana kwamehlo nezandla. • Bonelela ngemidlalo emininzi yeebhola kunye neengxowa zembotyi ukukhulisa izakhono zokuphosa nokunqakula. • Bonelela ngeengoma nezicengcelezo nemidlalo yokudlala idrama ekhuthaza abakhasayo nababhadazayo ukuba basebenzise izandla neenyawo, iirnwane neminwe nemizimba yabo ukuze bashukume ngesingqi. • Lungisa izinto ezincinci eisisongiweyo uze ubonise ukuba ziqaqhwia njani ezo zinto baze bazisonge kwakhona. • Lungisa udongwe nize nidlale ngentlama nangodaka ukomeleza izihlunu ezincinci. • Dlalani imidlalo yokuqhwaba neyentshukumo. • Lungisa iithoyi zokwakha nezinto zemisebenzi yokwakha. • Sebenzisa iingcebiso eisisuka kumacandelo alandelayo okuQhubela Phambili ukuya kwiBanga lika R kunye nabantwana abasele bekulungele ukuzama imisetyenzana yokuqhubeleka eqatha. 	

linjongo	<p>IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>UkuQhubeleka phambili Abantwana abancinane baqhubeleka behkula njengakumanqanaba amabini angaphambili.</p> <p>Izihlunu ezikhulu Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukutsiba nokuxhumaxhuma kwakunye nokubaleka ngamendu. • ukutsibela emva nangaphambili. <p>Izihlunu ezincinci Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • basebenzisa isikere ukuu basike phezu komgca. • babamba ngokupheleleyo izixhobo zokuzoba ukuu bazobe iimilo nabantu. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka nemisetyenzana kunye neengcebiso ezikwicandelo langaphambili 'kwiSiqalo'nakukuQhubeleka Phambili' kunye nabo bonke abantwana ingakumbi abo banamava olibaziseko ekukhuleni nabaphila nokhubazeko. <p>Izihlunu ezikhulu</p> <ul style="list-style-type: none"> • Khuthaza abantwana ukuba balandele izitepsi ezelula kwimidaniso. • Yenza izinto ezixabileyo ngeebhokisi, ngemiqamelo, njl njl. • Cela abantwana bakuncedise kwimisetyenzana elula, ukuphakamisa okanye ukutyhala izinto. • Izihlunu ezincinci • Lungisa izikere ezingqukuva ngaphambili kunye neemagazini namaphephandaba amadala ukwenzela ukusika. • Lungisa ukuba kubekho izixhobo ezaahlukahlukeneyo ezininzi zokuzoba nokupeyinta. • Lungisa umdongwe wokudlala ngentlama nangodaka ukomeleza izihlunu zeminwe. • Yenza izicengcelezo zeminwe ezinzima ngakumbi kunye nabantwana 	
	<p>Ukuya kwiBanga lika R Abantwana baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili yaye bakwazi ngakumbi</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukushukuma ngeendlela ezinzima nangokuzithemba. • ukuzenzela imigaqo yokudlala imidlalo. • ukusebenzisa ubuchule bezihlunu zabo ezikhulu (ngokupheleleyo) nezincinci (intshukumo encinci) nokuhula kunxulumaniso. 	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Bonelela ngemisetyenzana kubantwana abancinane abanamava okukhula 'ngokukhawuleza' ngaphambi kokuba bangene kwiBanga lika R usebenza ngamacandelo ayimfuneko akumaxwebhu eNPKH eZakhono Zobomi neengcebiso zemisebenzi yeziFundo zoMthambo womzimba. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
5. Abantwana bazakhela ingqondo yokunyamezela (ukomelela nokumelana noxinzelelo lwemihla ngemihla)	<p>ISiqalo</p> <p>lintsana zikhulelwu yingqondo yokunyamezela xa zifunda zisazalwa ukuba abantu abadala abazijikelezileyo</p> <ul style="list-style-type: none"> • bayazithemba ze bazithande, nokuba sekutheni. • bazibekela imilinganisel okuze zazi ukuba zifanele ukuma nini ngaphambi kokuba kubekho ingozi okanye ingxaki. • baya kuzibonisa indlela yokwenza izinto kakuhle ngokomzekelo ukuze bakhulise ukuzimela. • baya kuzinceda xa zigula, zisentlungwini, zisengozini okanye zifuna ukufunda. 	<p>ISiqalo</p> <ul style="list-style-type: none"> • Nikela ngothando olungaguqukiyo kusana ngalunye • Bonisa uthando ngokwezenzo nangokwamazwi ngokubamba, ngokumgungqagungqisa, nangokumphulula nangokusebenzisa amagama athuthuzelayo. • Khuthaza usana oludadlana ukuba luzithulise ngoncedo lomntu omdala. • Bonisa isimilo esibonakalisa ukuzithemba, ukulunga kwezinto, kune nesiphelo esihle. • Zivume uze uziqaphele iimvakalelo zosana ngokuncokola nalo ulukhuthaza kwasekuzalweni ukuba luzinakane iimvakalelo zalo kwakunye nezabanye (umzekelo, ukungonwabi, uvuyo, uxolo, ukonwaba, ukucaphuka, ukothuka). • Lungelelanisa inkululeko yokufunda kune nenkxaso yokukhuselwa. • Nika imida ecacileyo ('imithetho') kwimo yokuziphatha kwabantwana ngeengcaciso ezilula neengxoxo kusana njengoko isigama sakhe sikhula; • Nikela ngeengcaciso nangonxulumano emva kwemiceli-mingeni lwemida nemithetho xa ulwimi lukhula; • Nika usana intuthuzelo kune nokhuthazo kwiimeko ezinoxinzelelo. 	<p>Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • iiimpawu zokonwaba. • amazinga okuthemba abantu abadala. • amazinga okuzimela ngokweminyaka nangokwenqanaba. <p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana.</p> <ul style="list-style-type: none"> • Uloyiko olukhulu xa bejongene nemeko okanye abantu abafanele ukuba babaqhelile. • ukungaphumli nokungalali ngenxa yamava abuhlungu. • Ukusoloko ethe nca kwabanye abantu. • ukulila qho nochuku (xa kunganxulumananga nesizathu esingokwasemzimbeni esinjengokugula okanye ukwenzakala). • Ukuxhalaba okungamandla. • Ukungakwazi ukunika ingqalelo kudibene nokuxhalaba okungamandla.

Injongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHlola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo baqhubeleka neemfuno zemisebenzi yenqanaba langaphambili nokuba babe nengqondo yokunyamezela xa befundla.</p> <ul style="list-style-type: none"> • bayathandeka yaye bayathandwa. • bayakuvuyela ukwenzela abanye izinto ezintle baze babonise inkathalo. • bayazihlonela yaye bayabahlonela nabanye. • baqalisla ukufuna ukuthabatha uxanduva koko bakwenzayo. • ukuqiniseka ukuba izinto ziza kulunga. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka nayo yonke imisetyenzana kunye neengcebiso zecandelo langaphambili 'kwiSiqalo' nabo bonke abantwana ngawo onke amaxesha. • Qhubeleka nothando olungaguqukiyo kubo bonke abakhasayo nababhadazayo kwa naxa bengenzi ngokuvumelana nemida kwanemithetho. • Qhubeleka unika iingcaciso ezicacileyo zemithetho nemida. • Khuthaza izimbo zokuzimela kunye nenkxaso kokhasayo nobhadazayo ngamnye. • Qhubeleka ubonisa intlonelo elinganayo kumntwana ngamnye nokuba ungubani, nokuba unolibaziseko okanye uyakhawuleza ekukhuleni. • Bancome abakhasayo nababhadazayo xa besenzela abanye izinto ezintle, umzekelo, ukunceda, ukuba nentlonipho nokuba nembeko eyamkelekileyo ngokuvumelana namasiko osapho nawasebumelwaneni. • Sebenzisa iingcebiso ezisuka kumacandelo alandelayo okuQhubeleka Phambili ukuya kwiBanga lika R kunye nabantwana abasele bekulungele ukuzama izimbo zokunyamezela ezingakumbi. 	

linjongo	<p>IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuHlola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka neemfuno nemisebenzi yenqanaba langaphambili nelokukhulisa ingqondo yokunyamezelxa befunda, ukuba bayawkwazi</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukuthetha nabanye ngezinto abazoyikayo okanye ezibahluphayo. • ukuqalisa ukufumana iindlela zokusombulula iingxaki abajongene nazo. • ukuqalisa ukuzilawula xa bevakalelwakukwenza into engalunganga okanye enobungozi. • ukwazi ukuba linini ixesha elihle lokuthetha nomntu okanye ukuthatha inyathelo. • ukufumana umntu wokubanceda xa kufuneka uncedo. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka nayo yonke imisetyenzana kunye neengcebiso zamacandelo angaphambili 'kwiSiqalo' 'nakukuQhubeleka Phambili' nabo bonke abantwana ngawo onke amaxesha. • Lungiselela abantwana abancinane iimeko ezingathandekiyo okanye iinzima (kancinci kancinci, ukuba kunokwenzeka) ngokuthetha ngazo, ukufunda iincwadi, ukudlala ngokulinganisa, njl njl. • Kubethelele ukukwazi komntwana ngamnye omncinane ukujongana neenzima, umzekelo, <i>Ndiyazi ungakwenza oku</i>. • Khuthaza ukuzimela nokuba nokholo kwisakhono somntwana ngamnye omncinane sokulungisa ingxaki. • Khumbuza abantwana abancinane ngolwalamano lokuthembana nokuthuthuzelana abanokuthembela ngalo, umzekelo, <i>Ndisoloko ndikhona</i>. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuHiola, ukujonga ngamehl'okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, ingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuya kwibanga lika R</p> <p>Abantwana baqhubeleka neemfuno kanye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili yaye bafunda ngokungakumbi.</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukuba imithetho ibekiwe, yaye kufuneka ithotyelwe ukuze bakhuseleke, nokuba basebenzisane. • Ukuzithulisa. • ukuqaphela iimvakalelo nokuzithetha. • ukufumana ezinye iindlela zokusombulula iingxaki. • ukuphicotha ngokukhuselekileyo nangokuzithemba. • ukuvuma ukuziqalela izinto. • Ukuzithemba. 	<p>Ukuya kwibanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka nemisetyenzana kanye neengcebiso zamacandelo angaphambili nabo bonke abantwana. • Zivume izinto aggwesa kuzo umntwana ngamnye ('ndimele, nding; yaye ndinako'). • Yamkela iimpazamo nokungaphumeleli ngelixa unika isikhokelo sokuziphucula. • Bonisa uvelwano kanye nomntwana yaye umenze azi ukuba iimvakalelo zakhe ziqaqondwa. • Nceda abantwana ukuba bathethe ngeemvakalelo zabo. • Babuze abantwana ngezinye iindlela abangazisebenza ukuggiba imisetyenzana. • Khuthaza ukuzimela. • Bonisa inkxaso ngothando. 	

UMMANDLA WOKU FUNDISA NOKUKHULISA WESIBINI: UBUWENA NOKUZAZI IMVELAPHI

Iizwi lomntwana



Ndifuna ukuba kwimekobume evumela ukuba ndibe nokuzazi ngokupheleleyo, ndibe namava okwakha ubuhlobo obububo, ndize ndibhiyozele iyantlukwano.

Kumalunga nantoni ubuwena nokuzazi imvelaphi?

Ukuzazi imvelaphi nokuzazi ukuba unguhani kunonxulumano olumandla nempioltile. Kujongene kakhulu nokuzikhulisa, ukwakha ubudlelwane nabanye abantu, ukugcina ubuhlobo nokubhiyozele iyantlukwano. Ukuzazi imvelaphi nokuzazi ukuba unguhani kubangela ukuba umntwana akwazi ukumelana noxinzelelo angahlangana nalo ekukhuleni.

- ukuzazi ukuba unguhani kunxulumene nokuba umntwana abe nokuzazi ngokupheleleyo.
 - Abantwana bafunda ukuziqonda ngokufumanisa oko bakwaziyo, oko banokukwenza noko bangenakukwenza.
 - Bazakhela iingcamango ngezinto abanomdla kuzo nabantu ukuzenza. Ukuze bakwazi ukwakha izinto abantu ukuzenza nokuzithemba befunda nangelizwe abaphila kulo, kufuneka bakwazi ukunxibelelana nabantu ababangqongileyo.
 - Ukwakha ubuhlobo kunye nabantu abadala (oopraktishina, usapho nabahlali) nabanye abantwana, kubalulekile ukuze babe nokuzazi ngokupheleleyo.
- Ukuzazi imvelaphi kunxulumene nokuba abantwana bazazi ukuba bangoobani.
 - Xa abantwana beyazi imvelaphi babanobuhlobo obukhuselekileyo nabantu abadala kunye/okanye nakubantu basekuhlaleni abanezithethe ezithile, amasiko neenkolelo.
 - Oku kubangela ukuba bazi ukuba baxhomekeke kwabanye abantu xa besakha ukuziqonda.
 - Ukwazi imvelaphi kwenza ukuba baziqonde apho basuka khona nokuba baphila noobanina.
- Ukuzazi ukuba unguhani nemvelaphi yakho kunxulumene. Ezi zinto ziyayichaphazela indlela yokuziphatha nendlela obaphatha ngayo abanye. Ziyabanceda abantwana ukwakha izimvo kwimiba yolingano neyantlukwano.
- Amalungelo abantwana akha isiseko sokuzazi ukuba bangoobani bevelaphi. Umntwana ngamnye unelungelo

lokuba negama, usapho, indawo yokuhlala njalo njalo.

- Abantwana abaphila nokhubazeko nabaneemfuno ezikhethekileyo (abo bazalwe benjalo nababangelwe yimekobume) banelungelo lokuhoywa, bexhaswa ukuze bakwazi ukukhula baze bafunde kangangoko banako.

Abantu abadala bafanele babuhoye ubuwena babantwana kwanemvelaphi yabo.

- Indlela abafunda ngayo nokuzithemba xa besenza izinto ezintsha, ihlombe, umdra, ukulinga izinto ezintsha, ukuthand'ukwazi nokuphicotha.
- ukuzikhathalela – imizamo yabo yokuzuza intlonelo nokunika ingqwalasela kucoceko lwemizimba yabo.
- Ukwakha ubuhlobo nabanye abantu. - ukukwazi kwabo ukwakha ubuhlobo baze basebenze nabanye.
- Ukwazi ukuba banemvelaphi – ukwazi nokuhlonela iimfuno zabo, nokwahlukana ngezimvo nabanye abantu, amasiko neenkolelo ezichaphazela indlela abanxibelelana ngayo.

Zonke ezi zinto zakha iinjongo ezine zoMmandla wokuFundisa nokukhulisa- uBuwena nokuzazi imVelaphi.

1. Abantwana bayazazi ukuba bangabafundi abanokwenza izinto benokuzithemba	4. Abantwana bayakonwabela ukuba yinxenye yamaqela beyibhiyozela neyantlukwano	2. Abantwana banayo ingqondo yokuzikhathalela
3. Abantwana bakha ubuhlobo obuluqilima		

Umzobo 8 Ukusebenza kune neentsapho nabantwana bazo abancinane kukhuthazwa ubuwena nemvelaphi



Ingongoma zokucingisia

- Inefuthe elingakanani imekobume yasekhaya, yentsapho, neziko lokufunda kwabantwana abaqalayo ekukhuliseni ukuzazi ubuwena nemvelaphi?
- Inkqubo yokufunda yabantwana abaqalayo ibasebenzisa njani abazali neentsapho njengezixhobo zokufundisa?

- Le nkqubo ibanceda njani abantwana ukuze bazive bezithembile ekufundeni kwabo?
- Ziziphi izinto ezibangqongileyo ezinceda abantwana bazine ukuba le yindawo abamele kuba kuyo?
- Ziziganeko ezinjani ezibhiyozelwayo yaye zibhiyozelwa njani?

linjongo, isikhokelo sokuhula, imizekelo yemisetyenzana enokwenziwa ukukhuthaza ubuwena nokuzazi imvelaphi.

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	isikhokelo esibanzi sokuhola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
1. Abantwana bangabafundi abanokwenza izinto benokuzithemba	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> ziqalisa ukuziqonda ukuba zingoobani ngokusebenzisa ulwimi (ukurharhaza, nokubhibhidla), ukufunda nokushukumisa umzimba ziqalisa ukuzazi ukuba zingoobani nokwazi abanye zinomnqweno ormandla wokufunda ngezinto ezibangqongileyo. 	ISiqalo <ul style="list-style-type: none"> Khuthaza iintsana ukuba ziqhabe izandla, zibambe izinto, zincume, ziwangawangise, zolathe zize zithethe zisebenzisa ukurharhaza nezandi. Ukudlala u'Phatha' uze ubize igama umzekelo, ukukhomba illungu lomzimba uze ubize igama lalo. Biza amagama eentsana, biza amagama abantu ulandelisa ngeefoto zabo bantu. Yondlala izixhobo zokudlala ezifanele ibakala lokukhula, nezingenabungozi ukuze iintsana zizame ukuzibamba zidlala ngazo. 	Qwalasela uze uxoxe nabazali ngezinto ezinokwenziwa ziintsana, abahhasayo, ababhadazayo nabantwana abancinane <ul style="list-style-type: none"> Ukukwazi ukuyishukumisa imizimba yabo kwimekobume ebangqongileyo Ukukhula kokuthand'ukwazi beziqaphela, beqaphela nabanye abantu ababangqongileyo. ukwenza ngomdla nangokuzimisela imisetyenzana ukukwazi ukwenza imisetyenzana emitsha ukonwabela izinto abanako ukuzenza nezakhono zabo ukusabelia ngohlobo lokuzithemba kubantu abadala nakwiintanga zabo ukumamelisisa ukwenza umsetyenzana bade bawugqibe uphele ukwabelana nabanye ngamacebo nobuchule babo

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	isikhokelo esibanzi sokuhola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo</p> <ul style="list-style-type: none"> • bakha izakhono, iimpawu, umda kwizinto ezikhuthaza ukukhula bezithembile. • bakha imo yokuthand'ukwazi ngabantu, iindawo nezinto • bafunda ukuzazi ngcono ngokubukela kubantu abadala abathi banike ingqwalasela kwizinto abakwazi ukuzenza nemiba ekhokelela ekukhuleni. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Umamele abantwana uze uqwälasele intetha yabo. Phinda uyithethe intetho uyithetha ngohlobo olufanelekileyo, umzekelo, ukuba umntwana uthi, <i>Mna ibhola</i>, umntu omdala uylungisa le ntetho ngelithi, <i>Ingaba ufuna ibhola, Thandi?</i> • Vumela abantwana baphicothe ukufunda ngezinto ezenziwa ngaphakathi kwigumbi lokufundela nezo zenziwa ngaphandle befumana inkxaso yabantu abadala. Khuthaza ukuba bakuqaphele okubangqongileyo ukhuthaze nokuba bancokole ngako • Yakha amathuba ukuze abantwana bathabathe inxaxheba kwimisetyenzana nasekuzenzeleni izinto. Umzekelo, abantwana banokusebenzisa udongwe lokudlala besakha iimilo, baze bakhuthazwe ukuba bancokole ngazo. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, abakhasayo, ababhadazayo, nabantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabinako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • imbalu yokuxhatshazwa okanye /nokungahoywa • ikhaya elingenzi izinto ngokulindelekileyo – abazali abanganiki nkathalo iyiyo nabasoloko bexabana nabanye abantu. • uxinzelelo lomntwana olubangelwa bubundlobongela, ukwahlukaniswa nabantu ababagcinayo, ukugula, ukuzalwa kosana olutsha nokufa kwelungu losapho • iingxaki zoqhagamshelwano – ukungakwazi ukwabelana ngeengcinga ngenxa yokungaphatheki kakuhle • Ukuba neentloni- Ukungazimiseli ukubaphendula abanye • ukungakwazi ukuziphatha phakathi kwabanye – ukuvisa abanye kabuhlungu ngabom, ukubandlongondlongo angamameli xa enqandwa
	<p>Ukuqhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • babonisa umda okhulayo nokuzenzela xa bephicotha imeko ebangqongileyo • bayavuma ukusebenzisana nabanye xa befuna uncedo • bayakwazi ukuchitha ixesha elidana xa besenza imisetyenzana. 	<p>Ukuqhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Khuthaza imisetyenzana ethi "konke ngam" usebenzisa imizobo, iifoto, iincoko, izinto abazithandayo • Yiba neencoko ngezinto ezibenza bazine bebaluleke ngokukhethekileyo ukhuthaze ukunxibelelana nabanye ngeengcinga. • Nika amathuba aza kubavumela ukuba bancokole ngezinto abanako ukuzenza nezinto abanomdla kuzo. 	

linjongo	<p>IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>isikhokelo esibanzi sokuhlola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>Ukuya kwibanga lika- R</p> <p>Abantwana baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba elidlulileyo</p> <ul style="list-style-type: none"> • bayaphendula kwizinto abazenzayo yaye babonise iimvakalelo ezahlukahlukeneyo kwiimo ezahlukeneyo • baba nokuziqonda izivo zabo, babonakalise ukuqonda novelwano ngeemfuno, izimvo neemvakalelo zabanye. • Baba nentlonipho ngamasiko abo nawabanye ngenxa yenksaso abayinikwayo. 	<p>Ukuya kwibanga lika- R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Vumela abantwana bathathe inxaxheba kwimisetyenzana apho bakwaziyo ukubonakalisa iimvakalelo ezahlukahlukeneyo. Bavumele ukuba babonise iimvakalelo zabo ngezimbo zobuso, bedibania iimvakalelo zabo nemifanekiso ebonisiweyo. • Khuthaza abantwana ukuba basebenze kunye kwimisetyenzana apho baxhomekeka omnye komnye, umzekelo, icekwa. • Cacisa ukuba kutheni abanye abantwana baza kufuna inkxaso ngakumbi xa beziva bengonwabanga. • Mema abantu basekuhlaleni ukuze babalisele abantwana amabali ngezinto okanye ubomi babo nemvelaphi yamasiko athe adlala indima enkulu kwindlela abakhule ngayo. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	isikhokelo esibanzi sokuhola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
2. Abantwana banayo ingqondo yokuzikhathalela	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none">• ziye ziqhelana namaxesha okutya esiqhelo adalwa ngabantu abadala• ziyakwazi ukuqhagamshelana xa zilambile, zinxaniwe okanye kukho into engazivisi kammandi• zibonisa ukuzazi iimfuno zazo, zibonisa ngokushukumisa amalungu omzimba, umzekelo, ukukhomba ukutya.	ISiqalo <ul style="list-style-type: none">• Qwalasela oko kufunwa ziintsana uze uphendule ngokuvumela ukuba basebenzise amava ezivo, umzekelo, ukubamba isidudu, ukubamba ibhotile okanye ikomityi.• Nika ithuba kwiintsana ukuba zifunde ukuzityela kancinci kancinci. Uvulele amathuba okuba banukise, bangcamle, baphathe, babambe yaye batsale.• Khuthaza ukuba iiintsana zizame ukuzenzela izinto ngokwazo, umzekelo, ukufaka isixhobo sokudlala ebhokisini.	Qwalasela uze uncokole nabazali beentsana, abakhasayo, ababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none">• ukuchaza iimfuno zabo• ukuziqhelanisa nokulandela izinto ezenziwa ngamaxesha athile.• ukuba nenxaxheba kwizinto ezenziwa ngamaxesha athile ngesiqhelo.• ukusebenzisa iindlela ezohlukeneyo zonxibelewano ngokusebenzisa amalungu omzimba namagma ukubonisa izinto abazithandayo nabangazithandiyo• ukuzenzela izinto ngokwabo nokwenza izinto ngokuncediswa.• ukubonisa ukuziqhela izinto ezenziwa qho ngamaxesha athile• ukonwabela iimpumelelo abathi bazifumane xa besenza imisetyenzana yabo.
	Ukuqhubeleka Abakhasayo nababhadazayo <ul style="list-style-type: none">• bafuna ukuba nenxaxheba kwizinto ezenziwa ngamaxesha athile esiqhelo umzekelo, ukuzinxibisa nasekucoceni• ukusebenzisa ukuthetha namalungu omzimba ukubonisa izinto abazithandayo nabangazithandiyo• bayakuvuyela ukuzenzela izinto ngakumbi xa abantu abadala bekufutshane ukuze banike inkxaso.	Ukuqhubeleka <ul style="list-style-type: none">• Beka izinto ofuna ukuba abantwana baphendule ngazo, kwindawo abanokuzibona kuyo, umzekelo, ijezi ekua kufuneka inxityiwe.• Khuthaza abantwana bathethe ngezinto abazithandayo nabangazithandiyo. Sebenzisa imifanekiso okanye izinto ukuze bakwazi ukuthetha ngezi zinto.• Bancome abantwana xa benze okuthile kakuhle umzekelo, ukucela uncedo xa bevuzelwa yimifinya. Dlalani imidlalo enjengethi <i>Wenze kakuhle!</i> – <i>Wenze kakuhle uRehana uzinxibise ngokwakhe izihlangu.</i>	Izinto ema ziqatshelwe kwiintsana, abakhasayo nababhadazayo, nabantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabinako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana <ul style="list-style-type: none">• limeko zekhaya – imeko yezoqoqosho, iinkedama, ukukwazi ukuba neliso kwabo banakekela abantwana abancinane, ukungakwazi ukucwangcisa izinto, ukuba umntwana ungowesingaphi ekhayeni, umzekelo, ukuba ungumntwana okukuphela kwakhe okanye ukuba ngoyena mntwana mncinane kungakhuthaza ukuba asoloko exhomekekile engakwazi ukuzenzela nto.• Ukojika nokuxhalaba – abantwana bangakungxamela ukufuna ukuthatha inxaxheba kuwo nawuphi umsetyenzana omtsha nekufuneka benze nantonina ukuze bazinakekele.

linjongo	<p>IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>isikhokelo esibanzi sokuhlola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili yaye</p> <ul style="list-style-type: none"> • baye beqhela ngakumbi ukufunda ukuzicoca umzekelo, ukuhlamba izandla ngamaxesha okuya ngasese • baqalisa ukuzenzela izinto bengakhange bathunywe benebhongo lokuphumelela ngokukwazi ukuzinakekela – ukuzinxibisa, ukuhlamba, ukucoca • bayazidla ngokusebenza bengakhange bafumane nkxaso, balinge izinto, baze bacele uncedo kuphela xa kuyimfuneko. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Vumela abantwana bacule iingoma benze nezicengcelezo zokubethelela indlela amabakhathalele ngayo impilo yabo, umzekelo, <i>Lixesha lokuqoqosha</i>. • Bakhuthaze abantwana ngokubapha izipho xa bethe baphumelela nangokuziphatha kakuhle. • Yakha izinto ezenziwa ngokulandeelanayo baze baqashisele ukuba yeypih eyenziwa kuqala. Baxhase kwimizamo yabo yokukwazi ukuzilawula nokulawula izixhobo zokufunda. 	
	<p>Ukuya kwiBang like R</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba langaphambili baze ngokongezekileyo</p> <ul style="list-style-type: none"> • bazenzele izinto bebonisa ukuzithemba ngokucela ukuxhaswa nokhokelo kuphela xa kuyimfuneko • bayazinxibisa baze ba zikhulule behoye ucoceko lweziq zabo • bayazikhethela imisetyenzana nezixhobo zokusebenza. 	<p>Ukuya kwiBang like R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Vumela abantwana bazenzele izinto ngaphambi kokunikezela ngoncedo • Yakha imekobume ebonakalisa ukabaluleka kwempumelelo yomntwana ngamnye • Khuthaza abantwana ukuba bakwazi ukusombulula iingxaki zabo. Bakhokele abantwana ngokubacebisa ngeendlela zokusombulula iingxaki zabo. • Nika abantwana imisetyenzana ubacaciele kakuhle ekulindeleke ukuba bakwenze okanye usebenzisa iitshati ezinemiyalezo. • Bakhuthaze ngokubapha izipho xa bathe baphumelela xa bezenzela imisetyenzana. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	isikhokelo esibanzi sokuhlolola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
3. Abantwana bakha ubuhlobo obuluqilima	<p>ISiqalo</p> <p>lintsana</p> <ul style="list-style-type: none"> Ngabantu abathanda abantu yaye bayakonwabela ukuba nabantu zibonisa ukunamathela kwabo bachitha ixesha elininki nazo zakha ubuhlobo ngokufuna ukukhathalelw, ngokujonga nangokunxibevelana nabanye 	<p>ISiqalo</p> <ul style="list-style-type: none"> Sebenzisa isandi nee ntshukumo zomzimba xa unxibevelana neentsana. Dlala imidlalo yokwenza izinto kunye neyokulinganisa ingakumbi imidlalo yezemveli. Yakha amathuba ukuze iintsana zibe kunye nabantwana abadatlana, bababukele, babaphulaphule Yenza itshati yezinto ezenziwa ngamaxesha athile esiqhelo apho iintsana zinokubona imifanekiso yeentsana nabantwana bejongene yaye benxibevelana. Sebenzisa oku njengesixhobo sencoko. 	<p>Qwalasela uze uncokole nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane</p> <p>Ukukwazi</p> <ul style="list-style-type: none"> ukusabela nokuba kunye nabanye ukunxulumana nabanye esebezisa iindlela ezininzi zokwenza oko, umzekelo ukushukumisa umzimba, ukuthetha, neentshukumo ukufunda kwabanye ngendlela abayiyo ukukhulisa izakhono zokuhlisana nabanye xa bekunye nabantu abadala nabanye abantwana (umz. ukuphulaphula, nokutshintshana xa mhlawumbi kudlalwa) ukwabelana ngamava abo nabanye ukwakha ubuhlobo Ukubonisa ukuthembwa, ukuzeyisa nokuqhela ukuziphatha kwiimeko ezahlukahlukneneyo nakwizinto ezenziwa ngamaxesha athile esiqhelo

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	isikhokelo esibanzi sokuhola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nabahadazayo baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba elingaphambili yaye</p> <ul style="list-style-type: none"> • bayafunda kwabanye malunga noko bakwazi ukukwenza neendlela zokukhula. • Ukongeza izakhono zonxibelelwano ngokuncokola nabantu abadala nabantwana ubeyinxene yabo • bakufuna ngamandla ukuba kunye nabanye baze babelane ngamava 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Sebenzisa iincoko, imifanekiso ebonisa iimeko ezahlukahlukeneyo namabali ukuze nithe the ngobuhlobo obahlukahlukeneyo • Vumela abantwana balinganise iindima ezahlukahlukeneyo – ukudlala bedlamkile, ukungathath'i nxaxheba, ukukhokela, ukungagungqi. Bavumele bathethe ngamava abo • Yakha iindawo apho abantwana banokukwazi ukwabelana ngeengcinga, umzekelo, isangqa 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, abakhasayo, ababhadazayo, nabantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabinako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukungabi nabuchule bokunxibelelana kusetyenziswa amazwi okanye iintshukumo • Ukungakwazi ukumelana nengxabano – ubonisa ngokuzidlikidla • Ukuhabalalisa izinto zakhe nezabanye • Ubunzima bokungakwazi ukusebenzisana, umzekelo, ukungabelani nabanye ngezixhobo zokudlala nezinye izinto • Ukungazihoyi iimvakalelo zabanye - angakwazi ukunceda abanye • Ubunzima ekuceleni uncedo okanye ulwazi komnye umntu • Ukuropa indlela yokuziphatha engeyiyo kwabanye ndaweni yokukhetha izimilo ezakhayo.
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba elingaphambili yaye</p> <ul style="list-style-type: none"> • basebenzela ukwakha abahlolo • babonisa ukukwazi ukuthembra • kulula ukusebenza nabo kuba bayakwazi ukuziphatha yaye bayakwazi ukuqhelana neemeko ezahlukileyo kunezo baziqhelileyo. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Sebenzisa imisetyenzana apho abantwana bangabekwa kumaqela abahlolo babo. Bavumele badlale indima yabunkokheli, neyabancedisi njalo njalo. • Lungisa amaziko okufundela avumela abantwana bakwazi ukulawula iimeko zokusebenza nabantu ngabantu kwiqela elo – ukudlala ngababini/ njengeqela nokulawula iingxabano. • Yakha izinto ezenziwa ngamaxesha athile esiqhelo nolandelelwano lweziganeko eziqhelekileyo. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	isikhokelo esibanzi sokuhlola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	Ukuya kwibangala lika R Abantwana baqhubeleka neemfuno kanye nemisetyenzana yenqanaba elingaphambili yaye <ul style="list-style-type: none"> • bakha ubuhlobo nabantu abadala kanye noontanga • basebenza kanye nabanye, • ayatshintshatshintshana baze babelane • balandela imithetho elula yokusebenza nabanye • baqalisla ukuqonda indlela yokuziphatha kwiimeko ezithile 	Ukuya kwibangala lika R <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka ukwenza izinto ngokwesiqhelo.. • Yakha izinto ezenziwa ngokwesiqhelo apho abantwana bay a kuba namathuba okudlala nabanye abantwana. • Yakha amathuba apho abantwana bay a kucela ulwazi kwabanye okanye uncedo • Lumkisa abantwana ngamaxesha otshintsho kwiiindlela ezenziwa ngazo izinto, ubuhlobo babo nabanye nendlela abamele baziphathe ngayo umzekelo, ukutshintsha ekudlaleni kwangaphakathi ukuya kwixesha lokuya kwindlu yangasese, ixesha lebal, de kufikwe kwixesha lokugoduka. 	
4. Abantwana bayakonwabela ukuba yinxeny yamaqela beyibhiyozela neyantlukwano	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> • zibonisa ukuqaphela izinto ezahlukileyo koko kubangqongileyo • zibonisa uvuyo okanye uloyiko lwento okanye lomntu ongaqhelekanga zize zikhangele inkxaso nentuthuzelo esuka kubantu abadala • zibonisa ukuqonda ukuba zombini izandi nezenzo ziyabachaphazela abantu 	ISiqalo <ul style="list-style-type: none"> • Thetha neentsana malunga neendawo ezahlukahlukeneyo (ngaphakathi nangaphandle) nabantu ababaziyo • Xeleta iintsana into emalunga nabantu ababaziyo umzekelo, UBrandon uyakuthanda ukudlala iimoto kanye nawe • Bonelela iintsana ngamathuba okubona iintlobo ezahlukahlukeneyo zabantu kumaxesha ahlukeneyo osuku – Ngokwamaqela kwiziko lokufunda, kungabakho amaxesha apho iintsana nabantwana abancinane banokuba kanye nabantwana abadadlana. 	Qwalasela uze uncokole nabazali beentsana, ababhadazayo nabantwana abancinane Ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> • ukubonisa ukuba bayazi ngezinto ezahlukahlukeneyo kokubangqongileyo • ukubonisa iimvakalelo ngexesha lokwenza imisetyenzana • ukuqonda izandi, iintshukumo neziganeko • ukubonisa ukuba bayakuqonda ukufana nokohluka • ukubonisa ukuba bayazi ngomahluko kuhlobo abaphila ngalo kwakunye namasiko abadibaniyayo. • ukubonisa intlonipho kwabo bahlukileyo kubo nokuba badlale indima ekubhiyozeleni iyantlukwano.

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	isikhokelo esibanzi sokuhlolola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka neemfuno nemisetyenzana yenqanaba elingaphambili yaye</p> <ul style="list-style-type: none"> • babonisa ukuqonda ngezinto ezifanayo nezinomohluko ezenza banxibelelane nabanye abantu okanye zibenze babe nomohluko. • babonisa ukuzithembwa njengamalungu eqela kusapho elinganxulumaniwa neqela lenkcubeko ekuhlaleni, umzekelo, umntwana uyakuzibiza njengomZulu ngenxa yohlobo akhuliswe ngalo. • bangabonisa uthando nenkathalo kabantu abanomahluko kubo. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Khupha abantwana ubase kwiindawo ezingqonge imekobume yabo. Nika inkcazelo ngemfano neyantlukwano. Bavumele baxubane nabanye abaneminyaka eyahlukahlukeneyo nenkcubeko engafaniyo. • Sebenzisa izixhobo ezibonisa umahluko kwiintsapho, isini, ukukwazi ukwenza, neenkubeko ezahlukeneyo. Yakha iindawana zokufunda ezibonisa iimpahla zeenkubeko ezohlukeneyo, ukutya nezixhobo ezisetyenziswa xa kutyiwa. • Dlala umculo weenkubeko ezahlukeneyo. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, abakhasayo nababhadazayo, nabantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabinako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • Indlela iintsapho eziwubona ngayo umahluko phakathi kwazo nabanye abantu abanomahluko kubo • Uxinzelelo lomntwana olubangelwa ngabo bahlukileyo ngokwemilo yomzimba • Ukungabi nabuchule kunxulumano nabantu - akafuni ukudlala nabantwana abohlukileyo kuye • Akafuni kwenza imisetyenzana ebandakanya unxulumano nabanye akhula nabo, ahlukene nabo ngamasiko, ubuni, izinto abanokuzenza njalo njalo. • Ukukheth'icala - iintetho zobuhlanga, ukubhulisha, nokuba ndlongondlongo kwabo banomahluko kuye .
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka neemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba elingaphambili yaye:</p> <ul style="list-style-type: none"> • bayawkwazi ukudibanisa iimeko ezahlukeneyo zokukhula kwabo. • bathatha inxaxheba kumasiko nezithethe • b ayazi ngeyantlukwano yeelwimi, izithethe neenkolo ezohlukeneyo. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukwazi nokubhiyozela iziganeko umzekelo, imihla yokuzalwa, iKhrismesi,i-Diwal, i-Eid, i-Ramadan, i-Rosh Hashanah, i-Ista. • Yila amathuba awohlukahlukeneyo abantwana ukuze bathethe, baphulaphule baze beviwe ngabanye malunga noko babenza bakhethike baze bohluke koontanga babo. • Gcina ulandelelwano Iweziganeko zeentsapho okanye zembali yobuqu ukususela kwimpahla, kwiifoto nakwiithoyi. 	

linjongo	IsiKhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	isikhokelo esibanzi sokuhlola, sokujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuya kwibanga lika R</p> <p>Abantwana baqhubeka ngeemfuno kunye nemisetyenzana yenqanaba elingaphambili yaye :</p> <ul style="list-style-type: none"> • badibanisa amava eemeko ezahlukenyeyo ebomini babo (umzekelo, ekhaya, iziko, inkolo) • banelisekile ngoko bakuko • bayaqonda ukuba iyantlukwano yinto ekhoyo yaye kumele ihlonelwe. 	<p>Ukuya kwibanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Nceda abantwana babenamava ngamasiko neenkolelo zabo bezibona njenge nto entle. • Khuthaza abantwana bathethe ngezinto ezifanayo nezahlukileyo. Sebenzisa amabali uze unike izizathu. • Vumela abantwana bacinge baze bathethe ngalowo ufana nabo nalowo wahlukileyo kubo • Khulisa ukungabi namkhethethe ukuze uncede abantwana bafunde ngezinye iintlanga, ubuni, nezinto abakwazi ukuzenza. 	

UMMANDLA WOKUFUNDISA NOKUKHULISA ABANTWANA ABANCINANE WESITHATHU: UQHAGAMSHELWANO

Iizwi lomntwana



Ndifuna ukuba namava emekobume endinokufunda ukuphulaphula ngenyameko kuyo, ndithethe ngokuphande, ndifunde ukuthanda iincwadi, amabali nokufunda, ukurekhoda nokubhala, nokulungela ukufunda nokubhala okusesikweni njengoko ndikhula.

Lumalunga nantoni uqhagamshelwano?

Abantwana abaninzi bazalwa bekwazi ukuqhagamshelana. Iintsana ezisandul' ukuzalwa zizichaza iimfuno zazo ngokukhala baze abantu abadala baphulaphule basabele kuzo. Ukusabela kwakha ukuthembela nemvakalelo yokuzazi ubuwena kusana olusandul' ukuzalwa.

Uqhagamshelwano lubaluleke kakhulu ekwakheni ingqondo emandla yempilontle, ukwakha ingqondo emandla yobuwena nokuzazi imvelaphi, ukuphicotha nokwenza intsingiselo kwizibalo, iinkqubo zokuyila, ulwazi nokuqonda ngehlabathi.

Abantwana abaninzi bangabantu abancokolayo abathanda ukwabelana ngoko bakicingayo, imvakalelo namava abo. Bakwenza oku ngokuqhagamshelana, umzekelo, izijekulo, ukuthetha ngemizimba, ukunkwiniza, ukurharhaza, ukubhibhidla, ukuthetha, ukuphulaphula, ukucinga nokuqonda. Sonke sakha intsingiselo yamava ethu ngokuqhagamshelana.

Ukuqhagamshelana ngamazwi nangaphandle kwamazwi (noncedo loqhagamshelwano kubantwana abaneemfuno zoqhagamshelwano ezikhethekileyo) kubaluleke kakhulu.

Abantwana basebenzisa iindlela ezininzi zoqhagamshelwano ezingaphaya kwamazwi, amabinzana nezivakalisi. Iindlela zoqhagamshelwano ziquka umdaniso, umculo, ubugcisa, imifanekiso, ukusayina, intshukumo yomzimba, nokudlala ngokuyila. Zonke ezi ndlela zisetyenziselwa ukwabelana ngamava, ukucinga kwakhona ngamava nokuphicotha okubangqongileyo kune namacebo amatsha. Ukuqonda okubangqongileyo kuyakhula njengoko uqhagamshelwano lomntwana lukhula ngakumbi yaye lusiba qatha.

Abantwana abaninzi bafunda ukuqhagamshelana ngolwimi ngokuphulaphula nokubukela kuqala, babonakalise indlela abaziva ngayo nezivo, baze balinge ukusebenzisa amagama namabinzana okuthetha. Iintsana ziphulaphula zize zibukele ukushukuma kwemilebe neentetho.

Abantwana abafumana isiseko esisiso solwimi lwabo lwasekhaya bakwazi ngcono ukufunda iingcinga ezintsha namagama. Basebenzisa ulwimi lwabo lwasekhaya ukukhulisa ingqondo yabo yokuzazi nokukhulisa ulwazi lweengqiqo.

Abantwana abancinane bafunda ukuqhagamshelana

- ngokuphulaphula izandi zokubangqongileyo nabanye abantu, ingakumbi abantu abadala. Beva izandi nomculo wezandi (eziphezulu nezisezantsi, eziphantsi nezingxolayo, ezicothayo nezikhwulezayo, ezimnandi nezingqwabalala). Bakha intsingiselo kwizandi. Abantwana abanengxaki yokungeva baphulaphula ngokujonga ulwimi noltinganiso abalubonayo.
- ukuthetha ngokwenza intsingiselo kwizandi eziqondakalayo kwabanye njengeentsana ezisandul' ukuzalwa (ukukhala ngenxa yokulamba, ukugodola, ukuba manzi), zandule iintsana (zirharhaze, zihleke, zikhale, zilinganise izandi), abakhasayo nababhadazayo (zibiza zize zizame amagama nezivakalisi) nanjengabantwana abancinane (zithethe izivakalisi). Bakopa izandi balandele ngamagama baze balandelise ngezivakalisi abazivayo. Bakwakopa nendlela amagama nezivakalisi ezbizwa ngayo (umzekelo, ukuthetha ngononophelo, okanye ukukhwaza). Abanye abantwana bathetha ngokusayina yaye abantu abadala ababanyamekelayo bamele bafunde ukuqhagamshelana ngale ndlela.
- 'ukufunda' nokwenza intsingiselo ngolwimi lwabanye abantu, ithoni yelizwi nokushukumisa amalungu omzimba. Kamva, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane banokubona ukuba imizobo neesimboli ezibhaliweyo zinentsingiselo nazo. Baya kuthetha ngemizobo yabo baze bathethe ngoko bakubonayo kwimifanekiso nakwimizobo yabanye abantwana.
- 'ukubhala' ngokuzoba nokwenza amaphawu, kunceda abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane baqonde amava abo. Ngokuthe chu abantwana basenokuqonda ukubhala okusesikweni njengamagama abo.

- Inkqubo yokufunda yabaqalayo iqala ekuzalweni yaye ixhaswa ziintsapho neepraktishina zeKBQ ezinceda ekubekeni iziseko zokufundisa ngokusesikweni ukufunda nokubhala, okuya kwenzeka akuba umntwana engene kwiBanga 1.

Abantu abadala kufanele banike ingqalelo kwizakhono zoqhagamshelwano Iwabantwana

Amalungelo abantwana ayila isiseko salo lonke uqhagamshelwano: ilungelo lokuviwa nelungelo lokuthetha nelungelo lokuqhagamshelana ngolwimi lwakhe lwasekhaya.

Bonke abantwana abaphila nokhubazeko kunye nabo baneemfuno ezikhethekileyo banelungelo lokufumana ingqalelo yaye bamele baxhaswe ukuze bakwazi ukukhula, ukuqhagamshelana baze bafunde kangangoko banako. Ukuze bonke abantwana bathathe inxaxheba ngokulinganayo bafanele bakwazi ukuqhagamshelana ngokufanelekileyo ngendlela efanele kakuhle ngakumbi iimfuno zokufunda yaye basenokufuna inkxaso ngezinye iindlela zoqhagamshelwano umz. ngolwimi lokusebenzia izandla.

Ukunceda abantwana babe ngabantu abaqhagamshelana kakuhle, abantu abadala bafanele babaphulaphule abantwana, batolike oko baqhagamshelana ngako, baze baphendule

besebenzisa ulwimi olululo (hayi 'ulwimi lweentsana'). Abantu bafuna abantu abadala babalonise indlela efanelekileyo yokuqhagamshelana. Oku kubanceda bomeleze izakhono zabo zoqhagamshelwano ngokulinganisa.

Abantu abadala kufuneka baqaphele ulwimi ngemizimba yabo, nemiyalezo abayibonisayo, nentshukumo nokuziphatha abazinika iintsana, abakhasayo, abahadazayo nabantwana abancinane.

Abantu abadala kufanele bathethe, bacule, babafundele baze babaphulaphule abantwana abancinane ukubaxhasa njengoko befunda ukuthetha nokuphulaphula, ukuze kamva bafunde babhale.

1. Abantu baphulaphula izandi neentetho

4. Abantu bagcina amava abo namacebo abo ngolwimi, izandi, imizobo, idrama yaye emva kwexesha "ngokubhala"

**lintsana, Abakhasayo, abahadazayo nabaNtwana
AbaNcinane Bayaqhagamshelana**

2. Abantu bathetha besebenzisa iindlela ezahlukeneyo zoqhagamshelwano

3. Abantu bafumana intsingiselo "ngokufunda" abakubonayo, abakuvayo, babonise imvakalelo, bangcamle baze babambe

Umzobo 9 Ukusebenza neentsapho nabantwana bazo abancinane ukukhuthaza uqhagamshelwano

lingongoma Zokucingisisa

- Inefuthe elihle kangakanani imekobume yasekhaya, usapho, neenkubo zabantwana abaqalayo, ekukwazini komntwana ukunxibelelana ngendlela eyiyo?
- Inefuthe elibi kangakanani imekobume yasekhaya, usapho neenkubo zabantwana abaqalayo, ekukwazini komntwana ukunxibelelana ngendlela eyiyo?
- limeko ezintle zingakhiwa njani njengamathuba nobugcisa obuhle ekuncedeni abantwana bakhulise ukukwazi kwabo ukunxibelelana ngokwemimandla echaziwego kwidayagram ephezulu?
- limeko ezingentle zingancitshiswa njani?

linjongo, izalathiso zokukhula, imizekelo yezinto ezinokwenziwa ukukhuthaza uqhagamshelwano

linjongo	Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetenzana yaBantu abadal neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwincali xa kuyimfuneko.
1. Abantwana baphulaphula unxulumano phakathi kvezandi nokuthetha	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> • ziqala ukuva zineeveki ezimalunga nama-25 zisesiwini. • zisabela kumazwi abantu ukususela ekuzalweni. • ziqlisa ukuphulaphula xa kuthethwa nazo ngokuthe ngqo. • ziqlisa ukubonisa ukuqonda amagama ambalwa kuquka u“hayi”. • zilinganisa iincoko zabantu abadala ngokubhibhidla. • zibonakalisa umdra omkhulu kwizandi namagama ahlukahlukeneyo. • zonwabela imidlalo yezandi, isinqi, ukutswina (phezulu, ezantsi) kunye neemelodi ezelula. 	ISiqalo Sebenza uze udlale kunye nosana ngalunye: <ul style="list-style-type: none"> • biza igama losana uze uthethe nalo usebenzisa igama lalo. • thetha ngokucacileyo uze um jonge ebusweni. • sebenzisa ukugungqagungqa, ukuthetha nokucula ngesingqi. • phinda izandi namagama enziwe ngendlela yokudlala, neyokutshintshana. • nceda usana lwenze izijkeku, umzekelo, luwangawangise isandla, luqhwbabe izandla. • thetha ngexesha lemisetenzana yemihla ngemihla, ubize amagama ezinto, okutya, empahla, ezelwanyana, njl njl. 	Qwalasela uze uxoxe nabazali Ngezinto ezinokwenziwa ziintsana, abakhasayo, ababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> • ukusabela kwizandi eziphezulu ukususela ekuzalweni. • ukusabela ngokulinganisa izandi. • ukwazi ukuba izandi zivela ngaphi. • ukwazi iintloblo zezandi. • ukulandela imiyalelo ethethwayo. • ukunika ingqalelo ekubalisweni kwamabali. • ukuthetha ngokucacileyo.

linjongo	<p>Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuhlol, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingga cali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo</p> <ul style="list-style-type: none"> • banika ingqalelo xa kuthethwa nabo baze baqonde oko kuthethwayo xa kuncokolwa. • bayakuthanda ukuphulaphula amabali. • baphulaphula baze balinganise izandi abazivayo kwimekobume ebangqongileyo. • bonwabela ukudlala imidlalo ngezandi. • balandela imiyalelo ethethwayo. • Babuza imibuzo yaye bafuna ukuva iimpendulo. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Thetha uze upholaphule yaye ube neencoko. • Yazisa amagama amatsha uze ubonise ukuba athetha ntoni usebenzisa intshukumo yomzimba nezinto. • Nika imiyalelo uze uncome xa yensiwe. • Ngokuthe chu yazisa imiyalelo emibini okanye emithathu njengoko umntswana ekwazi ukuyilandela. • Yiphendule ngokwenene imibuzo. Buza imibuzo yokuqonda ukuze ukhuthaze abantwana ukuba bacinge ngakumbi ngemiba. • Balisa amabali akudala kune nemiba abanomdlala kuyo abantwana. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntswana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • akayiliki intloko okanye akaphawuli xa izandi zibizwa kufutshane naye. • upholaphula i-TV okanye irediyo enengxolo ephezelu kunabanye abantwana. • ucela ukuba kuphindwe imiyalelo. • uphazamiseka lula okanye uyaphazanyiswa yingxolo engasemva. • unobunzima ekuxeleni umahluko phakathi kwezandi. • unengxaki yokungakwazi ukuzinza aphulaphule. • ubonisa iingxaki zokuziphatha – ‘akaphulaphuli’. • ukhalaza ngobunzima bokungeva okanye beendlebe ezivalekileyo. • uneendlebe ezibuhluntu ngenxa yokugula okanye ukuvaleka. • uphendula ngendlela engeyiyo kwimibuzo. • abantu kufuneka baphakamise amazwi ukuze bafumane ukuhoywa ngumntwana. • uqwaliasela ubuso bomntu othethayo ukufumanisa ukuba uthini. • ujika intloko ukuze ajonge ukuba isandi sisuka phi. • uthetha ngelizwi eliphantsi kakhlulu okanye eliphezulu kakhlulu.
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • bayawakhumbula amabali abathe baweva. • Bachonga izandi ezininzi. • baqhubeleka nokonwabela ukuphulaphula amagama amatsha. • bazonwabela ngokungakumbi iingoma nezicengelezo eziqatha. • bonwabela amagama ahlekisayo. • Baphulaphula ngenyameko. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Yenza imisetyenzana aphi abantwana basebenza kumaqela abo bengabahlobo. Bavumele banikane inxaxheba njengo- ukukhokela iqela, ukuncedisa njl.njl. • Yakha amaziko okufundela avumela abantwana babe nokulawula iimeko zeqela – ukudlala ngababini/ bengamaqela nokulawula iingxabano. • Xela uze wenze imisetyenzana eyenziwa njengesiqhelo kune nolandelwano lwezechlo ezinokwenzeka. 	

linjongo	<p>Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuhlola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • bephulaphula amabali ngenyameko. • bephulaphula baze baphinde iipateni zesinqqi. • bephulaphula baze bakhumbule ukulandelelana kwamagama alula, ukuze, umzekelo, idada, lidada, edamini. • benza ngokwemiyalelo eqatha. • bephulaphula abanye, bethatha inxaxheba kwiingxoxo baze babuze imibuzo. • behlulahlula amagama anamalungu amaninzi ngokwamalungu awo umzekelo, 'Mamelodi' 'Khayelitsha' • behlulahlula izivakalisi eziphinyiselwayo ngokwamagama ngamanye umzekelo, <i>Ndiyayibona laa moto ihlayo phaya esitratweni</i>. • baqonda izikhamiso zokuqala namaqabane okuqala kumagama athethwayo. 	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Qhubeleka ubonelela abantwana njengoko befuna bekwabonisa umdla</p> <ul style="list-style-type: none"> • kumabali amaninzi naqatha. • lingoma nezicengcelezo kunye nemidlalo yamagama. • izandi zamagama nezandi zokuqala namalungu amagama. • amagama akwizivakalisi. • Ukwenza imidlalo ngokwemiyalelo eqatha njengokuthi <i>Yiya kwikhabhathi, uvule umnyango, uthathe isikere, uhambe uye etafileni, uhlale phantsi uze usike ukhuphe umfanekiso wakho</i>. 	

linjongo	Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlol, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwinggaali xa kuyimfuneko.
2. Abantwana bathetha besebenzisa izimbo ezahlukeneyo zokunxibelelana ngokuqhagamshelana	<p>ISiqalo</p> <p>lintsana</p> <ul style="list-style-type: none"> • zivakalisa iimfuno ngokukhala nangokushukumisa amalungu (ulwimi lokusebenzisa amalungu omzimba) • zisabela kwizijekulo ngokwenza izijekulo. • zijonga ebusweni, zisabele zize zincume. • Ziyazibhibhidela ngokutshintshintsha ithoni nokuhwaza. • ziqlala ukubiza amagama alula nokubiza ngokuhambelanayo amagama amabini okanye amathathu. • zithanda izicengcelezo ezilula kunye neengoma. • Ziqlala ukucula ngamagama. 	<p>ISiqalo</p> <ul style="list-style-type: none"> • Thethela phantsi nangesingqi. • Sebenzisa izijekulo ukubonisa iingcinga neentsingiselo. • Ukutolika ngamazwi oko umntwana akutshoyo xa ekhala, erharhaza, ehlaka nangolwimi lokusebenzisa umzimba, umzekelo, <i>Ndiyakubona ukuba ulambil. Masikutyise ngoku.</i> • Waphinde amagama namabinzana, umzekelo, <i>Tsiba, tsiba, tsiba!</i> • Cula uze wenze izicengcelezo rhoqo usuku ngalunye. 	<p>Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukusebenza ngezandi, nangokunyukela kumagama nezivakalisi. • ukukopa izandi namagama. • ukubuza imibuzo. • ukusebenzisa ulwimi oluqatha ngakumbi. • Ukucula baze benze izicengcelezo.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo</p> <ul style="list-style-type: none"> • basebenzisa ukufikelela kumagama angama-50. • banakana amagama angakumbi kunabkwaziyo ukuwabiza. • badibanisa amagama amabini okanye amathathu kunye. • basebenzisa izimelabizo zoqobo, umzekelo, "mna", "yam" • baqhubeleka neencoko ezilula. • bathetha amagama amaninzi ahamba odwa xa sele beneenyanga ezi-18. • basebenzisa amabinzana amagama ama-2 ukuya kwama-3 nangaphezulu xa sele beneminyaka emi-2. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Sebenzisa isigama esichanekileyo xa uthetha nabakhasayo nababhadazayo. • Kuphinde oko kutshiwo ngabakhasayo nababhadazayo ukubonisa ukuba uyakuqonda yaye ubaxabisile. • Yiba ngumzekelo wokuthetha ngembeko. • Yazisa amagama amatsha neengcinga. • Dlalani imidlalo yowlimi. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • Umntwana onengxaki yokuthetha akawazi kuphimisela ngokukuko izandi, umzekelo, ukuteketa, ukuthintitha, izandi ezithile. • Umntwana onengxaki ekuthetheni ulwimi uba nobunzima bokuqonda okanye bokudibanisa amagama ukuze avakalise iingcinga zakhe, umzekelo, <ul style="list-style-type: none"> - ukuqonda oko abanye abantu bakuthethileyo. - ingxaki yokulandela iindawo ezixeliweyo. - iingxaki ekulungelelaniseni iingcinga zabo.

linjongo	<p>Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuhlola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • bathetha ngezivakalisi ezipheleleyo. • banikana amathuba kwiincoko. • bathetha ngokucacileyo ukuze baqondwe kwanangabantu abangabaqhelanga. • bonwabela imidlalo yolwimi nezicengcelezo. • bathetha ngezivakalisi eziqatha, besebenzisa igrاما namagama ngokuchanekileyo yaye bafunda iingqiqo ezintsha nezininzi namagama yonke imihla. • bathetha izivakalisi ezinamagama angaphezu kwamahlalu. • basebenzisa ixesha elizayo. • babalisa amabali amadana nawenza umfanekiso ngqondweni. • banesigama esimalunga namagama angama-2000. • Babonisa izakhono ezininzi kwezi zichazwe nezantsi. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Qhubeleka nayo yonke le misetyenzana ingasentla. • Baquke abantwana kwiincoko xa kunokwenzeka. • Khuthaza abantwana balinge amagama amatsha. • Yazisa amagama amatsha neengcinga ezintsha ngosuku ngalunye, ngamava amatsha abantwana mhlawumbi ngokusebenzisa izihloko, umzekelo, 'Izinambuzane', 'Imozulu'. • Balisa amabali amaninzi omthonyama, awenza umntwana abe nomfanekiso ngqondweni. 	
	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • besiba nomdlal ekufumaneni amagama anesinqi esinye xa bethetha, nakwiintetho zabanye, nezicengcelezo nakwiingga, umzekelo, 'Iqaqa lizigikaqika kuqaqaqa' • besebenzisa amaxesha adlulileyo, elangoku nelizayo. • befunda amaninzi amatsha amaninzi yonke imihla 	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Qhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • yazisa amagama amatsha neengcinga ezintsha ngemidlalo nangokubalisa amabali. • xoxa ngeengqiqo ezingo – izolo, namhlanje nangomso, kunyaka ophelileyo, kunyaka ozayo, njalo njalo. 	

linjongo	Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlol, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwinggaali xa kuyimfuneko.
3. Abantwana benza intsingiselo “ngokufund a” abakubonay o, abakuwayo, ngemvakale lo yabo, ngokungca mla nokubamba.	Isiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> • zenza intsingiselo yamava azo ngokusebenzia izivo zazo – ‘zifunda’ imeko. • ‘zifunda’ iincwadi ezinemifanekiso kwamsinya zakuba zikwazi ukuhlala zikwazi ukuzibamba. • “zifunda iifanekiso ekwimbhalo ebangqongileyo umzekelo, iifoto zabantu, zezinto. 	Isiqalo <ul style="list-style-type: none"> • Qaphela ulwimi ngokusebenzia amalungu omzimba, iingakumbi okuboniswa ngobuso okt. izijkeulo, nethoni yelizwi xa uthetha neentsana kwasekuzalweni • Bonisa iinstana imifanekiso eminini nje ukuba bakwazi ukuphakamisa iintloko zabo bagqale- ingakumbi imifanekiso yeembuso zabantu. • Bonisa indlela yokufuna uze ukhuthaze intsana ukuba zibambe iincwadi. • Khomba imifanekiso namagama kwiincwadi nakokubangqongileyo. 	Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> • ukucwaliasela izinto • ukubonisa umdla kwimifanekiso nakwiincwadi ezinemifanekiso • ukutolika ucacisa imifanekiso • ukucacisa indlela abaziva ngayo ngokwezivo zabo. • ukuba nomdla kumagama abhaliqueyo nakumabali. • ukuchonga amanye amagama umzekeo, igama lakhe • ukubonisa umdla ekubambeni nasekufundeni iincwadi.
	UkuQhubeleka Abakhasayo nababhadazayo <ul style="list-style-type: none"> • baqhubeleka befunda iincwadi nakwimibhalo ekwizinto ezibangqongileyo • bayakuqonda okubhaliweyo njengokwahlukileyo kwimifanekiso • baqalisu ukuqonda ukuba ukufunda kuqala phezulu ukuya ezantsi, nasekhohlo ukuya ekunene. 	UkuQhubeleka Qhubeleka <ul style="list-style-type: none"> • Nokufunda iincwadi nemibhalo ekwizinto ezibangqongileyo. • ukhomba ngeliza ufunda ukubonisa ukuba sifunda ukusuka ekhohlo ukuya ekunene. • ukhomba uze ubize amagama eemilo nemibala uthethe nangemifanekiso. • ubhala phantsi amagama abakhasayo nababhadazayo xa betthetha ngemifanekiso abayenzileyo. 	Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntswana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana <ul style="list-style-type: none"> • akakujongi ebusweni kodwa uneenyanga ezintathu ubudala. • akabukeli okanye akayilandeli into ngamehlo kodwa uneenyanga ezintathu ubudala. • amehlo aluzizi okanye abumhlophe ngaphakathi kukhoza lwelihlo. • “alaqaza” kakhulu, okanye intshukumo yamehlo “ayizinzanga” • ukungalingani phakathi kwamehlo (ukujika kwewlihlo okanye ukujijeka kwamehlo). • ukujika okanye ukukekelisa Intloko xa ejonga kwizinto • ukucutha, ukucimela okanye ukuvala elinye ilihlo xa ejonga kwizinto • ukuwahlikhla nokuwaphatha ngokugqithisileyo amehlo • ukuphepha okanye ukungakwazi kwawo ukujonga ekukhanyeni okuqaqbileyo

linjongo	<p>Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuhlola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • baqalisa ukukhomba amagama azimeleyo nemifanekiso • banakana bakhombe izinto kwimifanekiso • baphawula amagama kokubangqongileyo umzekelo, uphawu lukaSTOP, iimpawu zokwazisa 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Qhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • nokufunda iincwadi nemibhalo ekwizinto ezibangqongileyo • ukhomba ngelixa ufunda nokuthi xa Kufundwa kuqalwa ekhohlo phezulu • ukhomba iimilo, imibala njl njl uze ukhuthaze iingxoxo malunga noku • ubhala phantsi amagama abakhasayo nababhadazayo xa bechaza imifanekiso abayenzileyo 	
	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Abantwana baqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • nokulungisa isethi yemifanekiso ngendlela eyila ibali • nokutolika, nokuchaza imifanekiso, umzekelo, ukuyila ibali lakhe 'nokufunda' imifanekiso • nokubamba incwadi ngendlela echanekileyo baze batyhile amaphepha kakuhle • nokwenza ngathi bayafunda Nokukopa 'ilizwi lokufunda' • nokunakana amagama abo abhaliweyo namagama abanye • nokuqaphela amagama aphindaphindwayo abawabona kokubangqongileyo umzekelo, umnyango, ikhabhathi 	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Qhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • ufunda amabali akwiincwadi ezinemifanekiso • ubonisa indlela yokuyibamba kakughle incwadi • ubonisa izahlulo zencwadi umzekelo, umqolo, amaqweqwe, isihloko sencwadi, iinombolo zephepha 	

linjongo	Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlol, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingga cali xa kuyimfuneko.
4. Abantwana bagcina amava neengcinga zabo ngolwimi, izandi, imizobo, idrama nangokudlala, ze kamva "ngokubhala".	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> • zenza izandi ukuchaza amava abo nendlela abaziva ngayo umzekelo, ngokukhala, ngokuhleka. • benza iimpawu ngeekhrayoni neminwe kwiphepha nakwisanti (ukurhoqoza). • baqalisa ukuyithiya amagama imirhoqozo. 	ISiqalo <p>Nika iiintsana imisetyenzana ukuze zisabele kumava azo nendlela eziziva ngayo</p> <ul style="list-style-type: none"> • zisebenzisa amagama umzekelo, ukusabela kumava azo ngamazwi. • ngemisetyenzana yemizobo ebonakalayo umzekelo, ukurhoqoza zize zithethe ngemirhoqozo yazo. • Ngemisetyenzana yokulinganisa umzekelo, iingoma nezicengcelezo nokulinganisa amava ngokwentshukumo nedrama (umdlalo wokwenza ngathi) 	Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> • ukuthetha ngamava abo nendlela abaziva ngayo. • ukudlala imidlalo 'yokwenza ngathi' yedwa kunye nabanye njengoko behkula. • ukusebenzisa izixhobo ukuzoba nokupeyinta amava abo nendlela abaziva ngayo, baze batethethe ngako. • ukubonisa umda ekuzobeni oonobumba nokubhala amagama abo namanye amagama alula.
	Ukuqhubeleka <p>Abakhasayo nababhadazayo baqalisa ukucinga kwakhona ngamava abo nendlela abaziva ngayo</p> <ul style="list-style-type: none"> • ngokuthetha ngamava abo nendlela abaziva ngayo umzekelo, 'Ndithanda....' • ukubonisa amava nendlela abaziva ngayo xa bedlala ukwenza ngathi. • ukuzoba izangqa, iimbuoso nemifanekiso yeziq zabantu nelixa bebabiza ngamagama umzekelo, umama okanye yena. • ukuzoba izinto ezibajikelezileyo abaye babanento yokwenza nazo umzekelo, iibhola. • ukwenza nokuthiya amanye amarhoqololo 'njengemibhalo' 'abayifunda' ngokukhwaza. 	Ukuqhubeleka <p>Nika abakhasayo nababhadazayo imisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • enjengokuthetha ngamava abo nendlela abaziva ngayo bebuza imibuso efana nokuthi Ingaba umalunga nantoni lo mzobo?; Kha undixelete malunga noku; Ingaba yintoni oyithande kakhulu? • Ukuzoba ngeekhrayoni ezinkulu zamafutha ephepeni, ngeminwe kwiibhokisi zesanti nangokuthetha ngemizobo yabo. • 'ukubhala' amagama abo kwimisetyenzana yabo. • ukucula iingoma besebenzisa oonobumba umzekelo, 'ubobo' isenziwa ngeentshukumo zomzimba. 	Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana <ul style="list-style-type: none"> • ukungabi namda okanye ukungakwazi ukusebenzisa ulwimi ukuchaza amava nendlela aziva ngayo. • ukungabi namda okanye ukungakwazi ukugcina amava nendlela aziva ngayo kwimidlalo yokwenza ngathi. • ukungakwazi ukuxhakamfula izixhobo zokubhala ezinjengeekhrayoni neepensile. • ubunzima ekuzobeni imifanekiso, ukuyila iimilo, yaye kamva, ukubhala oonobumba begama lakhe. • ukucotha okuphawulekayo nomzamo omkhulu ekuzobeni. • ukusebenzisa ukuxhakamfula ipensile okungaqhelekanga.

linjongo	<p>Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuhlola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingga xa kuyimfuneko.</p>
	<p>UkuQhubeleka phambili Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • baqhubeleka neenkqubo zokusinga kwakhona, ukugcina nezokubhala abaziqale beseziintsana, abakhasayo nababhadazayo. • baqalisa ukubhala okanye ukuzoba oonobumba. • baqalisa ukubabiza oonobumba. • bacela ukuba amabali abhalwe phantsi. 	<p>UkuQhubeleka phambili Qhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • ubhala phantsi amabali abaliswa ngumntwana ngomsebenzi wakhe wokuzoba (rhoqo ngesivakalisi okanye ezimbini). • ubalisa amabali ngonobumba ngamnye nokumila kwakhe. 	



linjongo	Isikhokelo sokuKhula kweeNtsana, abaKhasayo , abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingga cali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • behkulisa ubuchule bezihlunu ezincinci ngemidlalo yeminwe (umzekelo, ukudlala ngentlama, ukujija uqinise imortyisi kwiibholiti). • behkulisa indlela efanelekileyo yokulawula izihlunu ezincinci usebenzisa izikere ukuze basike kwimigca engqingqwa ejikeleze imifanekiso, iimilo njl njl. • behkulisa ukuhambelana kwamehlo nezandla, umzekelo ngokuganga nokuphosa, ngokuzoba nokupeyinta. • ukutreyisa imifanekiso elula, iipateni noonobumba begama lakhe. • ukuyila oonobumba besebenzisa ukupeyinta ngezandla, ngeebhrashi zokupeyinta, ngeekhrayoni ezityebileyo zamafutha njl njl. • ukukopa iipateni, amagama noonobumba abakokubangqongileyo besebenzisa iindidi zezixhobo zokubhala (umzekelo, iibhrashi zokupeyinta, iikhrayoni ezityebileyo zamafutha) 	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Nceda abantwana basike kakuhle ngesikere. • Qhubeleka ukhuthaza imidlalo yebhola. • Nceda abantwana batreylese iimilo zoonobumba abakhulu emoyeni. • Bonelela ngezinto zokufunda njengenxalenye yomdlalo wokwenza ngathi, ukwenzela ukuba abantwana benze ngathi bayafunda yaye bayabhala ukuze babonise ukuba bayayiqonda imibhalo ukuba yeokwenzani. 	



UMMANDLA WOKUFUNDISA NOKUKHULISA ABANTWANA ABANCINANE WESINE: UKUPHICOTHA IZIBALO

Iizwi lomntwana



Ndifuna ukuba namava emekobume apho ndinokufumana iipateni, ndenze unxibelelwano, ndiqonde ulwalamano, ndisebenze ngamanani, ndihlele ndize nditshatise izinto. Oku kundinceda ndikwazi ukucinga, ndisombulule iingxaki ndize ndibuze imibuzo.

Kumalunga nantoni ukuphicotha izibalo?

- Kumalunga nokukhulisa kwabantwana ukuze bafumane indlela yokusombulula iingxaki, indlela yokusinga nendlela yokusebenzisa imibandela yezibalo ekwiingingqi abakuzo.
- Abantwana bay a kusebenzisa imizimba, iingqondo nezimvo zabo ukuze bafunde ukuphicotha okubangqongileyo. Kumele kubekho amathuba abawalungiselelwego ukuze bafunde
- Xa besenza oku bay a kukwazi ukukhulisa ulwazi, ubuchule nezimo zengqondo zabo.
- Bayila amacebo baze bawavavanye. Bakwafunda ukuphucula la macebo njengoko benxulumana noontanga babo nabantu abadala.
- Imibandela yezibalo iyakhula njengoko abantwana bephanda baze banxibelelane ngezimvo zabo ezimalunga namanani, ukubala, imo, indawo nokulinganisa.

Abantu abadala bafanele banikele ingqalelo ekufundeni kwabantwana okunxulumene nokuphicothwa kwezibalo.

- Ubuchule bokuyila bunxulumene ngokusondeleyo nezibalo nokusinga ngenzululwazi (ukufuna ukwazi, ukufunda, ukwazi ingxaki nokuyisombulula)
- Abantwana abakhula nokhubazeko kunye nabo baneemfuno ezikhethekileyo, banelungelo lokufumana ingqalelo, yaye bamele baxhaswe ukuze bakwazi ukukhula kwimibandela yezibalo baze bafunde kangangoko banako.
- Abantwana bafuna ukukhuthazwa ukuba bafunde ukusombulula iingxaki zokwenene, ukuyila izinto, ukutshatisa, nokubala baze bayile eyabo imibuzo.
- Bafuna ukuxhaswa ngolwimi oluyimfuneko ukukhulisa iingqiqo zezibalo bakwazi ukuthetha ngeengcinga zabo.
- Abantu abadala bamele bazixabise iindlela ezahlukahlukenyeo abantwana abazichaza ngazo iingcinga zabo.

1.
**Abantwana babonisa ulwazi
lokusebenzisa amanani nokubala**

3.
**Abantwana baphicotha iimilo,
indawo noltinganiso**

**Izibalo zabaqalayo zeentsana,
abakhasayo, ababhadazayo
nezabantwana abancinane**

2.
**Abantwana bahlela,
bathelekise, baze
basombulule iingxaki**

Umbozo 10 Ukusebena neentsapho nabantwana bazo abacinane ukukhuthaza izibalo

lingongoma Zokcingisisa (lingongoma emakusoloko kucingwa ngazo)

- Ngamathuba anjani anikwa yimekobume yangaphakathi neyangaphandle kumagumbi okufundela ukuze abantwana baphicothe, bafunde baze baziqhelisele ukufunda ngezibalo okusaqalayo?
- Ingaba imisetyenzana yabantwana (imizobo, ukudlala, ukulinga izinto) ibonisa njani ubuchule bokusombulula iingxaki, ukicinga ngokufanelekileyo nasekwenzeni izigqibo?
- Ingaba akhona amava akhoyo ukuze abantwana bafunde bephicotha iingxaki zobomi obububo, ukwenza iipateni, ukubala, ukutshatisa nokulinganisa?
- Abantu abadala babaxhasa njani abantwana abasebenzisa enye indlela yokuqhagamshelana engaphandle kolwimi oluthethwayo ukuchaza iingcamango zabo zezibalo?
- Ingaba anjani amava ezibalo zabaqalayo xa ehlanganiswe namanye amathuba okufunda?

linjongo, izalathiso zokukhula nemizekelo yemisebenzi yokukhuthaza izibalo

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
1. Abantwana babonisa ulwazi lokusebenzisa amanani nokubala	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> Zibonisa ukuphulaphula nokusebenzisana nabantu kwakunye nezinto ezizingqongileyo. ziqaphela utshintsho kwizandi, oko zikubonayo nezinto eziphambi kwazo ziyakhula kulwazi lokubiza ngamagama izinto, zize zibale amanani ngamagama ngokwamava azo zonwabela iingoma nezicengcelezo ezimalunga nokubala 	ISiqalo <ul style="list-style-type: none"> Biza amagama ezinto kunye nabantu abaqondwa ziintsana. Thetha ngeendawo ezikuyo iintsana, umzekelo, emva kweyadi, indawo apho batyela khona. Cula izicengcelezo zamanani ngexesha lokunxiba nokutshintsha isishuba, umzekelo, inye, zimbini, <i>Ndiyakubona</i> Khuthaza iintsana zikulinganise, umzekelo umntu omdala ukhomba impumlo yakhe, usana luyakubona oku luze lwenze kwa into efanayo Khuthaza ukuthatha inxaxheba kweentsana kwimisetyenzana ngokuqhawaba izandla nokungqisha ngesithende okanye umphambili wonyawo. 	Qwalasela uze uncokole nabazali beentsana, ababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> ukusabela ebantwini, kwiindawo nakwizinto ezibangqongileyo ukusebenzisa izivamvo zabo ukuqonda oko kwenzekayo kokubangqongileyo ukuba nenxaxheba, ukunikela ingqalelo, ukusombulula iingxaki nokufumana izisombululo ukubonisa ukuthanda iingoma ezithile nezicengcelezo ezinxulumene namanani ukukhomba izinto eziqhelekleyleyo ukubonisa ukwazi izinto ezininzi ukuthetha ngamanani, amagama amanani nokusebenzisa ulwimi lwamanani ukunxulamanisa amanani kwiincwadi

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo baqhubeaka</p> <ul style="list-style-type: none"> • bezama ukubiza amanye amagama okubala •bekhulelwu lulwazi olwandeleyo lokwahlulahlula izinto • besebenzisa ulwimi lwamanani njengo nye, mbini, namanye • belinga ngemiqondiso neempawu. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Qhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • nokuphinda amagama okubala asetyenziswa ngabantwana uze ubabonise indlela ukubala okusinceda ngayo sifumanise ukuba "zingaphi" • thetha ngezinto ezibekwe ngokwamaqela umzekelo, iithoyi, iimpahla, izihlangu • cela abantwana bakuchazele ngamaphawu kunye neesimboli abaziyilayo (ephepheni, kwisanti) • sebenzisa ulwimi lwezibalo njengoko uqhagamshelana nabakhasayo nababhadazayo umzekelo, <i>Ndingathanda ukukunika enye ithoyi. Ngoko uza kuba nezimbini</i> 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • zokubonisa intshukumo yobuqhitala – ukungakwazi ukunxibeelanisa izinto, ukuwa qho nokungqubeka kwizinto • ukuhamba kade kokukhula kwesigama, neengxaki zokubiza amagama • ubonisa ukuthandabuza ekuthatheni inxaxheba • ukungabonisi mdla ekuphulaphulen • ukufumanisa kunzima ukuhlala azinze aze anike ingqalelo • ubonisa iimpawu zokulibala kwiziqhelo nokungakhumbuli imisetyenzana • ubonisa ubunzima ekufundeni amanani nokubala.
	<p>Ukuqhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abakhasayo nababhadazayo</p> <ul style="list-style-type: none"> • balinga ukufunda ngokubala • benza uthelekelelo 	<p>Ukuqhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ncedisa abantwana abancinane benze iincwadi ezingamanani nokubala • Abantu abadala nabantwana abancinane bangacula iingoma nezicengcelezo ezingamani nokubala • Dlala imidlalo yokuthelekelela nabantwana abancinane benikana amathuba okubuza "zingaphi?" 	

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	Ukuya kwiBanga lika R <p>Abantwana baqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • bebala izinto eziphathekayo • besebenzisa iminwe, bephawula kumaphepha nakwimifanekiso ukuze babonise inani • besenza uqikelelo ezelila • befumana imfano neyantlukwano • beqonda amanye amanani nolwimi lwamanani • becula iizicengcelezo zamanani kunye neengoma 	Ukuya kwiBanga lika R <ul style="list-style-type: none"> • Khuthaza abantwana ukuba basebenzise ulwimi lwamanani umzekelo, nye, mbini, njalo njalo. • Vumela abantwana bancamathisele iilebhuli zamanani kwizinto umzekelo; bangabeka inani u 'nye' kwinto eyeyabo. • Dlalani imidlalo yokubala uze uvumele abantwana "babale" kwiimeko ezahlukahlukeneyo. • Bonisa umzekelo uze ukhuthaze abantwana babuze imibuzo apho kusetyenziswa ulwimi lwezibalo khona, umzekelo, <i>ucinga ukuba zingaphi iilekese ezikule bhotile?</i> • Yila imisetyenzana apho abantwana kufuneka bafumane izinto ezhambelanayo. • Yila imisetyenzana apho abantwana kufuneka bafumane izinto ezahlukileyo kwezo bazinikiweyo. 	
2. Abantwana bahlela , bathelekise baze basombulule iingxaki	ISiqalo <p>lintsana</p> <ul style="list-style-type: none"> • zenza imizamo yokusinga ngokucacileyo • zifuna ukufunda ngokuzingqongileyo zize zifumanise izinto ezingumceli-mngeni kuzo 	ISiqalo <ul style="list-style-type: none"> • Soloko uthetha neentsana malunga noko ukwenzayo kwakunye nezinto ezenzekayo. • Dlala imidlalo umzekelo, <i>ngoku uyandibona, ngoku awundiboni.</i> • Thetha neentsana malunga nezinto ezingumceli-mngeni kuzo umzekelo, indlela yokufikelela kwithoyi engekho kufutshane nabo 	Qwalasela uze uncokole nabazali beentsana, ababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> • ukubonisa umdla kwimisetyenzana eyenzelwe bona • ukufuna ukwazi xa kukho into eyenzekayo kokubangqongileyo • ukubonisa isimbo sokuziphathe esiqhubelekayo ekuzameni ukwenza izinto nokufumana izisombululo • ukuzibandakanya ngamandla kwimisetyenzana ngokuthetha ngoko bakwenzayo, ngokubuza imibuzo nokufikelela esiphelweni • ukusebenzisa izinto ezibangqongileyo ukuze baqonde • ukuhlela nokusebenzisa ulwimi olufanelekileyo lwezibalo ukubonisa ukuqonda kwabo • thabatha inxaxheba kwimidlalo, ukudlala indima, ukulinganisa apho ulwimi lwezibalo lusetyenziswa khona.

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>UkuQhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo baqhubeleka nokuphicotha imekobume</p> <ul style="list-style-type: none"> • Baqala ukubiza izinto • Bahlela baze batshatise izinto ezifanayo • Banakana izinto ezifanayo kwizinto ezikwiimekobume ezibangqongileyo 	<p>UkuQhubeleka</p> <p>Qhubeleka uthethe</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kwabakhasayo nababhadazayo xa usenza iintshukumo ezithile njengokusela amanzi ngekomityi • Biza amagama eendidi zeempahla xa unxiba • Dlala imidlalo yokuhlela nokutshatisa. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukungakhuli kakuhle ngokolvimi • Ukungawkazi kakuhle ukudlulisela inkcazel • Ukuba nobunzima ukuqonda amagama okanye izivakalisi ezelila (ukuhamba kade ukufunda ulwimi) • ukufumana ubunzima ukulandela umyalelo • ukuphazamiseka ngokulula kakhulu okanye ukuzibandakanya ngokugqithiseleyo kumsetyenzana othile nokungakwazi ukumelana notshintsho • ukwenza izinto bengacwangcisanga okanye bengacinganga ngeziphumo zezenzo zabo • ukuchonga imfano neyantlukwano kuyingxaki • baphithanisa izinto, oonobumba, amanani • banobunzima ekuchongeni izandi ezahlukaneyo • Banengxaki yokungakhumbuli izinto
	<p>Qhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • bazama ukusombulula iingxaki zamanani • bohlula izinto ngeendlela ezahlukaneyo • babala izinto ngokwamaqela 	<p>Qhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> • Khuthaza unxibelelwano ngexesha lokusebenza enjengokubalisa amabali nezicengcelezo. Buza imibuzo ukuze kusonjululwe iingxaki zamanani, umzekelo, uSindiwe ebenesihlangu esi- 1 kuphela. Yintoni afanele ukuba ayenze? • Cela abantwana bathethe ngendlela abayisombulule ngayo ingxaki, umzekelo, <i>Ndingathanda ukwazi ukuba unyuqe njani kwileli yomtyibilizi. Ngaba uyafuna ukundifundisa ukuba kwensiwa njani oku?</i> • Sebenzisa imifanekiso nezinto ngeli xesha amabali nezicengcelezo zisenziwa. • Khuthaza abantwana bahlele izinto ngokokuthanda kwabo (abazithandayo nabangazithandiyo), ubungakanani, imilo nombala. Bacele bazibalele ngokwabo. Babonise iindlela zokubala ukubancedisa. • Sebenzisa ukulinganisa namabali ukubonisa ulwimi olunjengokuthi: zimbalwa, zincinci, zingaphezu kwe, zifana ne-. • Yiba nesigama esimalunga nama- 2000. • Bonisa izakhono ezininzi ezhichongiweyo apha ngezantsi. 	

linjongo	<p>IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Abantwana baqhubeka</p> <ul style="list-style-type: none"> • nokuhlela nokwenza uthelekiso • besebenzisa ulwimi lwezibalo oluxulumene nokuhlela nokwahlulahlula • besombulula iingxaki ezilula ezinxulumene nezinto ezenziwa ngoku 	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Sebenzisa ulwimi lwezibalo ngokubonisa nangamabali amanani, umzekelo, <i>Bendineelekese ezintathu. URani wathatha yanye ndaze ndanika uMpho yanye. Ngoku ndine</i> _____. • Yila imisetyenzana apho abantwana bohlula izinto zibe ngamaqela angalinganiyo nalinganayo. • Sebenzisa amabali ukunceda abantwana bahlele baze bohlulahlule. • Bonisa umdia omkhulu kwindlela abantwana abazisombulula ngayo iingxaki nempendulo abaza nazo. 	
<p>3. Abantwana baphicotha iimilo, iindawo noltinganiso</p>	<p>ISiqalo</p> <p>lintsana</p> <ul style="list-style-type: none"> • zibonisa ulwazi lweemilo, isimo nemvakalo ngesandla kwimekobume ebangqongileyo • zifumanisa iimpawu zezinto ezinjengeethoyi ngokuziphicotha • zenza iinzamo zokuzalisa izikhongozeli • 	<p>ISiqalo</p> <ul style="list-style-type: none"> • Thetha neentsana ngezinto ezibangqongileyo unike ingqalelo ekhethekileyo kwimilo, isimo nemvakalelo ngesandla • Bonisa abantwana ukuba izinto zisebenza njani yaye izinto zitshintsha njani, umzekelo, iqanda elikrwada nelihotsiweyo. • Bonelela ngezikhongozeli ezingenanto nezinto ekunokuba lula ukuzifaka kwizikhongozeli. 	<p>Qwalasela uze uncokole nabazali beentsana, ezikhasayo, nababhadazayo nabantwana abancinane abanakho ukukwazi</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukufunda kwizinto ezibangqongileyo nokulinga izinto ngemisetyenzana enxulumene nemilo, indawo, nomlinganiselo • ukusebenzisa izijekulo, amagama, amabinzana nezivakalisi ukuchaza izinto, imisetyenzana nabantu • ukusebenzisa izixhobo ukuthetha ukuze kuqondakale iingqiqo • ukunika ingqalelo kwinto abayenzayo neyensiwa ngabanye • ukwabelana ngamava nabanye

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo</p> <ul style="list-style-type: none"> • babonisa ulwazi olungakumbi ngeeumilo neepateni • bahlulahlula izinto ngokwendawo zazo umzekelo, ngokbungakanani okanye ngokwemilo • badlala ngeemilo baze bazicwangcise ngokulula 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Thetha nabantwana malunga neepateni abazibonayo ezibangqongileyo, umzekelo, iipateni ezisezimpahleni, kwindalo, kwizakhiwo. • Benze abantwana bagqale umahluko kwiimilo umzekelo, umqamelo. • Vumela abantwana bahlele izinto ezimbalwa ezinomahluko kubungakanani neemilo. • Balisa amabali okukhuthaza abantwana ukuze basebenzise iimilo ukwenze olwabo uyilo. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukuthetha kulibazisekile • ufumana kunzima ukudululisa ulwazi olubonakalayo noluvwayo • ufumana ubunzima ukuzilungelelanisa kwindawo ethile • ukungalungelelani-uphazamiseka ngokulula yaye ukufumanisa kunzima ukunxulumanisa izenzo ngolandelelwano • akaqhelekanga, uyabhatyaza yaye unobunzima bokunxibeelanisa iintshukumo umz. ukutsiba, ukuxhumaxhuma, ukuganga ibhola • ukungakwazi kakuhle ukubamba iingqiqo • Ukulibala • ukufumanisa kunzima ukwabelana ngeengcamango nokusebenza nabanye

Injongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka Phambili</p> <p>Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> babonisa umdla kwiimo ngokuzisebenzisa, ngokuthetha ngako nangokuphawula imfano neyantlukwano balinga ukusebenza kwiindawo ngeendawo bayakwazi ukufumana izinto xa kukho umkhombandlela uluuu basebenzisa izinto eziqhelekileyo ukuyila iipateni banokubeka izinto ezimbini ngokobude (ende nemfutshane), ngokuphakama (ende nemfutshane) okanye ngokomthamo (akukho nto nokuzeleyo) basebenzisa ulwimi lwemihla ngemihla olunxulumene nexesha, umzekelo, kusasa, ebusuku baqalisla ukusebenzisa amagama ezibalo kwiimilo ze-3D eziqinileyo nokweimilo ze-2D ezithe tyaba 	<p>Ukuqhubeleka Phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> Khuthaza abantwana bathethe ngomdla wabo kwiimilo. Nika inkcazelo yokuba kutheni izinto zifana okanye zahlukile. Bonelela ngamathuba okulinga ngeendawo ezahlukeneyo, umzekelo, phezulu, phantsi. Dlalani imidlalo enje ngale "amaqashiso". Bonelela abantwana ngezalathiso zomlomo uze ubancede ukufumana izinto ezifihliweyo. Dlalani imidlalo enjengethi "Iphi?". Yila amathuba okudlala ngesanti, amanzi nomdlalo wokulinganisa. Funda yaye(okanye yenza iincwadi ezimalunga neemilo, nemilinganiselo. Khuthaza abantwana ukuba baholle imilo ethile baze bathethe ngayo, umzekelo, unxantathu. 	
	<p>Ukuya kwiBangla lika R</p> <p>Abantwana baqhubeka</p> <ul style="list-style-type: none"> nokuchonga iipateni ezilula neemilo ko kubangqongileyo bayila iipateni neemilo ezahlukeneyo bachaza indawo umzekelo, ngaphambili, ngasemva basebenzisa ulwimi lwezibalo kwiimilo, nomlinganiselo (umzekelo, ubude, umthamo, umphakamo, ixesha) 	<p>Ukuya kwiBangla lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> Khuthaza abantwana bathethe ngezinto abazibonileyo. Cela abantwana ukuba bathetha ngobugcisa babo Yakha indawo ukuze uxhome oko abantwana bakuyilieyo Sebenzisa iisimboli ezilungelene nabantwana ukuze ziborise izinto zomntwana ngamnye umzekelo, umntwana unomfanekiso wenyanga kuzo zonke izinto zakhe. Dlala imidlalo apho abantwana bafanele bacinge ngeendawo abaza kwenza kuzo izinto. Yenza uze ufunde iincwadi ezimalunga neemilo kunye neepateni. Bonelela ngamathuba apho abantwana benokulinganisa ixesha (ngobalo-xesha lwesanti olwenzive ngomtu omdala) baze bafumanise eyona nto inzima okanye elula. Vumela abantwana badlale ngesanti namanzi ukuze bafumanise ubuninzi kunye nomthamo. 	

UMMANDLA WOKUFUNDISA NOKUKHULISA ABANTWANA ABANCINANE WESIHLANU: UKUYILA

Iizwi lomntwana



Ndifuna ukuba namava emekobume apha ndinokubona imiceli-mngeni neengxaki, ndizame izisombululo ngokukhuselekileyo nangokukhululekileyo, ndilinge ukwenza izinto ndidlala, kumdlalo wokwenza ngathi, ukuzoba, ukupeyinta, ukusika nokuncamathelisa, ukulinganisa nomculo, kwisingqi, kumdaniso nakwidrama.

Lumalunga ntoni uYilo?

Uyilo luthetha ukuba abantwana bavelisa iingcinga nezisombululo ezintsha nezisebenzisekayo kwiingxaki nakwimiceli-mngeni. Ukyila kukuqamba nokwenza izisombululo ngokubuza imibuzo enjengethi: *Ingaba kwenze ka ntoni apha? Kutheni kusenzeka nje? Kusichaphazela njani? Yintoni esinokuyenza ngayo? Kungenzeka ntoni ukuba ndi?*

Abantwana abancinane banesakhono sokuyila kwiinkalo zonke zobomi babo, kuquka ukukhulisa kolwimi, ukuphicotha izibalo, ukukhuthaza impilontle yabo, ukukhulisa ubuwena obomeleleyo nengqondo yokuzazi imvelaphi, nokuzama nokujongana nemibuzo emalunga nehlabathi.

Eyona njongo yokuYila kukukhuthaza abantwana ukuba babe ngabantu abanoyilo, nabanemifanekiso ngqondweni, nabaxabise ubugcisa nokubaluleka bokusinga nzulu nezakhono zokusombulula ingxaki.

Abantwana abancinane banesakhono sokuyila ngendalo yaye iindlela zabo zendalo zokufunda nokusombulula iingxaki zenzenka ngokudlala, ukuphanda nokufumanisa kunye nokubuza imibuzo.

Bakwenza ikakhulu oku ngokudlala imidlalo yokwenza ngathi, kwimizobo ebonakalayo, (imizobo, imifanekiso ngepeyinti, ukulinganisa, ukwenza imifanekiso) nangomculo (ukucula, ukwenza umculo ngezixhobo zomculo nokwenza izicengcelezo) nangomdaniso nentshukumo.

Ubugcisa bokubonwayo bukhulisa ubuchule bokushukuma nokunxibeelanisa izakhono zezihlunu ezincinci nezinkulu ngokulawula izinto nokwazi iindlela zokuzoba eziziindidi ezahlukeneyo.

- Injongo yomsebenzi ongamacala amaBini (2D) kukukhulisa amava omntwana obomi bokwenene ngezinto ezbironakalayo nangokusebenzisa inkuthazo yezivo, ingxoxo nokubuza imibuzo, nangokukhuthaza amava okuzoba nendlela abaziva ngayo abantwana ehlabathini. Akukho ndlela 'echanekileyo' yokuzoba, yaye abantwana kufanele

bakhuthazwe ukuba bazivakalise ngokukhululekileyo, ngaphandle kokoyika ukugxekwa.

- Umsetyenzana ongamacala amaThathu (3D) ukhulisa ingqiyo yemilo kwindawo ngokudlala ngesanti nodaka, ukudibanisa nokubumba amaqhekeza omdongwe, ukuncamathelisa iphepha kwelinje iphepha, ukusika iimilo, ukusonga, ukuqhina nokusongela.

Ubugcisa bokwenza buvumela abantwana abancinane ithuba lukuqhagamshelana ngokuyila, ukwenza idrama, ukucula, ukwenza umculo, ukudanisa nokufunda intshukumo.

- Ngobugcisa bokwenza, imiboniso, iintsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane bakhulisa izakhono zabo zomzimba nokuyila.
- Ubugcisa bokwenza bukhulisa inkumbulo, bukhuthaza unxulumano nokwakha ukuzithembra nokuzeyisa.
- Ukusebenzisa into endaweni yenze nokutolika, kuvumela abantwana bayile umculo, intshukumo nedrama ngabanye nangokudibenyo.

Isakhono sokuyila sinxulumene ngamandla neengcingane ngezibalo nangezenzulwazi (ukufuna ukwazi, ukufunda nokuphicotha, ukuchonga ingxaki nokuyisombulula).

Abantu abadala kufanele banike ingqalelo ekunqweneleni kwabantwana ukuyila

Amalungelo abantwana asisiseko sako konke ukuyila. Abantwana banelungelo lokufunda baphicothe, lokufuna ukwazi nokuphanda ngeendlela zokugcina nokubonisa amava abo neendlela abaziva ngayo.

Abantwana abaphila nokhubazeko kunye neemfuno ezikhethekileyo, banelungelo lokufumana ingqalelo yaye bameli baxhaswe ukubanceda baphuhle baze bakwazi ukufunda kangangoko banako.

Bakhuthaze abantwana abancinane ukuba basebenzise imifanekiso ngqondweni, ukuze bakwazi ukuhlasela iingxaki ngomdla nangokuzithembu, ukulawula nokusebenza ngezinto ezahlukahlukeneyo, ukushukuma nokudanisa umculo.

Abantwana abancinane kumele bafunde baze bakhulise iingcamango zabo ngokusekelwe kumava abo, besebenzisa izivo zabo, iimvakalelo nokubukela.

Inkqubo yokuyila ibaluleke ngakumbi kuneemveliso.

Ingqalelo yemisetyenzana imele ibe kukukhulisa izakhono ngeenkqubo ezonwabisayo, nokulinga ngokwenza, kunokusebenzela ukuphuma nemveliso ephum'izandla.

1. Bachonga, bafune, baze bayile izisombululo kwimiceli-mngeni ngokusombulula iingxaki	2. Bachonga, bafune, baze bayile izisombululo kwimiceli-mngeni ngokudlala nokwenza ngathi
3. Bachonga, bafune, baze bayile izisombululo kwimiceli-mngeni ngemisetyenzana yobugcisa obubonwayo	4. Bachonga, bafune, baze bayile izisombululo kwimiceli-mngeni ngomculo, ukudanisa nedrama

Umzobo 11 Ukusebenza neentsapho nabantwana bazo abancinane ukukhulisa isakhono sokuYila

lingongoma zokuCingisia

- Ngamathuba anjani anikwa yimekobume yangaphakathi neyangaphandle kumagumbi okufundela ukuze abantwana babe nobuchule bokuyila?
- Ingaba imisetyenzana yabantwana (imizobo, ukudlala, ukulinga izinto) ibonisa njani ubuchule bokusombulula iingxaki, besebenzisa ukudlala, ubugcisa obubonwayo nobokwenza?
- Ingaba akhona amava akhoyo ukuze abantwana bafunde bephicotha iingxaki zobomi obububo, ukuze babe nobuchule bokuyila?
- Abantu abadala babaxhasa njani abantwana abasebenzisa enye indlela yokuqhagamshelana engaphandle kolwimi oluthethwayo, ubugcisa obubonwayo nobokwenza ukuchaza izakhono zabo zokuyila?
- Ingaba anjani amava okuqala ukuyila xa ehlanganiswe namanye amathuba okufunda?



Injongo nesikhokelo sokukhula, imizekelo yemisetyenzana enokwenziwa ukukhuthaza ubuchule bokuyila

Injongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
1. Abantwana bachonga, bafune baze bayile isisombululo kwimiceli-mngeni ngokusombulula iingxaki	<p>ISiqalo</p> <p>lintsana</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukususela ekuzalweni zisombulula iingxaki zokulamba nokungavi kamnandi ngokukhalela uncedo. • zizlungiselela ukusombulula iingxaki zokuhlala, ukukhasa, ukuma, ukuhamba nokubaleka ngokulinga nokuzifaka emngciphekweni (ukufumana ubuchule beendlela zokushukuma). • zilinga ngezinto zonke ezdibana nazo ngokusebenzia izivo zazzo ukuze zenze intsingiseloe ngento nganye. • zibuza imibuzo enjengale: <i>Kutheni? Yintoni?</i> 	<p>ISiqalo</p> <ul style="list-style-type: none"> • Xeleta usana ingxaki yalo uze wandule ukuluxelele ukuba uzokwenza ntoni ngayo. • Buza usana ukuba luyalufuna na uncedo kunokuba uluniike uncedo ungathethanga. Yithi <i>Ndingakuncedisa uhambe?</i> • Bonelela usana ngezinto ezininzi ezahlukahlukeneyo ukuze lulinge ukwenza izinto ngazo. Luza kufaka yonke into emlonyeni walo, ngoko ke qinisekisa ukuba yonke into ekufutshane nalo icocekile yaye ikhuselkile. 	<p>Owalasela uze uncokole nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> • amazinga okufuna ukwazi. • amazinga amandla asetyenziswayo okufunda nokuphanda ngehlabathi. • amazinga okunika ingqalelo yokufumana iingxaki nokusebenzela ekuzisombululeni. • umdla ekubuzeni imibuzo ephangaleleyo: <i>Kutheni? Njanji? Yintoni?</i>
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo baqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • nokulinga ngezisombululo kwimiceli-mngeni yentshukumo. • ukulinga ngolwalamano ngezinto. • maxa wambi baba nodano yaye basenokukhala okanye bacaphuke xa bengakwazi ukusombulula ingxaki. • babuza imibuzo. 	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Qhubeleka neengcebiso zecandelo elingentla, yaye</p> <ul style="list-style-type: none"> • bonelela abakhasayo nababhadazayo ngeendawo ukuze bashukume ngokugwencela, ukuhamba, ukukhasa nokuthubeleza. • bonelela abakhasayo nababhadazayo ngeephazile abanokuzenza, umzekelo, imingxuma eyimilo kwibhokisi eneemilo zokuzifaka kumngxuma ngamnye. • nceda abakhasayo nababhadazayo bajongane nodano ngokubabonisa imibuzo amabayibuze namanyathelo amabawathathe umzekelo, ukuthi <i>Ndicela undincede ngoku; Andikwazi kukwenza oku- ndimele ndenze ntoni?</i> • qhubeleka ubuza imibuzo eza kunceda abakhasayo nababhadazayo ukuba bacinge ngezisombululo. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • Umntwana akabonisi msla ungako wokufuna ukuphicotha nokwazi okanye wokunqwenela ukufunda nokuphanda.

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane Ukuqhubeleka phambili Abantwana abancinane <ul style="list-style-type: none"> • basoloko bebuza rhoqo umbuza othi <i>Kutheni?</i> • baqhubeleka belinga ngentshukumo nangolwalamano ngezinto. • bakwazi ngakumbi ukuzama izisombululo ezahlukahlukeneyo kwimiceli-mngeni kunokudana baze bakhale. 	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane Ukuqhubeleka phambili <ul style="list-style-type: none"> • Ngomonde phulaphula imibuzo uze uyiphendule ngokunyanisekileyo ade umntwana oneliseke. • Lungiselela imiceli-mngeni yokushukumisa umzimba kwindawo yokudlala. • Lungiselela imiceli-mngeni kumabali ngokuba abantwana <i>Ucinga ukuba yintoni eye yenzeka emva koko? Ukuba ubulapho, ubuzokwenza ntoni?</i> 	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingga xi kuyimfuneko.
	Ukuya kwiBanga lika R Abantwana baqhubeleka <ul style="list-style-type: none"> • nokuqonda iingxaki nemiceli-mngeni, bakukhombe oku, bathethe ngako baze bafumane indlela yokuzisombulula. • babuza imibuzo equka le: <i>Yintoni? Kutheni? Nini? Njani? Ngubani? Kunokwenzekani xa?</i> • bonwabela imidlalo yokusombulula ingxaki enjengokufumana iindlela ezahlukahlukeneyo zokusuka kule ndawo uye kwenye, ukuzoba umthi, ukujonda ngehlabathi. • bonwabela oorayirayi, 'Qasha ukuba yintoni le?' nemidlalo enjengale ithi 'Ndibona.' 	Ukuya kwiBanga lika R Qhubeleka neengcebiso zamacandelo angaphambili, yaye <ul style="list-style-type: none"> • khuthaza abantwana ukuba bazibuze, babuze nabanye imibuzo ukuze bafumane izisombululo yaye bafumane ulwazi olutsha nezakhono ezitsha. • Buza imibuzo uze umeme izithethi eziziingcali zizokuyiphendula umzekelo, imibuzo emalunga nezilwanyana, iintaka, imisetyenzana yempangelo, amasiko endawo yasekuhlaleni. • lungiselela izithethi ukuphendula imibuzo yabantwana. • yenza iingoma nezicengcelezo ezamkelekileyo ezimalunga nokuba imibuzo. • bonisa indlela yokubuza imibuzo ngembeko. • dlala oorayirayi abaninzi, imidlalo yokuqasha, unika intluva umzekelo, <i>Ingakuva yaye ibomvu ize ibe noboya. Yintoni leyo?</i> 	

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
2. Abantwana bachonga, bafune, baze bayile izisombululo kwimiceli-mngeni ngokudlala nokwenza ngathi	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> zifunda ngokuzingqongileyo yaye zilungiselela iingxaki eziza kusombuleka ngokudlala. zidlala zodwa, zidlala ecaleni kwabanye abantwana, kunye nomntu omdala, zandule ukubukela abantwana abadatlana bedlala, zandule iintsana ezindatlana zidlale nabanye abantwana. ziqala ukubonisa iimeko ezinamava azo umzekelo, ukudlala 'Umama', 'Utata', 'Umzi', 'Oogqirha' 	ISiqalo Lungiselela imisetyenzana <ul style="list-style-type: none"> yokudlala nosana. ukuze iintsana zidlale ngezinto ezikhuselekileyo. ukuze iintsana zibukele abanye bedlala. yeentsana ezindatlana ukuze ziqafile ukusebenzisana. yenza imidlalo yokwenza ngathi umzekelo, banxiba iimpahla ezinjengeminqwazi, izikhafu, amaghina, amabhayi, izihlangu, iibhegi neepesi; izixhobo zasendlwini, umzekelo, iimbiza, amacephe, izixhobo zokusebenza, iifowuni; izixhobo zemixholo ekhethekileyo nezinye izinto, umzekelo, zekliniki, zesikolo. 	Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> ukonwabela ukudlala. ukonwabela imidlalo yokwenza ngathi bengabanye kunye nabanye njengoko behkula. ukusebenzisa izinto ezahlukahlukeneyo ukuyila imidlalo neengcinga. ukwenza ngathi kwiindima ezahlukahlukeneyo zokusombulula iingxaki zobuwena nezokuzazi imvelaphi (ekuhlaleni nangokweemvakalelo).
	Ukuqhubeleka Abakhasayo nababhadazayo baqhubeleka nokudlala nokwenza ngathi yaye <ul style="list-style-type: none"> badlala kunye ngakumbi, befumana izisombululo kulwabelwano nokusebenzisana. badlala imidlalo yokwenza ngathi eqatha ixesha elidana ngakumbi malunga nobomi basekhaya nangolwalamanu nabantu abadala. bayakuthanda ukuyila iingcinga nokwakha ngeebhokisi zekhadibodi, iintambo, izinti namatye. 	Ukuqhubeleka Qhubeleka nokunika imisetyenzana enjengaleyo ingasentla uze <ul style="list-style-type: none"> wandise indawo yokudlala ngezinto zokudlala ezingakumbi ukuze abantwana babuze baze baphendule imibuzo enjengale: <i>Ndimde kangakanani? Ndingazinxibisa njani ngale nto?</i> unike ixesha elininzi usuku ngalunye imidlalo yokwenza ngathi, balinganise. unike ixesha elininzi usuku ngalunye ekudlaleni ngokuhululekileyo apho okhasayo nobhadazayo edlala ngaphandle kokuxelelwa ngumntu omdala, ngaphandle kwezizathu zokhuseleko. ungiselele iibhokisi zekhadibodi uze ubone ukuba abakhasayo nababhadazayo benza ntoni ngazo. 	Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakabantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana <ul style="list-style-type: none"> Umntwana onengxaki kakuhle ukuthetha unengxaki yokuphimisela izandi, umzekelo, ukuteketa, ukuthintitha ezinye izandi. Umntwana onengxaki yolwimi unobunzima bokuqonda okanye ukubiza amagama okanye ukuveza izimvo noku, umzekelo <ul style="list-style-type: none"> kuqonda izinto ezithethwe ngabanye abantu iingxaki ezilandela izalathiso zomlomo iingxaki zokulungelelanisa iingcinga zabo.

linjongo	<p>IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane</p>	<p>Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwinggaali xa kuyimfuneko.</p>
	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane baqhubeleka ngokwenza njengangaphambili baze</p> <ul style="list-style-type: none"> badlale ngakumbi ngokwamaqela amancinci asebenzisanayo ukuze benze izakhiwo eziqatha nemidlalo ngezinto ezikhoyo. 	<p>UkuQhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> Qhubeleka ubonelela ngamathuba nangezinto zokudlala ngokukhulekileyo nezemidlalo yokwenza ngathi. Yenza ingxoxo ngokusebenzisana kunye nemithetho yokusebenzisana xa abantwana selebekulungele oku, nangexesha kukho 'ithuba lokufundisa' kuquka amanyathelo amele athathwe, nokuziphatha okumele kuboniswe. 	
	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Abantwana baqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> nokwenza izisombululo eziqatha kwiingxaki abazibonayo kwimekobume ebangqongileyo umzekelo, ukwakha indawo yokuhlala ngezinto ezikhoyo, ukwakha idama nebhulorho. ukudlala kwa lo mdlalo ufanayo uze wakhe iprojekthi efanayo iiintsuku ngeentsuku. ukusebenza kunye njengamalungu eqela aneenkokheli nabancedisi nokuba umntwana ngamnye abe neendima ezahlukahlukeneyo. 	<p>Ukuya kwiBanga lika R</p> <p>Qhubeleka nokunika le misebenzi minye efana neyangaphambili uze</p> <ul style="list-style-type: none"> ulungiselele indawo yemidlalo nolwakhilo oluthatha iiintsuku eziliqela ukuze lugqitywe. 	
<p>3. Abantwana bachonge baze bayile izisombululo kwimiceli-mngeni ngemisetyenzana yobugcisa obubonwayo</p>	<p>ISiqalo</p> <p>lintsana</p> <ul style="list-style-type: none"> zenza iimpawu kwisanti nakudaka ngeminwe yazo. zirhoqoza emaphepheni ngeekhrayoni zamafutha ezityebileyo yaye ngokuthe chu ziwathiya amagama amarhoqololo. ziqalisa ukwenza amarhoqololo azizangqa namarhoqololo ayimigca zize ngokuthe chu ziqalise ukuwathiya amagama. zidlala ngomdongwe nodaka zize zizithiye amagama iimveliso zazo. zikwazi ukunika ingqwalasela ixeshana elifutshane kuphela. 	<p>ISiqalo</p> <p>Qhubeleka nokunika imisetyenzana ephawulwe ngasentla uze</p> <ul style="list-style-type: none"> ulungiselele abantwana isanti kwizikhongozeli ukuze bazobe kuyo besebenzisa iminwe nezinti (umzekelo, iitreyi zekhadibhodi). lungiselela iphepha neekhrayoni ezinkulu zamafutha zokuzoba. lungiselela umdongwe nentlama yokudlala ukuze iiintsana zilinge ukusebenza ngazo. 	<p>Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi</p> <ul style="list-style-type: none"> ukubonisa umdra ekusombululen iingxaki zemifanekiso ngokuzoba, ukupeyinta, ukusebenza ngomdongwe nodaka. ukusebenza izixhobo ngolawulo olongezelelekileyo. ukonwabela ukusebenza ngezinto zobugcisa obubonakalayo. ukuthiya base babalise amabali ngemifanekiso nezinto ezakhiweyo.

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	Ukuqhubeleka Abakhasayo nababhadazayo bayaqhubeleka ngokungasentla yaye <ul style="list-style-type: none"> • baqalisa ukuzoba izangqa, imiga nemizobo yobuso bomntu eqondakalayo • babumba umdongwe benze 'iinyoka' neebhola • baqalisa ukusika baze bancamathelise 	Ukuqhubeleka Qhubeleka nokunika imisetyenzana engasentla uze <ul style="list-style-type: none"> • uthethe ngeemilo zemizobo ezotywa ngumntwana okhasayo nobhadazayo oyenza nomntwana 'ngexesha lokufundisa' • bhala igama lomntwana okhasayo nobhadazayo kwikona engasentla ekhohlo kumsetyenzana wakhe 	Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakabantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana <ul style="list-style-type: none"> • umntwana akanambla kwimisetyenzana yemizobo ebonakalayo • umntwana akakwazi kusebenzisa izixhobo zemizobo ebonakalayo ekwibakala lokukhula elilungele ukuba abe uyakwazi ukuzisebenzisa ezi zixhobo
	UkuQhubela phambili Abantwana abancinci baqhubeleka ngale ndlela ingasentla baze <ul style="list-style-type: none"> • baqalise ukuzoba abantu (kudla ngokuba yimizobo yezinto) • basika iimilo ezilula • bakha izinto besebenzisa iibhokisi nezinye izinto ezenziwe ngephepha • bapeyinta iimilo besebenzisa imibala eyahlukaneyo 	UkuQhubeleka phambili Qhubeleka ngokunika imisetyenzana engasentla uze <ul style="list-style-type: none"> • walathe uze uxoxe ('ngexesha lokufundisa') ngeemilo zamalungu ahlukaneyo omzimba umzekelo, umntwana uzoba amashiya neendlebe • ubonise isakhono sokugcina imibala yepeyinti yohlukene neebhrashi zicocekile • babonise indlela yokusebenzisa isikere ngokukhuslekileyo 	
	Ukuya kwiBangla lika R Abantwana <ul style="list-style-type: none"> • baqalisa ukuzoba imizobo engqukuva yabantu, izilwanyana nezityalo • basoloko bezoba umgca osemgangathweni nomgca wesibhakabhaka • babonisa imizobo baze babumbe iimilo ngomdongwe • babalisa amabali ngomsebenzi wabo. 	Ukuya kwiBangla lika R Qhubeleka njengangaphambili uze <ul style="list-style-type: none"> • khuthaze izakhono zokuqwelasela ukuze abantwana bazenzele umfanekiso-ngqondweni besebenzise ulwazi lwabo ngehlabathi ukuze bayile izinto zobuchule ezibonakalayo • babbale amabali ngomsebenzi wabo xa abantwana becela ukuba oku kwensiwe. 	

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlol, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwinggaali xa kuyimfuneko.
4. Abantwana bachonga, bafune, base bayile izisombululo kumceli-mngeni ngomculo, ukudanisa, nedrama	ISiqalo lintsana ziyazithanda <ul style="list-style-type: none"> • icengcelezo, neengoma ezilula • umculo onesingqi nokuthetha • intshukumo enesingqi nokuxhuma okuzolileyo okunesingqi • into yokudlala eshukunyiswayo yenze ingxolo nokubetha amagubu • ukudanisa nomntu omdala ezibamble • ukusebenzisa izikhafu namaribhoni ukudanisa. 	ISiqalo <ul style="list-style-type: none"> • Nika imisetyenzana yomculo nokudanisa rhoq kangangoko kunokwenzenka ebuden bemini nanini na iintsana kufuneka zithuthzelwe okanye zikhuthazwe • Nika iintsana izinto ezahlukeneyo zokudlala ezishukunyiswayo zenze ingxolo ukuze zibancedise baphulaphule ingoma/ umculo nokusabela ngesingqi • Banike izikhafu neeribhoni zokudanisa nokushukuma. 	Qwalasela uze uncokole nabazali beentsana, ababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> • yiba nomdla kumculo, kwisingqi somdaniso nemisetyenzana yedrama • Sebenzisa izixhobo nezinto zokwenza ngendlela enolawulo olongezelelekileyo ukwenza umculo nesingqi • kunandiphe ukusebenza ngomculo, ukudanisa nezinto zokwenza idrama • yenza ngathi, ulinganise ngamabali nomculo, idrama nomdaniso
	Ukuqhubeleka phambili Abakhasayo nababhadazayo basaqhubeleka besenza ngendlela ababesenza ngayo xa babeziintsana, yaye bayakuthanda <ul style="list-style-type: none"> • ukudanisela umculo okwirediyo nokuqhwaba • ukudlala izixhobo ezifana namagubu, izinto ezishukunyiswayo zenze ingxolo, noonxantathu • ukuphulaphula izandi nezingqi umzekelo, eziphezulu, eizesanzisi, ezikhawulezayo, ezicothayo, izingqi ezithathu nezine • Ukudibanisa umdaniso nokudlala izixhobo 	Ukuqhubeleka phambili Qhubeleka nemisetyenzana yangaphambili uze <ul style="list-style-type: none"> • uncede abakhasayo nababhadazayo ukuba bacule baze badanise baze bashukume kune nomculo • nika abakhasayo nababhadazayo izixhobo zomculo ezihamba nokucula nezicengcelezo 	Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana <ul style="list-style-type: none"> • umntwana akakwazi kushukuma lula (bona iintshukumo zomzimba phantsi kwempilontle) • umntwana akakwazi kuva lula (bona impilontle yomzimba)
	UkuQhubeleka phambili Abantwana abancinci baqhubeleka ngale ndlela ingasentla baze <ul style="list-style-type: none"> • baqwebe iingoma nezicengcelezo kune nomntu omdala • bacule, badanise baze baqhwabe ngaxeshanye • badlale amabali alula ngoncedo lomntu omdala 	UkuQhubeleka phambili Qhubeleka njengasentla uze <ul style="list-style-type: none"> • ubalise amabali alula nize niwadlale nonke nabantwana • usebenzise izandi ukuphucula ukudlalwa kwebali umzekelo, ukubetha ezishukunyiswayo zenze ingxolo zifakte amaggabi awe emithini • khuthaza abantwana ukuba bazenzele iintshukumo nokudanisa okuhamba neentshukumo ezikumabali nezicengcelezo • cela abantwana ukuba bacebise negezandi nezingqi nemidaniso neentshukumo zeziwanyana ezahlukeneyo, abantu, imifuno nezinto. 	

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlol, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwinggaali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuya kwiBangga lika R Abantwana baqhubeleka ngale ndlela ingasentla baze</p> <ul style="list-style-type: none"> • badlale ngokucofa ibhendi (amagubu, izinto ezishukunyiswayo zenze ingxolo, oonxantathu) behambisana nomculo osuka kwirediyo okanye bacule • yenza iingoma nezicengcelezo neemelodi • yakha amabali aza kudlalwa • yakha amanyathelo neentshukumo ukulinganisa izilwanyana, izityalo nezinto kumabali. 	<p>Ukuya kwiBangga lika R Qhubeleka neentshukumo zangaphambili uze</p> <ul style="list-style-type: none"> • wakhe iqela lomculo nabantwana abahlukeneyo usebenzia izixhobo ezahlukeneyo • cebisa isihloko sebalu uze uncede abantwana bakhe ibali/ingoma/iscengcelezo baze bazilinganise 	

UMMANDLA WOKUFUNDISA NOKUKHULISA ABANTWANA ABANCINANE WESITHANDATHU: ULWAZI NOKUQONDA NGEHLABATHI

Ilizwi lomntwana



Ndifuna ukuligonda kakuhle ihlabathi lam ngokuba ndithathe inxaxheba kwizinto ezenzekayo kwihlabathi elindingqongileyo. Nceda uxhase ukufunda kwam ngokudala amathuba okuba ndifunde ngabantu, izinto, iindawo, izityalo nezidalwa ezsuka kwimekobume endingqongileyo.

Lumalunga nantoni ulwazi nokuqonda ngehlabathi ?

- Ihlabathi labantwana liquka izinto ezibangqongileyo (abantu, izilwanyana, imifuno nezimbiwa zalo lonke uhlolo); imbali yeentsapho zabo yaye kamva neyabamelwane babo; imekobume yemimandla ebangqongileyo (umzekelo, iinduli, imilambo, amathafa, amatye, imozulu) nezixhobo abazisebenzisayo njengeepensile, izikere, izixhobo zasekhitshini, izixhobo zendlu ukuya kwiikhamera, iifowuni zemobhayili, iikhompyutha (ezobugcisa)¹
- Abantwana xa besakhula bayathanda ukwazi ngehlabathi. Bafunda ngokubangqongileyo ngokuthi baphicothe okubajikelezileyo, bazi banzi ngabantu, izinto zokusasaza iindaba noko bakufundayo kwizivo zabo.
- Ukfunda kwabantwana kuyaphucuka xa befumana ulwazi olululo ngoko kubajikelezileyo nangabantu ababangqongileyo. Ukuqonda ngeendlela zokukhathalela abantu nezidalwa kwimekobume yabo kuyanda.
- Abantwana bakhulelwa kukuzithemba xa bekhuthazwa ukuba babonise ulwazi lwabo nezakhono ngeendlela eziyiyo.

Abantu abadala bafanele banike ingqalelo emntwaneni xa efunda ngolwazi nokuqonda ngehlabathi.

- Amalungelo abantwana akha isiseko sako konke ukuphicotha nokufunda ngehlabathi.
- Abantwana abaphila nokhubazeko kune nabo baneemfuno ezikhethekileyo banelungelo lokufumana ukukhathalela yaye bamele baxhaswe ukuze bakwazi ukukhula baze bafunde ngehlabathi kangangoko banako.
- Abantwana bafuna abantu abadala ukuze bandise amava abo ehlabathi.
- Bafuna amathuba rhoqo okufunda ngoko kubangqongileyo nendlela etshintsha ngayo imekobume. Abantu abadala kufuneka badale imisetyenzana eza kuvuselela umdla nokuba abantwana bafune ukufunda ngehlabathi nokubangqongileyo.



¹ ISebe leMfundu Nobugcisa, 2007. ISikhokelo Soqheliselo Seminyaka Yobuntwana yeBakala lisiSiseko. Ukuseta imilinganiselo yokufunda, ukukhula nokunyamekela abantwana ukususela ekuzalweni ukuya kwiminyaka emihlanu. limpapasho zeDfES

1.
**Abantwana baphicotha
 baze baphande
 ngehlabathi abakulo**

3.
**Abantwana baphicotha
 baze baphande ixesha nendawo**

**Ulwazi nokuqonda kweentsana,
 abakhasayo nababhadazayo,
 nabantwana abancinane ihlabathi**

2.
**Abantwana
 baphicotha uyilo,
 benze izinto, baze basebenzise**

Umzobo 12 Ukusebenza neentsapho nabantwana bazo abancinane ukukhuthaza iulwazi nokuqonda ngehlabathi

lingongoma Zokucingisia

- Iziko, intsapho nabahlali bawenza njani amathuba okukhulisa izakhono nobugcisa xa kusenziwa imisetyenzana?
- Zilungiselelwa njani iimfuno zabantwana kwizinto abazenza ngezandla, ukuphicotha, ukulinganisa, ukujonga, ukusombulula iingxaki, ukwenza izigqibo nemiboniso yokufunda.?
- Ngaba kukho amathuba awaneleyo okuba abantwana babelane ngolwazi nangokucingisia ngezi zinto?
- Abantu abadala bazixhasa njani iimfuno zabantwana zokusebenzisa ubugcisa obahlukaneyo njengeekhamera, iirediyo, izinto zokudlala zombane neekhompyutha?



linjongo nesikhokelo sokukhula, imizekelo yemisetyenzana enokwenziwa ukukhuthaza ulwazi nokuqonda ngehlabathi.

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
1. Abantwana baphicotha baze baphande ngehlabathi abakulo	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> zisebenzisa izivo zazo nobuchule obongezelelwego bokushukuma zihlolola okuzingqongileyo, zikhangela izinto, zizama ukubamba okanye ukubambelela negzinto 	ISiqalo <ul style="list-style-type: none"> Khuthaza abantwana babambe, beve baze baphande abantu nezinto, umzekelo, vumela iintsana zikuphathe ebusweni, zikhuhle ibhotile njalo- njalo. Vumela iintsana zenze ukhetho ngokuzinika izinto ezahlukeneyo ezikhuselekileyo ukuba ziziphicothe. 	Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhaso nababhedadzayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> ukuhlola okubangqongileyo usebenzisa izivo zabo nikela ingqalelo kwiindlela ezenziwe ngayo izinto nenkubo esetyenziswayo ukwenza izinto. Sebenzisa izixhobo zokufunda ukuze baqonde ngokubanzi ngehlabathi nokubangqongileyo fumana inkxaso xa kuyimfuneko ukwabelana baze balandele izinto abanomdla kuzo ukuba ngabaphicothi abasoloko befun'ukwazi yaye babuze nemibuzo ukuphawula nokuggabaza ngotshintsho.
	Ukuqhubeleka Abakhasayo nababhedadzayo <ul style="list-style-type: none"> Baqwalasela kuhlobo ezenziwe ngalo izinto okanye indlela yokwenza into ethile – bayakonwabela ukuphindaphinda basebenzisa abanye ukubanceda baqonde banzi negzinto 	Ukuqhubeleka <ul style="list-style-type: none"> Thetha nabantwana njengoko besenza imisetyenzana ngendlela yokuphindaphinda, umzekelo <i>Ndiyabona uyivila uyivala incwadi</i>. Banike izinto abaza kuziphicotha zize zivuselele ukucinga kwabo Buza imibuzo ukunceda abantwana baqonde oko bakwenzayo, umzekelo, <i>Wenze ntoni? Ufumene ntoni?</i> 	Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhedadzayo nakubantwana abancinane ezinganganobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana <ul style="list-style-type: none"> Ukungahleli kakuhle inkcazelok nokuqhamashelana ngeengcinga Ukungabikho kweenkozo zonxibevelwano Ukungabi namdla wokuthatha inxaxheba kwimisetyenzana
	UkuQhubeleka phambili Abantwana abancinane <ul style="list-style-type: none"> banomdla wokwazi iindlela ezenziwe ngayo izinto nezo ziphilayo. bathetha negzinto abazibonayo, indlela ezisebenza ngayo izinto nesizathu sokuba izinto zenzeke kwabanye babonisa ukuluphawula utshintsho babonisa umdla wokufuya izilwanyana. 	UkuQhubeleka phambili <ul style="list-style-type: none"> Qwalasela kwizinto nje nakwizinto eziphilayo ezinokuhlolwa. Qwalasela kwizinto ezitsala umdla wabantwana ubakhuthaze ukuba baphendule. Sebenzisa imibuzo nencoko. Vumela abantwana benze uphando olunzulu negzinto ezenza umdla kubo. Ncokola ngeendidi zezilwanyana ezifuywayo nokunyamekelwa kwazo. 	

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuya kwIBanga lika R</p> <p>Abantwana baqhubeleka ngoku</p> <ul style="list-style-type: none"> • phicotha, baphande baze bathethe ngezinto besebenzisa izivo zabo. • buza imibuzo ngokuba kutheni izinto zisenze ka ngohlobo ezenze ka ngalo yaye zisebenza kanjani. 	<p>Ukuya kwIBanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> • Yakha amathuba ukuze abantwana baphicothe. • Bakhuthaze abantwana uze uphendule kwizinto abalonisa umdla kuzo, wandise imibuzo yabo. • Bancede baphawule iinkukacha ukuze baqonde indlela ezenze ka nezisebenza ngayo izinto. • Banike imibuzo njengesixhobo sokuphicotha izinto abazisebenzisay besebenzisa izivo zabo. 	
2. Abantwana baphicotha uyilo, benze izinto, baze basebenzise iteknoloji	<p>ISiqalo</p> <p>lintsana</p> <ul style="list-style-type: none"> • zihlola izinto ezizisebenzisay zisebenzisa izivo zazo • zibonisa umdla kwizinto zokudlala kuquka nezinto ezisetyenziswa kwiteknoloji • zibonisa nomdla kwindlela izinto ezisebenza ngayo – ukuvula, ukuvala, ukucofa amaqhosha nokuphumelela ukwenza izinto zenze ingxolo okanye iintshukumo. 	<p>ISiqalo</p> <ul style="list-style-type: none"> • Thetha neentsana ngoko zikubonayo, ezikuvayo nezikubambayo. • Thetha ngeendlela ezenziwe ngazo izinto zokudlala umzekelo, oonodoli abakhalayo xa ubaphatha esiswini, iimoto ezhimbayo xa uzijja. • Nika ingcacio yoko kwenzekayo. 	<p>Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukusebenzisa izivo zabo ukuphicotha imekobume • ukubonisa umdla kwizixhobo • ukuthatha inxaxheba kwimisetyenzana evumela ukukhula komdla kukwazi ukuba izinto zisebenza njani • ukuphanda ngeentlobo-ntlobo zezinto • ukusebenzisa iintlobo-ntlobo zobugcisa ukuphicotha nokwenza izinto.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo</p> <ul style="list-style-type: none"> • banomdl ekutyhaleni nasekutsalen iintzo, yaye baqalisa ukwakha izinto • baphanda ukuba zisebenza njani izinto • babonakalisa umdla ekulayiteni nasekusebenziseni izinto ezisebenza ngombane 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> • Nika ingcacio yoko kwenziwa ngumntwana umzekelo; <i>Ndikubonile utsale ibhokisi yezinto zokudlala ngomqheba</i>. • Yilumkele imizamo yabantwana yokutsiba, ukupakisha izinto phezulu kwezinye. Bavumele bandise ulwazi lwabo nezakhono abanazo. • Thetha ngezinto zombane nendlela ezinokusetyenziswa ngayo ngokukhuselekileyo • Ukuba zikhona izinto zombane, vumela abantwana bazisebenzise ezo zinto begadiwe ngumntu omdala, umzekelo, iikhompyutha nezinye izixhobo zombane njenge-selula. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> • Uloyiko nenkalabo emandla ekuphicotheni • Ukuphazamisa nokungakwazi ukusebenzisana nabanye xa kusenziwa imisetyenzana • Ukuphazamiseka ngokulula • Ubunzima bokusebenzisa ulwazi nokulandela imiyalelo • Ukonakalisa izixhobo azinikiweyo

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	UkuQhubeleka phambili Abantwana abancinane <ul style="list-style-type: none"> badibania izinto zokwakha belungiselela ukukwazi ukuxhathisa. Balinga besebenzisa izixhobo neendlela ezahlukahlukeneyo bayakwazi ukusebenzisa izixhobo ekungekho nzima ukuzisebanzisa 	UkuQhubeleka phambili <ul style="list-style-type: none"> Yenza zibekhona iindidi zezinto zokwakha, umzekelo, iibhokisi, namaqkobhe. Khuthaza abantwana kwimizamo yabo yokwakha izinto ezicingwe ngabo. Yazisa abantwana ngezixhobo neendlela ezahlukahlukeneyo – krazula/sika uze uncamatelise Bakhuthaze ukuba basebenzise izixhobo ezinjengezinto zokudlala zombane, iikhompyutha. 	
	Ukuya kwiBanga lika R Abantwana baqhubeleka <ul style="list-style-type: none"> nokwakha baze bayile izinto besebenzisa izixhobo neendlela zokwakha nokusebenzisa izixhobo ekulula ukuzisebenzisa 	Ukuya kwiBanga lika R <ul style="list-style-type: none"> Yenza ukuba kubekho izixhobo ezinokusetyenziswa ngabantwana xa besakha, umzekelo, ibhokisi, iibhloko zeplanga Nceda abantwana baqonde ukabaluleka kwemisetyenzana yokwakha Yandisa isigama sabantwana Khuthaza abantwana ukuba bacingisise ngezinto abazakhileyo. Nika inkcazelu uze ubonise indlela yokusetyenziswa kwezixhobo. Bakhumbuze abantwana ngemithetho yokhuseleko. 	
3. Abantwana baphicotha baze baphande ixesha nendawo	ISiqalo lintsana <ul style="list-style-type: none"> ziyothuswa kukukhanya, izandi neentshukumo ziye ziqhelana nezinto ezenziwa ngamaxeshwa athile esiqhelo ezinjengokuvuka, ukutyiswa, ukutshintshwa isishuba neendawo ezenzelwa kuzo ziphicotha iindawo ezikuzo ngokwenza intshukumo. ziyakonwabela ukuphumela ngaphandle zibukele 	ISiqalo <ul style="list-style-type: none"> Thetha ngezinto ezenzekayo kusana noko kungqonge usana. Qwalasela abanye abantwana okanye iifoto ukuze uthethe ngoko kwenzekayo kwiziqhelo. Qwalasela iindawo ezahlukahlukeneyo noko kunokubonwa kuzo, umzekelo, izilwanyana, iintaka kunye namakhaya asebumelwaneni. 	Qwalasela uze uxoxe nabazali beentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane ukukwazi <ul style="list-style-type: none"> ukuphicotha izinto uze usabele kutshintsho lwemekobume ukubonisa ulwazi ngezinto ezenziwa ngesiqhelo ukubonisa ukuqonda ixesha njengoko besoloko besenza izinto ngamaxeshwa ukufuna ukwazi ngoko kubangqongileyo ukukhumbula uze uthethe ngabantu neziganeko abaziqhelileyo ukuthatha inxaxheba kwimisetyenzana ukusebenzisa ulwimi olunxulumene nexesha

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlol, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuqhubeleka</p> <p>Abakhasayo nababhadazayo</p> <ul style="list-style-type: none"> Baqalisa ukwenza unxulumano phakathi kwezinto ezenziwayo nolandelewano lwezinto ezenziwa ngesiqhelo. Baqonda ixesa ngendlela elisetyenziswa ngalo, umzekelo, ngoku, kamva, ngaphambi. Babonisa umda kwihiabathi abahlala kulo kunye nezinto ezenziwa kulo 	<p>Ukuqhubeleka</p> <ul style="list-style-type: none"> Thetha nabantwana ngezinto ezenziwa ngamaxesha esiqhelo noko kwensiwayo ngaloo maxesha. Yenza abantwana banike ingqalelo kweyona misetyenzana eyenziwa ngamaxesha esiqhelo. Sebenzisa amagama anjengala <i>ngoku, kamva, ngaphambi, izolo, namhlanje, ngomso</i> Balisa amabali eendawo ezahlukahlukeneyo neehambo. Yakha amathuba okuba badlale ngezinto ezakhwiyeo ezinomfuzisel wezinto ezikhoyo ebomini. Cwangcisa iihambo eziphumela ngaphandle kwezikolo lokufundela ngeenjongo zokuba babe nezinto abaza kuzifunda. 	<p>Izinto emaziqatshelwe kwiintsana, kwabakhasayo nababhadazayo nakubantwana abancinane ezingangunobangela wokuba umntwana angabi nako ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana</p> <ul style="list-style-type: none"> uloyiko nenkalabo enxulumene nokuzama ukwenza izinto ezintsha Ukungakwazi ukunika ingqalelo ubunzima kwisigama lingxaki zokungakwazi ukusebenzisa ulwazi kubenzima ukukhumbula
	<p>Ukuqhubeleka phambili</p> <p>Abantwana abancinane</p> <ul style="list-style-type: none"> bayakwazi ukukhumbula nokuthetha ngabantu neziganeko eziqhelekileyo babonisa ukuqonda utshintsho ngokuhamba kwexesha yaye bayakwazi ukusebenzisa amagama anxulumene nexesha Bayajonga yaye bafuna ukwazi ngendawo abahlala kuzo nehlabathi elibangqongileyo 	<p>Ukuqhubeleka phambili</p> <ul style="list-style-type: none"> Khuthaza abantwana bathethe ngezinto ezenzeke kubo. Khuthaza iincoko nabantwana baqalise izivakalisi ezinjengokuthi, Xa bendisendleleni eya ... Khuthaza abantwana ukuba basebenzise ulwimi lwexesha kunxibelwelano lwabo umzekelo, <i>ngoku, ngoko, kamva, okudlulileyo</i>. Funda uze/okanye wenze iincwadi ezibonisa iziganeko, amava nemibhiyozo. Yakha amathuba okudlala imidlalo yokulinganisa. 	

linjongo	IzaLathiso zokuKhula kweeNtsana, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Imizekelo yemisetyenzana yaBantu abadala neyaBantwana abaDadlana abanokuyenza neeNtsana, baKhasayo, abaBhadazayo naBantwana abaNcinane	Isikhokelo esibanzi sokuhlolola, ukujonga ngamehl' okhozi, ukuphulaphula, ukubhala, ukunika ingxelo, iingxoxo nabazali nabazali nokuthumela kwingcali xa kuyimfuneko.
	<p>Ukuya kwibanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> Baqalisa ukwahlula phakathi kwexesha elidlulileyo nelangoku besebenzisa amagama anje ngala: <i>xa ndandisemncinane...</i> Bafuna ukwazi ngakumbi ngeempawu zeendawo apho bahlala khona nehlabathi elibangqongileyo. Bachaza amava abo ngokuzithemba. Babonisa umda kwabanye abantu – amalungu osapho, abahlobo. Bayazi ingeteknoloji baze bajonge indlela yokusetyenziswa kwayo - iikhompyutha, izinto zokudlala zombane, ii-selula njalo njalo. 	<p>Ukuya kwibanga lika R</p> <ul style="list-style-type: none"> Yenza imisetyenzana elandeleanayo nabantwana ukuze babe nezivo zexesha umzekelo, sebenzisa imifanekiso yeentsana, ababhadazayo nabantwana abancinane ukuze bayile umgca wexesha. Khuthaza abantwana ukuba babuze imibuzo – <i>ubani, intoni, phi, kutheni, nini, njani</i>. Yazisa isigama ukuze uncede abantwana bathethe ngabakubonayo. Cwangcisa uhambo oluncheda abantwana baqonde ngokubanzi imekobume yabo. Yenza iincwadi nabantwana – umntu omdala makalizobe ibali elibaliswa ngumntwana. Yakha amathuba ukuze abantwana babone baze bathethe ngolwazi kunye noqhagamshelwano Iweteknoloji, umzekelo, thetha ngokuba yenza ntoni yaye isetyenziswa njani ngokukhuselekileyo. Ukuba zikhona, vumela abantwana badlale imidlalo yekhompyutha efanele ukubakhulisa ngendlela efanelekileyo. 	

UHLOLO LWEEMFUNO ZOKUKHULA NOMDLA WOKUFUNDA KOMNTWANA NGAMNYE

I-Kharityulum esiSiseko kuZwelonke iquka isikhokelo

- sokuqwalasela iimfuno zokukhula nezokufunda zomntwana ngamnye
- sokulungiselela imisetyenzana ukuhlangabezana neemfuno zokukhula nezomdla wokufunda womntwana ngamnye
- sokwenza imisetyenzana kunye nabantwana
- sokuhlola iimfuno zokukhula nezokufunda zabantwana nokujonga inkqubo ye-KBQ nokukwazi kwayo ukuhlangabezana neemfuno zomntwana ngamnye.

Yintoni uhlolo?

Uhlolo yinkqubo ecetyiwego eqhubekayo yokuqonda, ukuqokelela nokucacisa ulwazi malunga nokukhula nokufunda kweentsana, ababhadazayo nabantwana abancinane.

1. Ukulungiselela uhlolo.
2. ukuqonda imo yempilontle, ukukhula nokufunda komntwana ngamnye.
3. Ukrekhodisha inkcazel yomntwana ngamnye.
4. Ukucacisa ulwazi ngabo ukuze kuphuculwe ukukhula nokufunda kwabo ngemisebetenzana ecetyiwego.
5. Ukunika ingxelo nokuxoxa ngeemfuno nomdla womntwana ngamnye kunye nabazali ukuze baqonde baze bancedise ekukhulen, ekufundeni nakwiimfuno ezikhethekileyo zomntwana.
6. Ukucwangcisa imisetyenzana elandelayo, komelezwe kuze kuthethwe ngeemfuno zokukhula zomntwana

Uhlolo lusoloko lunika ulwazi ngenkqubo yomntwana kweli nqanaba lobomi bakhe. Umntwana ‘akanakuphumelela’ okanye ‘angaphumeleli’. Uyakhula yaye akhule nangokwasemzimbeni aze afunde. Ncedani basebenzi nizikhwebule ukubanika.... Akukho zimviwo zihlalelw phantsi okanye uvavanyo





Injongo yohlolo (ukukhawuleza & ukulibaziseka)

Abantu abadala nabantwana bathatha iziggibo usuku ngalunye malunga nezinto abakwaziyo ukuzenza kwakunye nezinto abakwaziyo ukuzenza nabanye - ulwazi lwabo, izakhono zabo nendlela abaziphethe ngayo. Basebenzisa ezi ziggibo ukuggiba ngamanyathelo amabawathathe kwixa elizayo. Ezi ziggibo luhlolo lwezinto abakwaziyo ukuzenza kwelo nqanaba.

Abantu abadala abasebenza kwiinkubo zemfundo yasekuqaleni yobuntwana bahlola iimfuno zokukhula nokufunda kunye nomdla wosana ngalunye, okhasayo nobhadazayo, nomntwana omncinane oselugcinweni lwabo, ukuze bacwangcise imisetyenzana ukutyebisa ukukhula nokufunda komntwana.

Basebenza ngokusondeleneyo kunye neentsapho zabantwana.

Injongo yohlolo kukuxhasa nokukhuthaza ukukhula nokufunda kweentsana, abakhasayo nababhadazayo nabantwana abancinane, ukuze kuhlolwe iimfuno zabo kwiinkalo zonke zobomi babo. Ngokusekelwe kuhlolo umntu omdala ubamkela bonke abantwana kwinkubo zemihla ngemihla.

Oku kuthetha ukuba uhlolo lubalulekile ekwenzeni iziggibo ngeemfuno zomntwana nomdla ngelo xesha, ukuze imisetyenzana engakumbi icwangcise kwangethuba, kusetyenzwe nomntwana ukuphucula ukukhula nomdla wakhe. Oku kusibonisa ukuba simele ngalo lonke ixesa sikhuthaze oopraktishina bethu ukuba benze imekobume ilungele ukuphucula iimfuno zokukhula nokufunda.

Abantwana abaneemfuno ezikhethekileyo zokukhula nezokufunda.

Umntu omdala uhlola iimfuno ezikhethekileyo nemiqobo efunyanwa ngabantwana abaneziphe zokufunda nokukhula anike imisetyenzana efanelekileyo nezisombululo kwiinkubo zamihla ngemihla. Uggithiselo kwiingcali kwensiwa emva kweengxoxo nabazali nabasebenzi. Lingcebiso ezenziwa ziingcali zimele ziukwue kwinkubo yemihla ngemihla ukuze kuqinisekiswe inkxaso eqhubekayo, engagungqyio kwimekobume equkayo, enika inkxaso nevumayo.

Uhlolo lwenziwa phi kwiminyaka yokuqala yobuntwana?

Umntwana ngamnye unamava amabini ubuncinane:

- amava asekaya abaluleke kakhulu kunye
- amava kwinkubo yeziko le -KBQ, nokuba isekelwe kwinkubo yasekhaya okanye isekelwe kwinkubo ekwiziko elo.

Umntwana ngamnye uya kuba namava afanayo kwakunye nawodwa kwinkalo nganye nolwazi olwahlukileyo ngehlabathi, izakhono, indlela yokuziphatha, nezimilo ezifundiweyo kwinkalo nganye.

Oopraktishina beKBQ kufuneka baqinisekise kangangoko ukuba ezi ntlobo zimbini zamava ziyadibana ukuyila utshintsho olunonxibelewano kumntwana ngamnye phakathi kwekhaya nesikolo. **Bakwenza oku ngokusebenza ngokusondeleneyo nabazali neentsapho zomntwana ngamnye oselugcinweni lwabo.**

Amanyathelo ekumele athathwe ekuhloleni iimfuno zokukhula nomdla wabantwana ekufundeni

Inyathelo 1 Ukulungiselela uhlolo oluqbekayo

Uhlolo kule minyaka yokuqala yobuntwana ayikho sesikweni yaye yenziwa ngosuku ngalunye kumntwana ngamnye.

KwiKSZ ugxininiso kuhlolo lusekuqwalaseleni abantwana ngendlela eqhubekayo necwangcisiweyo, ngexesa leziqhelo zemihla ngemihla, imisetyenzana ecwangcisiweyo nokudlala ngokukhululekileyo.

Uhlolo ngokuqwalasela luthetha ukujongisia ngocoselelo nokuphulaphulisia umntwana ngamnye ngosuku ngalunye.

Isikhokelo sokuhlola sisekelwe kwiinkalo zokuqala ezintandathu zokufunda neengcebiso zohlolo kuyo nganye. Abantu abadala basebenzisa ezi ngcebiso njengesiseko sokuqwalasela kwabo umntwana ngamnye.

Lungiselela uhlolo ngokucwangcisa

1. incwadi yamanqaku oyigcina kufutshane ubhale kuyo amanqaku abalulekileyo okukhula nemiceli-mnjeni athi umntwana ngamnye ajongane nayo imihla ngemihla.
2. ifayile yomntwana ngamnye onokukhuphela kuyo amanqaku abhalwe umhla ukuze kugcinwe yonke inkukacha ngomntwana (iifotokopi ze 'Road to Health Booklet', iinkukacha zobhaliso, iikopi zeengxelo eziya kubazali, amanqaku eengxoxo nabazali njl njl).
3. Isicwangciso sexesa esibaliwego esibonisa amaxesha eentlanganiso zeengxoxo nabazali.

Inyathelo 2 Ukufumanisa ngokuqwalasela: ukuyila nokuqokelela ubungina bempumelelo/ imiceli-mnjeni

Ipraktishina kufuneka ikhumbule oko iye yakubona ukuze ikwazi ukucwangcisa kakuhle nangokufanelekileyo ukuhlangabezan neemfuno kunye nomdla womntwana ngamnye, ize ixoze ngezi mfuno nomdla nezicwangciso zayo nabazali bomntwana ngamnye.

Eyona ndlela ingcono yokwenza oku kukubhala amanqaku angundoqo okukhula nomdla womntwana ngamnye.

Amanqaku aza kusekelwa kulwazi olukwiiMFQQ zontandathu.

Qwalasela izenzo nokuziphatha komntwana ngamnye usuku ngalunye.

- Jonga kwizenzo zakhe ukubona izakhono ezikhulayo, umzekelo, ukuhlala, ukususa unyawo, ukujikajika umzimba wakhe, ukubamba ikhryayoni, ukwenza iimpawu ephepheni (bona iseti yezinto omele uzijonge kwiSikhokelo seNkqubo yoKukhula).
- Phulaphula izandi ezenziwa ngumntwana.
- Sebenzisa izivo zokunukisa nokubamba ukuze ubone ugula emntwaneni (ivumba lomphefumlo womntwana, ituwa, ubushushu, ukoma, ukubila).
- Bhala amanqaku ezinto ozibonileyo. Ubungqina obubhaliwego bubaluleke kakhulu. Oku kunjalo ngakumbi ngempilo nokhuseleko, ezilawulwa ngumthetho (ubungqina obubhaliwego bomonzakalo, iingozi, ukugula namanyathelo athathiwego ukuhlangabezana nezi zinto).

Inyathelo 3 *Ukurekhodisha inkcazelو*

Umzali noopraktishina beKBQ bakhumbula inkcazelو engundoqo ngokukhula nokufunda komntwana.

Upunktishina weKBQ urekhodisha oku ngokukubhala kumanqaku ezinto azifumanisileyo ngosuku ngalunye nangokusesikweni kwingxelo yenqubela neemfuno zomntwana.

Kule minyaka yokuqala yobuntwana, AKUKHO manqaku okanye iipesente ezinikwa bamntwana. Lonke uhlolo Iwenziva ngenkcazelو enikiwego. Le nkcazelو ihamba ngolu hlobo lulandelayo:

limfuno zokukhula komntwana kwiMFKQ nganye	Umdla womntwana ngamnye wokufunda
Enye yezi zilandelayo kwinjongo nganye yeMFKQ	Umntwana unomdla kakhulu eku.....
Umntwana uqalisa uku.....	
Umntwana uyaqhubeleka kule njongo	
Umntwana uqhubeleka phambili kule njongo	
Umntwana ulungele iBanga lika R kule njongo	
Ezona mfuno nomdla womntwana okwangoku kule MFKQQ kuku..... (yenza uluhlu) 1. 2.	
Kufuneka sisebenzisane ukuze sinike amathuba ngosuku ngalunye ukuze umntwana a..... (Yenza uluhlu Iwemisetyenzana yepraktishina yeKBQ nabazali ukuze basebenze kune ekhaya nakwinkqubo yeKBQ) 1. 2.	lingxoxo zisekelwe kubungqina obuqokelelwe kwiirekhodi zokuqwalasela.

Inyathelo 4: *Ukuchaza ulwazi*

Kubalulekile ukuhlola ubungqina. Umzali nepraktishina yeKBQ ngabo abanika izigqibo ezifanelekileyo zokuba yeyiphi inkcazelو ebalulekileyo nezigqibo ezimalunga nokukhula nomdla wokufunda komntwana. Oku kuqalathwe kulwazi Iwesikhokelo ngokubanzi sokukhula kwiMFKQ nganye.

Inyathelo 5: *Ukunika ingxelo nokuxoxa ngeziphumo*

Ukunika ingxelo yinkqubo yokuthetha ngobume bokukhula nokufunda komntwana neemfuno kubazali, ezikolweni, nabanye ababandakanyekayo. Ukunika ingxelo kuqala ngengcaciso ebhaliwego yokukhula nokufunda komntwana.

Zintathu iindidi zeaseti zabantu ekufanele besoloko besaziswa ngeemfuno nomdla womntwana ngamnye. Zezi

- Abazali neentsapho zomntwana
- Abasebenzi abaqeleshelwe abantwana abaneemfuno ezikhethekileyo.
- Abasebenzi abakwinkqubo yeKBQ nakwiBanga lika R.

lingxoxo zisekelwe kubungqina obuqokelelwe kwiirekhodi zokuqwalasela.

Ngokwesiqhelو ezi iingxoxo zisekelwe kwingxelo ebhaliwego eya kubazali nabasebenzi.

lingxoxo zenzeke

- Ngokungekho sesikweni xa abazali besizisa okanye belanda umntwana ngosuku ngalunye (ngokwesiqhelو ngemiba yempilo nokhuseleko nokubhiyozela impumelelo yomntwana ngolo suku). Ukuba omnye umntwana omdala okanye omnye umntwana omdala wakowabo nguye oelungelweni lokumzisa aze amlande umntwana, abazali kufuneka banike imvume zeengxoxo ezinzulu ukuba zenzeke, baze baziswe ngokubhaliwe ngako nakuphi na ukwenzeka.
- Ngokungekho sesikweni, ngokutsalelwu umnxeba nangokwamanqaku abhalelwu abazali, kwincwadi yenqubo yomsebenzi wasekhaya womntwana.
- Ngokusesikweni, ngeentlanganiso ezicwangciswe kwangethuba phakathi komzali ngamnye noopraktishina.

lifomu ezisetyenziswa kwinkqubo yohlolo ziyafumaneka
kwisikhokelo senkqubo yokukhula ehambelana neKSZ

Ukuhlola inkqubo yeKBQ

Kuthetha ukuthini ukuhlola inkqubo?

Uhlolo luqhutywa ngomntwana ngamnye .

Uhlolo Iwenkqubo luqhutywa ngenkqubo yonke nokuba
ihlangabezana njani neemfuno

- zabantwana bonke
- iiintsapho ezisebenzisa le nkqubo

Lo ngumzekelo wesikhokelo sokuhlolwa kwenkqubo:

UMmandla wokuFundu nokuKhula kwasekuQaleni	Amandla eNkqubo	uButhathaka beNkqubo	Amanyathelo amele athathwe.	Ngubani Nini	Ingxelo ku... Nge...(umhla)
Umzekelo MFKQ 1: Impilontle					(isayinwe)
Izondlo					
Impilo nococeko					
Ukhuseleko					
Ukukhula ngokomzimba					
Ukunyamezela kwabantwana					
MFKQ 2:					


lingxelo zohlolo lweenkqubo zenziwa zize zinikwe bonke abdlala indima ephambiili, kuquka

- a. IKomiti yoLawulo kwintlanganiso nganye (njengomba ozimeleyo kwi-ajenda)
- b. Abazali kwiintlanganiso zabazali eziqhelekileyo kwikota nganye
- c. Abaxhasi ngeemali xa bezicelile iingxelo.

- imibutho nabantu abaxhasa inkqubo (iSebe Lophuhliso Loluntu, amanye amaSebe kaRhulumente, imibutho yesisa nabahlali, imibutho engekho phantsi kukaRhulumente-imibutho esekelwe kunqulo kwakunye nabantu abenza ingeniso).

Uhlolo Iwenkqubo luyaqhubeleka yaye luquka

- uhlolo lwemihla ngemihla lokhuseleko, ezempilo nesondlo kwinkqubo yeKBQ.
- uhlolo ngenyanga okanye ngekota lokudluliselwa kwamathuba okufunda kuzo zonke iiMFQ.



Umzobo 14 Inkubo eqhubekayo yokuhlolinkubo yeKBQ

Izifinyezo

NPKH	INkcazeloyePolisiyeKarityhulam nokuHlola
BH	ImiButho YokuHlala
KBQ	UkuKhulisa kwaBantwana Abancinane
BN	ImiButho YoNqulo
SPN	ISikhokelo sokuPhuhliswa kweeNkqubo zeKBQ, zeentsana, abakhasayo, nabantwana abancinane
Ibakala le- 4	Iziqinisekiso zemfundo zebakala le- 04 zeKBQ, ezibhaliswe kwiSQMZ ngeZQMMA (bona ngezantsi)
NKZ	INkcazeloyeKarityhulam kuZwelonekesekelewe kuyo i- NPKH
ZSFQ	AmaZinga asiSiseko sokuFunda kuZwelonek (ZSFQ)
BNR	ImiButho eNgekho kuRhulumente
SQMZ	ISiseko seziQinisekiso zeMfundokuZwelonek
ZQMMA	IZiko leziQinisekiso zeMfundoyoMzantsi Afrika

Uluhlu

Ibinzana	Ingcaciso
usana, okhasayo ukuya kobhadazayo nomntwana omncinane	<p>Ngokuvumelana ne ZSFQ, amabakala okukhula ahamba ngolu hlobo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • lintsana: ukususela ekuzalweni ukuya malunga neenyanga ezili-18 • Abakhasayo ukuya kwababhadazayo: ukususela malunga neenyanga ezili-18 ukuya kwiinyanga ezingama- 36 (iminyaka emithathu) • ABantwana abaNcinane: ukususela malunga neminyaka emithathu ukuya kwemine • Ukuya kwiBanga lika R: ukususela malunga neminyaka emine ukuya kwixesha apha abantwana abancinane balungele iBanga lika R (kunyaka ababa neminyaka emihlanu ngawo).
Umntwana	Umntu oneminyaka engaphantsi kweli-18 ubudala
Umgcini womntwana/umama wasemini	<p>Umntu othi nokuba wenzela ingeniso okanye simahla, anyamekele abantwana abafikelela kwabathandathu kude nekhaya labo, okanye ekhayeni lakhe, okanye kwindawo elungiselelwé abantwana.</p> <p>limfuneko zokubhalisa nohlolo zichazwe kuMthetho wabaNtwana 38 ka-2005. Abanye oomaspala bafuna abantu abagcina abantwana babhalise kubo.</p>
Abantwana abaphila nokhubazeko neemfuno ezikhethekileyo zokukhula nezokufunda	<p>Bonke abantwana baba ngabantwana kuqala. Banezinto ezininzi abakwazi ukuzenza yaye basenokuba nezinto abangakwazi ukuzenza. Ukhubazeko sisiphene nje esinye kubomi bomntwana. Abantu abadala kufuneka baqwalasele, batthele, baze bazikhuthaze izinto umntwana azenza kakuhle, neendlela akhula natshintsha ngazo. Ukuthetha ngezinto umntwana agqwesa kuzo nokumkhuthaza kuzo, kuthumela umyalezo kumntu wonke wokuba abantwana abaneemfuno ezikhethekileyo banobuchule nabo.</p> <p>Ukuphila nokhubazeko kusenokuba ngaphakathi okanye kubonakale ngaphandle emntwaneni, umzekelo ngokomzimba (ukuphulukana nengalo okanye ukungasebenzi kwelungu lomzimba, okanye imeko ethile yempilo); ngokwezivamvo (ukuphulukana nokuva okanye ukubona); ngokwengqondo (umzekelo, ingxaki yokufunda).</p> <p>Ukhubazeko olungaphaya lunokubangelwa bubuhlwempu, ubundlobongela, ubomi ekhayeni obungazinzanga nokuxhatshazwa.</p> <p>Umntwana ukhubazekile xa abantu abamngqongileyo bengawusiso umahluko okhoyo phakathi komzimba wakhe nengqondo yakhe, yaye bengawunyamekeli ngendlela enentionelo.</p>
Isifo esosulelayo	Sisifo esinokosulewa kwabanye umzekelo, ukhwekhwe, irhashalala enku, imasi.
Ukuba nobugcisa	Abantu nabemi abanobugcisa banolwazi olwaneleyo nolusebenzisekayo, izakhono ezisebenzisekayo nezimo zengqondo zokuhlala besempilweni, beqhubela phambili ngobomi yaye bonwabile.
Ikharityhulam	Ikharityhulam yabantwana abaqlayo imalunga nawo onke <i>amava</i> abaya kubanawo abantwana ukususela ekuzalweni ukuya kwiminyaka emine kwiimeko ngeemeko.
Ukukhula okufanelekileyo	Eli binzana lisetyenzisa ukuchaza imisetyenzana, izixhobo okanye iinkqubo. Yindlela yokusebenzisana nabantwana ukuphawula oko kwaziwayo ngokukhula komntwana noko kufundiwayo ngokukhula komntwana ngamnye ngokwemekobume nemo azalelwé kuyo waze wakhulela kuyo.
Ulibaziseko nokukhawuleza ekukhuleni	<p>Abantwana basoloko benemimandla eyahlukaneyo abakhula ngokukhawuleza kuyo xa bebonisa umdla nobuchule, umzekelo, usana lunokuba nomdla kakhulu yaye 'luphum'izandla' ekuzobeni nasekupeyinteni.</p> <p>Abantwana banokuba namava okulibaziseka ekukhuleni kwabo nto leyo enokuthatha ixesha elide okanye ibe lixeshana. Basoloko bephelelwá ngumdlá kwiindidi ezithile zemisebenzi okanye iincoko.</p>

Ibinzana	Ingaciso
Ukuphawula kuselithuba nokungelela kwimiqobo yokufunda, yokukhula neyokuthatha inxaxheba	<p>Umqobo yiyo nantoni na eme endleleni yokuba umntwana akwazi ukufunda. Imiqobo yokufunda ibanzi kunesiphene; iquka imiqobo ebonakalayo enjengendala, ukuxhatshazwa, nemiqobo ebangelwa ziinkqubo zoRhulumento, umzekelo, amagumbi abantwana azeleyo, ukunqongophala kwezixhobo zokufunda nokufundisa kunye neenkonzo zenkxaso.</p> <p>Ukuphawula imiqobo kwangethuba ekufundeni nasekukhuleni kubhekisela ekuskrineni nakwezinye iindlela zokuphawula kwangethuba iimpawu ezingumceli-mngeni kuwo nawuphi umbandela ongokukhula komntwana.</p> <p>Ukungenelela kwangethuba sisenso esithathwayo ukulungisa imiqobo ephawuliweyo yokufunda nokukhula, yaye kuquka zonke iinkonzo ezinikezwa ngamasebe ngamasebe ajongene nokufunda nokukhuliswa kwabantwana ukuxhasa umntwana kunye nosapho lwakhe.</p>
KBQ	Ukukhuliswa kwabantwana abancinane yintetho ebhekisele kwiinkqubo aphi abantwana ukususela ekuzalweni ukuya kutsho kwiminyaka esithoba ubuncinane behkula ngokomzimba, ngokwengqondo, ngokweemvakalelo, ngokwasemoyeni, ngokuziphatha nangokonxulumano.
Iziko leKBQ	Siso nasiphi na isakhiwo okanye iindawo ezilungiselewe ukwamkela nokugcina abantwana abangaphezu kwestithandathu ngaphandle kwabazali babo, ngokuhuselekileyo. Ezizakhiwo zingasetyenziselwa inzuso okanye zisetyenziswe simahla. Iziko leKBQ xa libhalisiwe linokwamkela iiintsana, abakhasayo ukuya kwababhadazayo okanye abantwana abalungele ukuhamba iziko elo. Le ntetho, iziko leKBQ lingabhekisela kwikhrishi, kwiziko lonakekelo lwasemini lwabantwana abancinane, amaqelana okudlala, isikolo sabantwana abaminyaka ukususela ekuzalweni ukuya kwiminyaka emihlanu, unakekelo lwasemva kwasikolo njalo njalo. Amaziko eKBQ maxa wambi abhekisela kwiindawo zeKBQ.
Ipraktishina yeKBQ	(Bona IPraktishina)
linkqubo zeKBQ	Le yimisetyenzana ecetyiweyo eyenzelwe ukukhuthaza ukukhula ngokwasemzimbeni, ngokwasengqondweni, ngokweemvakalelo, ngokomoya, ngokuziphatha nangokonxulumano, nokukhula kwabantwana ukususela ekuzalweni ukuya kwiminyaka elithoba.
linkonzo zeKBQ	lindidi zeenkonzo (umzekelo ezemfundo, exemplilo, ukhuseleko ekuhlalen) ezinikezelwa ukuququzelela ukukhula kwabantwana ngokomzimba, ngokwengqondo, ngokwemvakalelo, ngokomoya, ngokuziphatha nangokonxulumano, ukususela ekuzalweni ukuya kwiminyaka elithoba.
Isiqhelo esisebenzayo	<p>Isiqhelo esisebenzayo sijolise kumsetyenzana neenkqubo ezivumela abantwana bafunde ngeemfuno zabo, umdla, yaye sinikela ngeentlobo ezahlukahlukenyenyo zenkxaso ezifanele ukufunda nokukhula kwabo.</p> <p>Isiqhelo esisebenzayo sisekelwe kwiipolisi ezihangabezana neemfuno zabo bonke abantwana abancinane ezinjengePolisi yeKBQ ebizwa ngokuba 'White paper 5', ne 'Child Care Act'.</p>
Imekobume	Imekobume aphi inkqubo yeKBQ ikhoyo iquka imidlalwana yangaphakathi, yangaphandle kunye neyemvakalelo aphi abantwana bakhulayo baze bafunde.
Ukuququzelela	liPraktishina zeKBQ ziququzelela ukufunda. Ziqwalasela iimfuno zokukhula, ezokufunda nomdla. Zicwangcisa imisetyenzana ukuhlangabezana noku, zize zenze le misetyenzana kunye nabantwana zijonge umdla nokuthatha inxaxheba komntwana ngamnye. Ukuququzelela kuthetha 'ukwenza kube lula emntwaneni ukuthatha inxaxheba nasekufundeni'.
Usapho	Ngabantu, abasenokuba kwisivumelwano, bekhetha ukuhlala ndawonye baze banakekelane, bakhulisane, bophilisana kakuhle omnye nomnye.
IBanga lika R	IBanga lika R ngunyaka ongaphambi kwebanga loku- 1. Isebe lezeMfundu kuZwelonke lichonge iindidi ezintathu zonikezelozalo Nyaka woLwamkelo (IBanga lika R): abo bakwinkqubo yesikolo sikawonkewonke samabanga aphantsi, abo bakwizakhiwo ezikwindawo yasekuhlaleni nabakwiinkqubo zonikezelozoluzimeleyo.

Ibinzana	Ingaciso
Ukuqhelanisa nolwazi Iwemveli nolwasekuhlaleni	<p>Ulwazi lwemveli lulwazi olufumaneka kwiintsapho emakhaya, nakumaqela ekuhlaleni. Ludlulisewa kwizizukulwana ngezizukulwana.</p> <p>Isiqhelo nolwazi lwasekuhlaleni zizinto ezisetyenziswa kwimimandla yelizwe umzekelo, iPhondo laseLimpopo lingasebenzisa ulwazi lwasekuhlaleni neziqhelo ezifanele imekobume yalo, engaba nomohluko kuleyo yommandla weKaroo kwiMpuma Koloni.</p> <p>Esi siseko sekharityhulam sikhuthaza ukusetyenziswa kolwazi lwemveli nolwasekuhlaleni neziqhelo ngeentsana, abakhasayo ukuya kwababhadazayo nabantwana abancinane, okuphucula ukukhula nokufunda kwabo.</p>
Ukuqhelisa ngenjongo	<p>Xa sisenza into ngenjongo, sikwazi kakuhle oko sikwenzayo, nokuba kutheni, yaye sikwenza njani oko.</p> <p>Sizicwangcisa ngabom izenzo zethu nezimilo zethu ukuze abantwana baqwälasele ukuba sizenza njani izinto njengabantu, ukuze bakhe izimilo zabo nezimbo ngokujonga kwezethu, bonwabele imisetyenzana ecwangcisiwe ukulungiselela ukufunda ngokweemfuno nomdla wabo.</p>
Igunya lasekuhlaleni	Umasipala wasekuhlaleni okwiinggaapho iinkonzo zeKBQ zinikezelwa khona.
Indawo yokunakekela	Siso nasiphi na isakhiwo okanye iindawo ezlungiselelwé ukwamkela nokugcina abantwana abangaphezu kwsithandathu ngaphandle kwabazali babo, ngokukhuslekileyo. Ezi zakhiwo zingasetyenziselwa inzuso okanye zisetyenziswe simahla. Oku akuquki isikolo sokubhoda, ihostele okanye iziko elisetyenziselwa ngokuyintloko ukufundisa okanye ukuqequesha abantwana, nelilawulwa okanye elibhaliswe okanye lagunyaziswa liLizwe, kuquka ulawulo Iwephondo. Ngokuxhomekeke kubhaliso Iwayo, indawo yokunakekela ingazamkela iiantsa, abakhasayo ukuya kwababhadazayo, abantwana abakwiminyaka yasekrishi nabantwana abasele befunda ngokusesikweni. Kwiimeko apha abazali basebenza ebusuku, abantwana banganakekelwa ebusuku.
IPraktishina	Eli gama libhekisa kuzo zonke iipraktishina zophuhliso Iwemfundo noqequesho IweKBQ, umzekelo, abafundisi-ntsapho, abaqequeshi, abakuquzeleli, abafundisi-ntsapho bezikolo zamaziko aphakamileyo, abanakekeli namagosa ophuhliso, kuquka abo bakulungeleyo ngokwamava abo, nabo babandakanyeke ekunikezeleni ngeenkonzo kumakhaya, kumaziko, nasezikolweni. Ngokwabafundisi-ntsapho nabaqequeshi, eli gama liquka abantu abaqeqeshwe ngokusesikweni nabo bangaqeqeshwanga ngokusesikweni benikezela ngeenkonzo kwiKBQ.
Umntwana wesikolo sabantwana abasusela ekuzalweni ukuya kwiminyaka emihlanu	Umntwana ongaphantsi kweminyaka emithandathu ongekayi kwisikolo esiqhelekileyo.
Imigaqo	<p>Imigaqo yethu sisiseko seenkolelo zethu nezimo zengqondo kwanendlela yokuziphatha kwethu. Yakha imithetho engendlela esifanele sibophile ngayo ubomi bethu.</p> <p>Umzekelo womgaqo kwesi Siseko seKharityhulam kukuba abantwana bangabantu abanako ukwenza, befunda ukususela ekuzalweni.</p>
Ukuqhelisa ukicinga kwakhona	IPraktishina yeKBQ eziqheliise ukicinga kwakhona, iya kuqwalasela iimfuno zokukhula, ukufunda, nomdla, icwangcise nemisetyenzana yoku, iyenze (iququzelele ukukhula nokufunda) ize icinge kwakhona ngoncedo olwensiwe yile misetyenzana ukuze ikwazi ukucwangcisa ngakumbi. Ukicinga kwakhona kwenza ukuqhelisa kuqaqambe.
Ithuba lokufundiseka	Eli lixesha apha umntwana afumana kulula ukufunda into entsha. La mathuba akasoloko ecwangcisa, nePraktishina kaKBQ kufanele iwaqpapele xa evela, ize iwasebenzise ukunceda umntwana afunde into entsha.
Iziqinisekiso zemfundu	Ukwamkeleka ngokusesikweni kwempumelelo yenani elifunekayo nohlobo Iweekhredithi nezinye iimfuno kumabakala athile eSQMZ njengoko kunokuchazwa ngamaziko afanelekileyo abhalisweloo njongo liZiko leziQinisekiso zeMfundu yoMzantsi Afrika.
Ukuqinisekisa umgangatho	Inkubo yokuqinisekisa ukuba iqondo eliphezulu elilendelekileyo liphunyeziwe.
Imisetyenzana yesiqhelo	<p>Imisetyenzana yesiqhelo ibhekisele ekufikeni, ekuhambeni, izidlo, ukuya ngasese, ukuphumla, ukucoca (ukuhlamba, ukucoca izinto, ukuoqosha, ukubeka izinto ngeendawo zazo), ukulala, nezakhono zokuzinceda ezifanele ukukhulisa umntwana.</p> <p>Imisetyenzana yesiqhelo iyanxibevelana kangangoko nemisetyenzana yabantwana, kunye namathuba oneleyo ukuze abantwana bazive bekwazi ukuzenzela.</p>

Ibinzana	Ingaciso
Utshintsho olungavakaliyo	Utshintsho lubhekisele ekusukeni kumsetyenzana usiya komnye umsetyenzana, usuka kwindawo uye kwenye, okanye komnye umntu usiya komnye. Utshintsho olungavakaliyo lwensiwa ngumntu omdala ngokulungiselela utshintsho emntwaneni, exoxa ngalo ngelixa luqhubekayo, aze ancedise umntwana acinge kwakhona ngamava otshintsho.
Inkxaso-mali	Inkxaso-mali inikwa abantwana abayifaneleyo (inkxaso-mali yomntwana /igranti) kunye neenqubo zeKBQ eziyifaneleyo (inkxaso-mali kaRhulumente). Ezi zibhekisele ku 'Regulations of the children's Amendment'(Act 41 of 2007) ebisebenza ukususela ngoApril 01 2010.
UMthetho	'Children's Amendment (Act 41 of 2007) ebisebenza ukususela ngoApril 01 2010.
Inkcazeloyombono	Inkcazeloyombono ikhuthaza oko sikwenzayo, sikwenza nabani, nendlela esiluthatha ngayo uxanduva lwethu. Inkcazeloyombono yoMzantsi Afrika yabantwana bethu abancinane icacisa indlela esifuna ukuxhasa ngayo ukukhula kweentsana zethu, abakhasayo nababhadazayo, nabantwana abancinane. Inkcazeloyombono yejexesha elide ibe ijonge phambili kwixesha elizayo.
Ukuba sesichengeni	Ukubekeka esichengeni ngokugqithisileyo ngenxa yeemeko ajongene nazo umntwana.



ULUDWE LWEMITHOMBO YOLWAZI

Canada. Ontario. Ministry of Children and Youth Services. (no date). Preschool Speech and Language. Retrieved on 26 May 2012 from <http://www.children.gov.on.ca/htdocs/English/topics/earlychildhood/speechlanguage/index.aspx>

Colker, L.J. (2008). Twelve Characteristics of Effective Early Childhood Teachers. *Beyond the Journal. Young Children*. March 2008. Retrieved on 28 May 2012 from www.naeyc.org/files/yc/file/200803/BTJ_Colker.pdf

Department for Education and Skills. (2007). Practice Guidance for the Early Years Foundation Stage. Nottingham: DfES publications.

Disabled People South Africa. (no date). Policies. Retrieved on 12 June 2012 from <http://www.dpsa.org.za/policies.php>

Epstein, AS. (2007). *The Intentional Teacher: Choosing the Best Strategies for Young Children's Learning*. Washington. National Association for the Education of Young Children

Grotberg, E.H. (no date) A Guide to Promoting Resilience in Children: Strengthening the Human Spirit. From The International Resilience Project in Early Childhood Development: Practice and Reflections series. Bernard Van Leer Foundation. Retrieved on 22 March 2012 from <http://resilnet.uiuc.edu/library/grotb95b.html#chapter1>

KFL&A Public Health, Ontario, Canada. (no date). Blind – Low Vision Early Intervention Programs. Retrieved on 23 May 2012 from http://www.children.gov.on.ca/htdocs/English/documents/topics/earlychildhood/vision_services.pdf

KFL&A Public Health, Ontario, Canada. (no date). Indicators of Hearing Loss in Preschool and School-Age Children. Retrieved on 23 May 2012 from http://www.kflapublichealth.ca/Files/Resources/Indicators_for_Hearing_loss_in_preschoolers.pdf

New Zealand. Ministry of Education. (1996). *Te Whariki. Early Childhood Curriculum*. Wellington: Learning Media.

Republic of Ireland. National Council for Curriculum. (2009). *Aistear. Principles and Themes*. Dublin: National Council for Curriculum.

Scotland. Ministry for Education and Young People. (2005). *Birth to Three: supporting our youngest children*. Retrieved on 22 March 2012 from Learning and Teaching Scotland on http://www.ltscotland.org.uk/Images/birth2three_tcm4-161671.pdf

South Africa. (April 1 2010). Children's Amendment (Act 41 of 2007). Pretoria. Government Gazette No. 33076. Retrieved on 22 June from http://www.dsd.gov.za/index2.php?option=com_docman&task=doc_view&gid=102&Itemid=3

South Africa. Department of Social Development. (2006). *Guidelines for Early Childhood Development Services*. Pretoria. Government Printer.

UNICEF. (2002). (3rd Ed.) *Facts for Life*. Retrieved on May 12 2012 from http://www.unicef.org/publications/files/pub_ffl_en.pdf

United Kingdom. Department of Children, Schools and Families. (May 2008). Practice Guidance for the Early Years Foundation Stage. Setting the Standards for Learning, Development and Care for children from birth to five. Retrieved on 21 May 2012 from https://www.education.gov.uk/publications/eOrderingDownload/eyfs_practiceguid_0026608.pdf

United States. Office of Head Start. (2010). *The Head Start Child Development and Early Learning Framework. Promoting Positive Outcomes in Early Childhood Programs Serving Children 3–5 Years Old*. Retrieved on 12 May 2012 from the U.S. Department of Health and Human Services. Administration for Children and Families on [http://eclkc.ohs.acf.hhs.gov/hslc/tta-system/teaching/eecd/Assessment/Child%20Outcomes/HS_Revised_Child_Outcomes_Framework\(rev-Sept2011\).pdf](http://eclkc.ohs.acf.hhs.gov/hslc/tta-system/teaching/eecd/Assessment/Child%20Outcomes/HS_Revised_Child_Outcomes_Framework(rev-Sept2011).pdf).

Ideas for practice have also been developed from internationally based programmes such as High/Scope, Montessori, Reggio Emilia, Head Start and Sure Start as well as from ECD programmes in New Zealand, Australia and Scotland. Best practice in South African ECD programmes has been incorporated.



Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Private Bag X895, Pretoria, 0001
Telephone: 012 357 3000 Fax: 012 323 0601
Website: <http://www.education.gov.za>
© Department of Basic Education